| Izoyikiso zeziqhushumbisi | 0 |
| Ubusela -nokuQhekeza | 72 |
| Ukuziphatha ngendlela engamkelekanga | 0 |
| Umonakalo kwizixhobo esibenza umsebenzi | 1 |
| Ingxaki zombane/ukuvuza kwamanzi | 167 |
| Iingozi zezithuthi | 34 |
| Iindwendwe ezingalawulekiyo | 412 |
| Izigulane ezingalawulekiyo | 103 |
| Izigulane eziqhweshayo | 206 |
| Ukuhlala kophephela | 134 |
| Amacango angatshixekiyo | 121 |
| Imililo | 12 |

### Ulawulo lwezabasebenzi

Abasebenzi baye bakhethwa ukuze bathunyelwe kuqeqesho malunga nemiba ephathelelene neenjongo zomsebenzi wabo.

Ikhosi zaye zenziwa ngempumemelo, kuqukwa nokuqeqeshwa kwi-ABET kwiBusiness Development Programme, kuLawulo lwezaBasebenzi, kwi-Basic Supervision , amaGosa oPhando, amaGosa ezeMpilo noKhuseleko. Oku kwenza kubekho uncedo ekuqhubelekeni ngemfundo eCape Pensinsula University of Technology (CPUT)

Ikhosi yezokhuseleko olwenza abasebenzi ukuze babhalise kumniki-nkonzo ngokwe-Private Security Industry Regulatory Authority (PSIRA).

### Ezokhuseleko lweCandelo eliziMeleyo

| | |
|---|---|
| UManejala weKhontrakthi | 1 |
| OoManejala beZiko | 3 |
| I-Arm Responce | 6 |
| UMqhubi weBhaki | 1 |
| Isithuthuthu | 1 |
| | 61 kwishifti yasemini<br>48 kwishifti yasebusuku<br>59 kwiishifti ezihlulwa kubini |

### Izithuthi zezigulane

### Okuthe kwaphunyezwa

Ukuthuthwa kwezigulane yimisebenzi yeeNkonzo zokuNgxamisekileyo/iNkonzo yeMetro [iHealthnet].I-Ofisi ejongene nothutho lwezigulane ise-H Corrider kumgangatho osezantsi.

Indawo yokungena ekwanombolo 4 ngoku esetyenziswa njenge-transit lounge entsha, kwaye kule ndawo kungahlala izigulane ezingama-20 ezikhululweyo esibhedlele.

Ngenxa yokubakho kweligumbi lokulinda izigulane azihlali kwiibhedi zesibhedlele ixesha elingaphezu kwelimiselweyo.

### Imiqobo

Ngenxa yokungafumaneki kwee-ambulensi, izigulane kuye kufuneke zilinde isithuthi zakuba zikhukuluwe esibhedlele.

Ngexa yeenkqubo ezilandelwayo ezingachanekanga abazisebenzisayo abasebenzi, izigulane kuye kufuneke ukuba zisiwe kwesinye isibhedlele ukuze ilungiselelwe ngokutsha inkqubo yazo yonyango. Oku kwenzeka ngamaxesha athile, iziphumo zoko ke ngoko, kukufuneka kwemali ekuye kufuneke ihlawulwe xa isigulane kukhululwa esibhedlele.

Izigulane zalapha ezisebenzisa izithuthi zazo xa zisiya esibhedlele,kwaye ziye zilindele ukuba zincedwe zizithuthi zesibhedlele [iHealthnet] ukuzigodusa.

### Ubonelelo ngenkonzo

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| UMabhalana wezoLawulo oPhezulu | 1 |

### Imingeni

Amaxesha okulinda nee-ambulensi ezimbalwa aziloncedo kakhulu ekuthutheni izigulane nabasebenzi bezokonga ukuba bakhaphe izigulane ezibuthathaka ukuzisa kwiSibhedlele iTygerberg.

Abaqhubi bakwaHealthnet abavumi ukuthutha izigulane ezingabantwana ezikhululwa esibhedlele kungekho mntu mdala. u kokukhatshwa into ke leyo eyenza ukuba iibhedi zihlale zigcwele ixesha elingaphezu kwelimiselweyo.Kwiimeko ezininzi baye oomama babe besalaliswe esibhedlele.

Kungoku nje, mnye kuphela uMabhalane oPhezulu wezoLawulo osebenzayo kweli setyana. Le meko iya iba yingxaki ngokumalunga nekhefu/ ikhefu lengulo.

Umsebenzi wee-porter uye ufuneke ukuncedisa ukuze kuqinisekiswe ngokunikezelwa kweenkonzo.

## IiNkonzo zokucoca zangaphandle

**UMnu R de Jager**

### Umniki nkonzo

Ukunikezelwa kwenkonzo yenkunkuma yezonyango enobungozi kungoku nje yenziwa yi-Solid Waste Technologies, apho kuye kutshiswe umlinganiselo weetoni ezili-9.2 zenkunkuma yezonyango nyanga nganye.

I-Waste Mart inoxanduva lokuthutha inkunkuma yasekhitshini.

### Ingxaki yemali

Ukususela oko icandelo lee-akhawunti lakwaSolid Waste Technology laye lafakwa kwiRand Trust, ii-invoyisi azithunyelwa kwangexesha.

### Ubonelelo ngeenkonzo

Ngokomthetho we-Western Capehealth Care Waste Managament Act, 2007 njengoko kuchaziwe kwicandelo 6(2)(n), thina kufuneka sibhalise njengejenereyitha, oko sikwenza kwisithuba seentsuku ezili-180 zokuhlanganiswa kwe-Draft Health Care Risk Waste Management Regulation, 2011.

Oku kuya kwenziwa xa iSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso liwuphumeza lo mthetho.

### ULawulo lwezaBasebenzi

**Okuhambe kakuhle**

I-avareji yenkunkuma yezonyango eziitoni ezili-9.2 eyenziwa leli ziko ngenyanga, iye itshatyalaliswe ngokukuko, kwafumaneka nesiqinisekiso esivela kubathuthi, bakwaSolid Waste Technology.

**Okungahamba kakuhle**

Omnye wamagosa wazisebenzisa zonke iintsuku zakhe zekhefu lengulo waza wenza isicelo sokusebenzisa ezePillar.

### Imimiselo yobeko-liso

Idatha yenzelwe injongo yokubeka esweni imisebenzi yothutho yeHealth Care Risk Waste ukususa kwizitora zethu esigcina kuzo ithuthela kwiziko lonyango.

### Imiqobo ngokubanzi

Ulwahlulwahlulo ngokwaseziwadini kwafuneka ukuba luqwalaselwe ngokukhawuleza ngenxa yokuba iHealth Care Waste Risk isakwazi ukufikelela kwinkunkuma yethu yasekhitshini, enganeziphumo ezibi nezinobungozi eluntwini.

### Emkhenkceni/EMotshwari

### Okuphunyeziweyo ngemali

Eli setyana libonakala kufanelekile ukuba lithenge nasiphi na esinye isixhobo ukwangeza, into leyo eyanciphisa inkcitho.

Kwahlawulwa ama-R21 000 ngabangcwabi emva kwamanyathelo aqatha olawulo awayemiselwe ukugada iintlawulo ezinziwayo ngumngcwabi ngokubhekiselele ekuzalisweni kweefom ezibizwa ngokuba zii-"B" forms (iifom ezinxulumene nokutshiswa kwemizimba engasekhoyo).

### ULawulo lwezaBasebenzi

**Okuhambe kakuhle**

Iporter esebenza emkhenkceni eyaziyo imisebenzi esisiseko yomabhalane wasemkhenkceni yaba luncedo olukhulu xa wayengekho umabhalane esahlabe ikhefu lonyaka.

Iintlanganiso ezaziqhutywa kunye neekhontraka zokungcwaba ukuze kuqwalaselwe imiba eyingxaki mayela nokutshiswa kwemizimba engasekhoyo. Abe-Medic bayanconywa ke ngoko ngenxa yokuzibhala kakuhle iziqinisekiso ezitsha zokufa ezikhutshwa liSebe leMicimbi yaseKhaya, into leyo ebe neziphumo zokukhawuleziswa kwamalungiselelo omngcwabo.

**Okungahamba kakuhle**

Kubekho ulibaziseko ekugqityweni kweefom ze- "B" & "D" ngokulandelana kwazo ezimayela nokutshiswa kwemizimba yabangasekhoyo nangokwezicelo zokwenziwa kotyando lwesidumbu.

### I-Pneumatic Tube System

### Okwaphunyezwa ngemali

Eli setyena azange liyibone iyinto efanelekileyo ukuthenga nasiphi isixhobo esisongezelelo, into ke leyo eyanciphisa inkcitho.

### Ingxaki yemali

Inkqubo ebizwa ngokuba yiTube System kungoku nje iyenziwa nguchwepheshe wabucala onomsebenzi wokulungisa nayiphi na into efuna ukulungiswa.

Njengoko emnye ucwhepheshe okhoyo ukukhanda le sistim, ukwenziwa kwemisebenzi kuye kuphazamisekile, umz.xa kukho into eblokileyo / exingileyo etyhubhini enesampuli.

Kudla imali eninzi ukusebenzisa uchwepheshe njengoko emva kweeyure zomsebenzi zixhoma iindleko.

### Ubonelelo ngenkonzo

Eli setyena ligxile ekukhuthazeni ukusebenza kakuhle mayela nokunonophelo lwezigulane.

Eli setyenza linabantu abazii-oparator abahlanu kuphela bokwenza loo msebenzi kwiSibhedlele iTygerberg.

### Ulawulo lwezabasebenzi

**Okuhambe kakuhle**

Iiseshoni zokuxhobisa ngolwazi zaye zenziwa kwi-SPMS, imithetho-siseko yeBatho Pele noNcedo lokuQala.

Eli setyena lisebenza ngaphandle komphathi othe ngqo kulo, kodwa ngenxa yokuba iporter eyintloko yaye yaqeshwa ukuba ibe ngumphathi weli setyana, iinkonzo zatsho zaqhuba kakuhle emva koko.

**Okungahambanga kakuhle**

Ngenxa yobudala bale sistim nangenxa yokuba ezinye iintsinjana zayo azisafumaneki, iityhubhu zimana ziphuncuka ekuhambeni kwexesha, kwaye ziphelelwe ngoku.Oku kukhokelela kwiingxaki ezahlukeneyo zomntu oyisebenzisayo ioperator ewadini.

### UCoceko

IiTyhubhu ziyalungiswa zize zicocwe yonke imihla.

## Iinkonzo zooPorter

**UMnu R de Jager**

### Okuphunyezwe ngemali

Zingama-39 iiTroli zewadi ekuthiwa zii-professional Ward Patient Trolleys, zize zibe ngama-50 izitulo zabakhubazekileyo ezathengwayo ukutshitshisa ezo troli nezitulo ezidala. Ukuthengwa kwezi troli nezi zitulo kwaba negalelo elihle malunga nokukhuthazwa kobonelelo ngenkonzo ingakumbi kwisetyena lesibhedlele eliyi-internal medicine (C1D).

### Ubonelelo ngenkonzo

Eli setyena lanconywa ngenxa yenkxaso yalo efanelekileyo elayinika ngexesha le-Smile Week xa abantwana abangama-28 baye baphinda bakwazi ukuncuma kwakhona.

### ULawulo lwezaBasebenzi

**Okuhambe kakuhle**

Zonke izikhundla zeli setyena zaye zanabasebenzi.

**Okungahambanga kakuhle**

Phantse ibe li-16% iiPorter ezaphelelwa likhefu lazo lengulo zaza zenza isicelo kwikhefu lePillar

Landa inani lokungezi emsebenzi kwabasebenzi ngaphandle kokuchaza nangaphandle kwemvume ngomlinganiselo osuka kuma-24% waya kuma-29%, oku kwenzeka ikakhulu kwakungenxa yokuba zaziphelile iintsuku zekhefu labasebenzi lengulo.

### Uqeqesho

IGosa elinye laye layigqiba iKhosi ye-Electrical Course e-CPUT kunye neeporter ezi-5 zaye zabhalisela ukwenza uGrade 12.

Elinye igosa laye labhaliswa e-UNISA ukuze lenze iBachelor Degree kwiSocial Development.

Amagosa amathandathu enza isifundo i-basic first aid programme, baze bona ooporter abasibhozo bathunyelwa kuCweyo lweCustomer Care. Amagosa amathandathu ayethunyelwe kwikhosi yolawulo longquzulwano.

### Imimiselo yobeko-liso

Ngenxa yokwanda kwenani labasebenzi abangeziyo emsebenzini kwaye kwasungulwa isistim, apho abasebenzi kwafuneka ukuba bazalise ifom bakuba bebuyele emsebenzini bachaze isizathu sokungezi emsebenzini. Imihla yokungabikho kwabo emsebenzini iinyanga ezintathu zilandelelana yaye yabhalwa kuloo fom. Umphathi usebenzisa esi sixhobo ukuqwalaselwa indlela ekubonakala ukuba ifuna ukuba ngumkhwa wokungezi kwabasebenzi emsebenzini ukuze emva koko kuthatyathwe amanyathelo oluleko. Kwathi kwakusetyenziswa le fom batsho abasebenzi beza emsebenzini ngokupheleleyo ngomlinganiselo oyi-100%.

Zahlala kabini ngenyanga iintlanganiso kunye nabaphathi ukunciphisa ukungezi kwabasebenzi emsebenzini ngaphandle kogunyaziso/mvume.

## UMtshintshi zingcingo ne-Radio Room

**Mnu L van Renen**

### Umtshintshi zingcingo

Umtshintshi zingcingo weSibhedlele iTygerberg wayenePhilips electronic exchange esebenza iiyure ezingama-24.

Umtshintshi zingcingo unePrincipal Telcom Operator enye kunye neeTelecom Operators ezili 17.

Umtshintshi zingcingo unee-consoles ezisibhozo, enye kuzo isetyenziswa kwigumbi lemibuzo likaGqirha

Abancedisi abathandathu kwabasibhozo basabela iminxeba engenayo efikelela phantse kuma-4000 kwengama-12000 ngemini.

Iminxeba etsalwayo ephumayo efikelela phantse kuma-14000 apho umtshintshi zingcingo esebenza phantse ngengama-7000.

Iyonke iminxeba etsalayo idibane naleyo itsalelwa kwiiselulafowuni naleyo itsalelwe kwiindawo ezikude phantse ibe ngama-5000

### I-Radio Room

Ii-operater ezimbini zeRadio Room zisebenza ngeminxeba ephantse ifikelele kuma-4000 egqithiselwayo ngala maxesha omsebenzi alandelayo: 7h00 ukuya 16h00. U-Operator olawula abancedisi kwiMibuzo kaGqirha usebenza ngeminxeba ephantse ibe li-1000 ngemini.

### I-SMS Message System

I-Tygerberg Hospital' Radio room ikwasebenzisa nenkqubo yokuthumela imiyalezo nge- sms message system ukuqhagamshelana noogqirha abangenazo iibleeper okanye iibleeper ezingasebenzi kakuhle.

Isetyenziswa ukuthumela imiyalezo kubasebenzi abanegnazo iibleeper. Phanste ibe ngama ±100 iiSMS ezithunyelwayo ngosuku ize phantse zibe ngama-R5500.00 ngenyanga iindleko zoko.

Zizonke iindleke zeminxeba etsaliweyo ephumayo ezazingama-4 408 644 yayingama-R3 284 006.29.

## IiNdawo yokuhlala

**UMnu EC Steyn noMs CB Johnson**

### Iindawo zokuhlala zooGqirha

| | Amagumbi |
|---|---|
| Amagumbi amancinane | 40 |
| Iiflethi ezigumbi liye lokulala | 36 |
| Iiflethi ezimagumbi babini okulala | 5 |

### I-Protea Court

I-Protea Court inesakhiwo esinguTower 3 ezisebenza njengendawo yokuhlala umphelo okanye okwexeshana, ihlalisa abasebenzi okanye abafundi abafunda/abasebenza kwiSibhedlele iTygerberg.

Zingama-479 iibhedi zizonke, kwaye amagumbi akhoyo asukela kwamancinane ukuya kwiiflethi ezimagumbi mabini okulala.

I-Protea Court ihlalisa abaqashi-ndawo abahlala isigxina abali- 150 (41,8%), isininzi sabo ngabecandelo lokonga. Umgangatho wokuqala kwaTower 3

unikwe abecandelo i-CANSA (Cancer Association of South Africa) ukuze bancede izigulane zibe ngcono.

Imigangatho emibini kwaTower 3 (ineebhedi ezingama-40) inikwe iCandelo loNyango oluNgxamisekileyo.

Inani elipheleleyo labaqashi-ndawo li-18 abaye bangena, kanti ama-54 aphuma eProtea Court ngo-2011.

| | |
|---|---|
| Amagumbi amancinane/iibhedi (kuqukwa namagumbi eesutikheyisi) | 192 |
| Amagumbi amakhulu | 254 iibhedi |
| Indawo yokuhlala enegumbi elinye lokulala | 6 |
| Indawo yokuhlala emagumbi mabini okulala | 4 iibhedi |
| Igumbi elincinane elinegumbi lokuphumla | 1 |

## I-Reprographics

**UMnu W Adonis**

### ISISHWANKATHELO

Owona msebenzi uphambili weli setyana kukuqinisekisa ukuba uyenziwa umsebenzi wokuprinta nokufothokopa izinto ezininzi eziyimfuneko. Oomatshini ababini be-Riso benza loo msebenzi mkhulu wokuprinta iifom ukusuka kumaphepha ali-1000 ukuya kwangama + 20000 esenzela izitora, iiwadi neeklinikhi. Ukufothokotshwa kweemanyuwali, iimemorandam, iinotisi/izaziso neefom zenziwa ngoomatshini ababini abenza umsebenzi omkhulu abayiMinolta Bizhub, models920 no-1050. Ukufothokopa iifolda zezigulane kwenziwa ngendlela ekhuselekileyo nesekhusini. Eli setyena lenza eminye imisetyenzana yokugqibezela oko kuceliweyo, umz. ukuhlela nokuqhobosha ngesteypla, ukunathelisa ngeglu, ukugqobhoza, ukusika nokulamineyitha. Icandelo le-ID lenza umsebenzi wokufota amakhadi ezazisi zomsebenzi abasebenzi abatsha, utshintsho ngokwenqanaba neefani. Akulahleka naxa onakale amakhadi kuye kwenziwe amatsha ngentlawulo. Eli setyena likwaprintela ne-NHLS, yaye oko kwenziwa ngentlawulo.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| UMabhalane oyiNtloko | 1 |
| Ii-operator eziPhezulu | 4 |
| UMchwethezi | 1 |

### Iziphumo

| | |
|---|---|
| Iifoto zeZazisi ezifotiweyo | 1 065 |
| Iifothokopi | 3 320 446 |
| Iikopi eziprintiweyo | 4 560 550 |
| Ezalamineyithwayo | 2 500 |

### Ubonelelo ngenkonzo

Ngamanye amaxesha eli candelo liye lithi libe nomsebenzi ngomsebenzi omkhulu xa omnye okanye ababini kumagosa ethu engekho e esekhefini okanye egula. Abasebenzi abane abazii-operator kunye nomphathi omnye besebenzisa ubuchule nolwazi lwabo ukusebenza zonke iindawo ngamaxesha anjalo.

Ukwaphuka kwezinto zomatshini yokuprinta oyiRiso okwezeka ngamaxesha athile ngenxa yobudala bawo. Ukungafumaneki kweentsinjana zayo nokungaphenduleki kwangexesha kungabangela uphazamiseko lweenkonzo kangangeyure eziliqela ukuya nakwiintsuku kunye nokubambezeleka komsebenzi. Ukuqinisekisa ngenkonzo efanelekileyo yoziso lwenkonzo, umsebenzi ongxamisekileyo oprogranywa koomatshini bokufothokopa ukuze kukhawulelwane nemihla yokuvala umsebenzi. Oku akudli mali kuba kwenziwa qho.

Ukuphuculwa koomatshini beRiso kuyaqwalaselwa ngenjongo yokubathengisa ngo-2012, oku kuya kuba negalelo elineendleko xa kunikezelwa kwenkonzo zeli ziko.

## Iinkonzo zegadi

### Okuphunyezwe ngemali

Azisebenzanga iitrektha ezintathu, kwaye sele ziza kutshintshiswa, kanti nakuba kunjalo enye iza kulungiswa ngexabiso elifanelekileyo.

### ULawulo lwabasebenzi

Kwaqeshwa abancedisi ababini.

### Ngokubanzi

Isistim yokumpompa iipuli yaye yalungiswa, kodwa ngelishwa ayiyi kusetyenziswa kuba kusafuneka zilungiswe kananjalo ziphuculwe iipuli.

Sizamile ukuyiqwalasela siyisebenza ingxaki eya isanda ngokwanda yeentuku apha eyadini, kambe nakuba kunjalo kuninzi okusafuneka kwenziwe.

## Ezothutho **UMnu A Zas**

### Isishwankathelo

Owona msebenzi weli candelo kukunika inkonzo yothutho efanelekileyo.

Eli setyana linezithuthi ezingama-30.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| UMabhalana oyiNtloko | 1 |
| UMabhalana oPhezulu | 1 |
| Abaqhubi | 9 |

### Ubonelelo ngenkonzo

Izicelo zothutho eziya kwezinye indawo zidla ngokubeka umthwalo kwicandelo ngenxa yokungoneli kwabaqhubi, izizathu zidalwa kukugula, neendidi zekhefu.

Enye into ebambezelayo kuxa izithuthi zibhukishwa kwigaraji zikarhulumente zibe zigunyaziselwe ukwenza ezo nkonzo kufuneka zizenze ndawonye nezinto eziye zaphuke kwezi zithuthi zixeliweyo.

Abasebenzi basebenzisa ulwazi lwabo namava abanawo eendawo eziya kuzo izithuthi kwaneendlela ezimfutshane kodwa ezikhuselekileyo ukuqinisekisa ngenkonzo ebalaseleyo eyenziwayo.

## ULawulo lweziNambuzane

**UMnu E De Wee**

### Isishwankathelo

Umsebenzi weCandelo lokulwa iziNambuzane kukuqinisekisa ukuba izakhiwo zesibhedlele (iiwadi, ibasement, ikhitshi, isakhiwo sezolawulo)kuqukwa nesakhiwo esingaphandle (iProtea Court, iDisa Court, ii-Doctors' Quarters, iCarel Du Toit School, iX-Bblock, neDental Faculty) zigcinwa zingenazinambuzane.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| IGosa eliNcedisayo eliyiNtloko | 1 |
| IGosa eliNcedisayo eliPhezulu | 3 |

### UBonelelo ngenkonzo

Amagosa asebenza kwiinkqubo ezininzi ngeveki, ejikeleza. Amakhitshi aye atshizwe ngezibulali zinambuzane qho ngeveki (ngooLwezibini ndawonye /okanye ngooLwezine, ebusuku)

Amagosa aye atshize ngesitshabalalisi (ngaphantsi kwekhitshi) oko kusenziwa qho ukuqinisekisa ukuba kucocekile.

Ukuqinisekisa ngokuthobela iMimiselo yeMpilo noKhuseleko, kwathengwa nee-bait stations (izibambisi zimpuku/oonoxhaka) ezilikhulu zaza zabekwa kwiindawo ezicetyiweyo ukuze kuliwe ukulwa amabuzi neempuku kweli ziko.

## IRejistri/OoVimba mpepha/ iGumbi leMeyili

**UMnu L Potgieter**

### IRejistri

ISetyana leRejistri lijongene nemeyili efikayo kwiSibhedlele iTygerberg.

### izibonelelo

| | |
|---|---|
| UMabhalane oyiNtloko | 1 |
| UMabhalane oPhezulu | 1 |

### Ubonelelo ngeenkonzo

I-Avareji yeefeksi ezingama 250 zaye zahanjiswa qho ngenyanga kungalityalwanga ukuba amasebe/ amacandelo esebenzisa ababo oomatshini befaksimayili.

### Uvimba weempepha ezibalulekileyo

Inkqubo yokufayilisha kwiCandelo loVimba Mpepha yenziwa ngokwemithetho yeSebe lezeMpilo.

Le nkqubo ihlaziywa qho xa kukho imfuneko.

### Abahambisi beposi egumbini lemeyili

Abahambisi beposi basebenzela sonke isibhedlele iTygerberg kuqukwa nezakhiwo ezingqongileyo, Kwaye bajongane nokuqokelela nokuthumela iileta ukusuka nokuya kwii – Ofisi zikaNdlunkulu eKapa.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| UMthunywaoy-iNtloko | 1 |
| abaThunywa | 9<br>(7 kwiSibhedlele iTygerberg ezi-2 eGene Louw Building) |

Omnye wabahambisi posi uye athathe aze ayise iposi/ amaxwebhu qho ngemini kwezi ndawo zilandelayo:

eProtea Court, eTygerberg

Laundry, eForensic Services, eDisa Court, eSarleh Dollie, eSAPD Mortuary, eRavensmead Day Hospital, e-Emergency Medical Services

### Ngokubanzi

Abasebenzi basasebenzisa ifenittshala endala eyaphukileyo kuba ayikafiki enye enokufakwa.

## Iinkonzo zokutya

**Ms NM Bekwa**

### Isishwankathelo seeNkqubo

Sibonelela ngokutya kuzo zonke izigulane ezihambelana noMgaqo-nkqubo wezoKutya.

Iindleko zokutya neeresiphi njengoko zibonisiwe kumgaqo-nkqubo. I-avareji yeendleko zokutya yi-R17.51

Izigulane ezili-1200 zizonke (izidlo ezizodwa kwanezidlo zesiqhelo).

Lilonke inani lezidlo ngama-1 297 790 zaye zaphakwa.

Ligcinwe liphezulu iqondo lococeko ulandela izikhokelo zeenkonzo zokutya.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| UMlawuli oNcedisayo | 1 |
| OoManeja beeNkonzo zokutya | 7 |
| AbaPhathi beeNkonzo zokuTya abaPhezulu | 3 |
| Abaphathi abaPhezulu | 28 |
| I-Food Services Aids linqanaba 1 nenqanaba le 2 | 85 |
| UMabhalane oPhezulu wezoLawulo | 4 |
| iPronto | 8 ngeshifti |

### UPhuhliso lwezibonelelo

Kuza kufakelwa umatshini wokuhlamba izitya ngoMatshi 2012 kwaza kwathengwa iBain Marries neLowerаters ukuze kugcinwe ukutya kufudumele. Iitroli ezili-14 zokutya ezisetyenziswayo kwaye zamkelekile.

### Intsebenziswano

Sisebenzisana kunye nezibhedlele zePhondo leNtshona Koloni kwakunye nezeleMpuma Koloni, ayasebenzisana kunye ne-ofisi ye-INP kunye neekholeji ezinoxanduva lophuhliso lwezabantu kwiinkonzo zethu zokutya umz, eNorthlink College, Institute for the Blind, Unisa.

### Okuphunyeziweyo

Iindleko zokudla ngesigulane ngasinye ngokwe-avareji kungoku nje yi- R17.51, iindleko ezithunyelwe ngexesha kwi-ofisi ye INP. Ukuphucuka kwixesha lokufika emsebenzini kwakunye nokubakho kwabasebenzi entlanganisweni.

Safumana i-100% kuphicotho lweeNkonzo zokuTya ngenxa yokusetyenziswa kwemenyu, ukuthenga noku-odolwa kokutya, ulawulo lwezabasebenzi, kwanokuthobela umgaqo-nkqubo. Kwafunyanwa phakathi kwama-83 nama-85% ngenxa yokugcina, ukwenza ukutya nendlela yokukuhambisa.

Kwaye kwancitshiswa nenani leemeko ezibhekiselele kubuDlelane nezoMsebenzi, siyababulela abasebenzi abathi bakwazi ukuthobela.

### Ukufundisa noQeqesho

UMabhalane oPhezulu wezoLawulo wenza izifundo zakhe zediploma kwi- Public Administration e-CPUT.

AbaNcedisi zecandelo leeNkonzo zokuTya babhalisele ukwenza isidanga kuMsebenzi wezeNtlalontle.

Amanani-nkcazo oqeqesho lwangaphakathi ayafumaneka kwicandelo loPhuhliso lwezaBasebenzi.

Okube phambili

Njengoko besekhe ndakhankanya ngasentla ukuba i-avareji yeendleko zokutya ezixabisa i-R17.51. Ezi ndleko ziye zithunyelwe kwangexesha kwi-ofisi ye-INP.

Zazimbalwa iimeko zokufika emva kwexesha emsebenzini, yaphucuka nendlela abasebenza, benika uhoyo ngayo abasebenzi.

Iisampuli ezingococeko kunye neesapuli zokutya ziye ithunyelwe qho ngeveki kwi-NHLS ukuqinisekisa ukuba sifumana iziphumo zovavanyo ngaphambi kokuba kusetyenziswe ukutya oko- ukuphendula kwelebhu ngokukhawuleza kuluincedo kakhulu.

Ukujikeleza kwabasebenzi kwiindawo ezahlukeneyo kwiyunithi ukuze bafumane ulwazi kuye kwayimpumelelo.

Izithuba ezingenabantu zaye zapapashwa kwaza kwaqeshwa kuzongokwamaxesha abekiweyo.

Ziyahlala iintlanganiso qho ngenyanga kunye nezitora ezikhulu ukuqinisekisa ukuba istokhwe asiziswanga siphelelwe ngabo bazisa ukutya. Oku kuyasinceda ukuze siqonde iimeko zabo zokuhlola, ukusuka apho kuqwalaselwe ukuba izinto zi-odolwa ngexesha ngaphambi kokuba zihlolwe.

Zikhona iirejista zokulawula, ukuqinisekisa ukuba izitora neefriji zivulwa ngabasebenzi abamiselwe ukwenza oko.

Zijongwa yonke imihla iirejista nguManejala weMisebenzi eyeNziwayo

Kuye kwakho ukuphucuka ekusabeleni kwabalawuli abaphezulu ekuhlolweni kokutya.

## UMsebenzi wentlalontle

**Ms M de Jager**

### Isishwankathelo

Eyona ngxaki yethu inkulu kukwenza umsebenzi oxandileyo kwanopheleleyo weenkonzo zentlalontle kugxininswa ekunyangeni, inkxaso, nasekufikelelweni kwezinto, kuthintelo, kuqeqesho nasekuxhotyisweni kwabantwana namabhinqa.

Kwimigama ehanjiweyo ebudeni bonyaka yile ilandelayo:

- Iseshini eyaba nempumelelo enkulu kwezonyango yoomama babantwana ababenzakele yayenzelwe eTygerBear Training Centre njengenxalenye yePhulo lokuxhobisa ngolwazi, iPink and Blue Child Campaign ngomhla we-12 ku-Agasti 2012. Le projekthi yayijolise ekumiliseleni ukuzithemba koomama, yasungulwa ngokuyimpumelelo ngenyanga yabafazi.
- Iimeko ezinkulu zezihlo zokwenzakala kwabantwana kwabangela ukuba kubekho imfuneko yokuba kugxilwe ekuthinteleni. Iphulo leTygerBear Holding Hands eliqhutywa ngokuzithandela nelenziwa emva kwamaxesha omsebenzi, lisenziwa ngabasebenzi bezeNtlalontle lisenzelwa eTyger Valley Shopping centre ukusuka ngomhla we10 kuDisemba 2011 nangeeholide zehlobo.
- Iinkonzo ezijongene nengqondo nezentlalo zenziwa kubasebenzi ngaphakathi beYunithi enika iNkxaso kubasebenzi abatsha abangama-210 kuqukwa nabaniki ngcebiso abangama-798. Inani labasebenzi abangama-229 laye leza kwezi seshini zamaqela.
- Kwaye kwaqeshwa kwizithuba zonontlalontle ezithathu.

### Abasebenzi:

| | |
|---|---|
| UManejala weNtlalontle | 1 |
| Abaphathi beNtlalontle | 3 |
| Umsebenzi wooNontlalontle | 18 |
| OoMabhalane | 2 |

### Isiphumo

ICandelo leNtlalontle linoxanduva lempilontle yezengqondo nezentlalo kwizigulane ezilaliswayo nezingalaliswayo zeSibhedlele iTyagerberg nezeChildren's Hospital, iGene Louw Building radiation oncology, iCarel du Toit Centre yaBantawana abanengxaki yokuva, iTygerBear Social Work Unit yabantwana abeNzakeleyo kunye neentsapho zabo kwakunye nenkqubo yangaphakathi exhasa abasebenzi . OoNontlalontle benza umsebenzi ngokwemeko yezonyango yesigulane ngasinye, umsebenzi weqela kunye nezigulane neentsapho zazo, iinkqubo zokufikelela eluntwini, esibhedlele naseluntwini. Zibalelwa- kuma-32787 izigulane ezaye zancedwa.

Inani eliyipesenti enkulu liye lidaleke ngenxaye engxaki ezivela ngokukhululwa kwezigulane esibhedlele, ukwenziwa kwezicelo zegranti yorhulumente kunye nokukhuselwa kwabantwana abasemgciphekweni.

Ukusebenzisana nezinye iinkalo zempilo neqela lomsebenzi esibhedlele kubalulekile ekwenzeni iinkonzo ezifanelekileyo zomsebenzi wentlalontle. Ngokumayela noku iintlanganiso ezihlala qho ngeveki neqela elijongene nabantwana abaxhatshwazwayo neentlanganiso ezihlala qho ngokuphathelelene nezigulane ezinesifo seswekile, izintso neze-onkholoji kwanokuya kwimijiekelo eziwadini xa kuboniswana ngemeko ethile aye abekho namaqela.

Ifuthe lendlala, intswela msebenzi neemeko ezingumceli-ngeni kwezentlalo nezoqeqesho ube nefuthe kwiinkonzo zentlalontle. Xa ezi zinto zigxininiswa kwiintsapho ziyaqwalaselwa ngokwengxaki zenqanaba lesibini ezidalwa kukugula nomenzakalo kufuneke ezinye iinkqubo zoncedo zentlalontle zingenelele.

ICandelo leNtlalontle liya kusebenza kwiYunithi yeNkxaso yaBasebenzi lisenza umsebenzi wokucebisa lisebenza nakumaqela oncedo kubasebenzi beSibhedlele saseTygerbeg lisenza nophuhliso ndawonye neenkqubo zokuxhobisa ngolwazi. Le ngxelo imalunga neYunithi yeNkxaso yaBasebenzi ifumaneka ekupheleni kwale ngxelo.

Icandelo eli laye lathatha uxanduva loqeqesho nobeko-liso lukanontlalontle kwiSibhedlele seSithili saseKhayelitysha, kananjalo wayebandakanyeka kucwangciso-nkqubo lweenkozno zentlalontle kwesi sibhedlele sitsha, iiprothokholi zomsebenzi wentlalontle waye wasungulwa kwaza kwamiselwa isistim efanelekileyo yolawulo.

Kwiyunithi iTygerBear Social Work Unit yaBantwana abeNzakeleyo abangama-463 ababethunyelwe luluntu. Isininzi sabantwana abathunyelwayo babevela kumaqumrhu entlalontle, kwiNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika (SAPS), kwiiNkundla zamaTyala aphathelelene nSondo nakwizibhedlele zazemini. Ngaphezu kwama-50% abantu abathunyelwayo sukuba becele iinkonzo zonyango kubantwana abaxhatshazwe ngesondo.

Iprogram yomsebenzi wamaqela ebandakanyiweyo:

- amaqela axhobisa ngokhuseleko lwabantwana
- iqela lenkxaso labantwana abaphila nemeko yokuxhatshazwa ngokwesondo
- amaqela anika isikhokelo sabazali babantwana abenzakeleyo
- ukwenziwa kweqela labazali lwe-Autistic Children kunye neCandelo loNyango ngokuThetha
- amaqela enkxaso ezigulane ezine-laryngectomy
- amaqela anika isikhokelo kwiqela labazali esilungiselelwe iiKangaroo mothers
- umsebenzi weqela elisebenza ngezigulane ezitshileyo.

**Uphuhliso lwezobonelelo**

Eli setyena liseneengxaki ezinkulu yeClinicom system kwaye nokubakho kweekhompyutha. Iikhompyutha ezintlanu zisafuna ukuphuculwa.Iqela loonontlalontle baye bathunyelwa kuqeqesho lwe-MS Word, Excel noPowerPoint.

Ukugcinwa ngokokumiselweyo kweefolda zentlalontle isithuba seminyaka emi-5 ubuncinane kuyingxaki ngenxa yokungabikho kwendawo ekhuselekileyo kwiCandelo leNtlalontle. Oku kwaye kwaqwalesela kodwa akukabikho mpendulo.

Imigama ekufuneka ihanjwe ngoonontlalontle ukusuka kwii-ofisi zabo ukuya eziwadini kwaneelifti ezingasebenzi kakuhle kusluchaphazela uziso lweenkonzo.

**Iinkqubo ezisiwa ebantwini**

- ISetyana lezeNtlalontle lisebenza iiyure ezingama-24 apho iingcali zisebenza ukunceda abantwana.
- Inkqubo enika isiqabu ebonelela izigulane ezifuna isithuthi, ukutya, nezinto zokuhlamba, iingubo neempahla.
- Inkqubo iFood for Thought yalungiselela abazali ukuze bahlale nabantwana babo abangazifumaniyo izidlo eProtea Court.
- Kwaqeqesha amavoluntiya ukuba enze umsebenzi we-ofisi yolawulo encedisa kwiinkqubo zokuxhobisa ngolwazi, iiprojekthi zokuthuthuzela, ukuhlela izinto zokudlala neempahla, ukupakisha ukutya neminye imisebenzi ngokubanzi.
- Iingcali zoNyango ezivela kwiindawo zoluntu ziye zibekho kwintlanganiso ebakho qho ngeveki yeqela elijongene nabantwana abaxhatshaziweyo abenza imisebenzi evele ibekho.
- Ezi zihloko zilandelayo zazixoxwa qho emva kweeveki ezimbini klwiintlanganiso ezazihleli kunye neqela elijongene nokuXhatshazwa kwaBantwana:
- Iresource centre iyasebenza eTygerBear Unit kwaye ikhupha iingcombolo zolwazi malunga nokuxhatshazwa kwabantwana kusenzelwa iingcali nabafundi abasebenza ngabantwana kwakunye neengcombolo zolwazi oluya kubazali abahambela kule yunithi.
- ICandelo leNtlalontle lincedisa iDowns Syndrome Association ukuba leenze inkonzo yenkxaso ebakho qho ngeveki kubazali babantwana abaneDown's Syndrome okanye ezinye izinto ziyingxaki ebantwaneni.
- Intatho-nxaxheba kuSuku lukaWonke-wonke lweSibhedlele iTygerberg .
- Unxulumaniso oluye lubekho qho kunye neSAPS kuye neeNkundla z yamatyala ezenzo zoxhaphazo ngesondo.
- Umbhiyozo ekuthiwa yi-Annual Survivor wabantwana neentsapho zabo.
- Iqela lenkxaso lezigulane ezingabantwana ngexesha lePasika.
- Ukufikela kumaqela aseRetirement Centre malunga nendima yonontlalontle osebenza ngabantwana abenzakeleyo.
- Abatyeleli abasuka kwizikolo zoqeqesho eDenmark babelungiselelwe.
- Iseshini yokufikelela ngzonyango kwinkqubo yokunceda oomama abangama-50 babantwana abenzakeleyo, yayenzelwe eTygerbear Training Centre njengenxenye yePhulo lokuxhobisa ngolwazi i-Pink and Blue Child Campaign ngomhla we-12 ku-Agasti 2011. Iprojekthi ejoliswe ekwakheni nasekumiseleni ukuzithemba koomama kwasungulwa ngempumelelo ngenyanga yabafazi.
- Iqela lenkxaso labantwana abenzakelayo nabazali babo kunye nomxholo othi Spring Fever Theme owawuqhutywa ngomhla wesi-2 kuSeptemba 2011 wabantwana abafumana inkxaso kwi-International Hotel School.
- Abafundi baseSettlers High School babelungiselelwe nabo ngenkqubo yabo ye-Community Outreach Program.
- Ucweyo olwaluphathelelene nenkxaso malunga noomama abangama-25 ngokubhekiselele kwezesondlo nakwimpilo yengqondo neyezentlalo.
- Ucweyo olumalunga nenkxaso koomama abangama-33 beKangaroo mothers ngokubhekiselele ekuzikhathaleleni.
- Iinkqubo zokusa iinkonzo eluntwini ngeempela-veki kwezi venkile zinkulu zilandelayo: eParklands naseEdgemead.
- Unxulumano neCHOC malunga neemfuno

zezigulane ezingabantwana ezikwi-onkholoji yaBantwana.

- Ukusuka ngomhla we-3 – 5 ku-Oktobha 2011: inkqubo iEdutainment yenzelwa abafundi base-Elsiesriver Aftercare Centre.
- Ucweyo olwaluphathelelene nokufundisa abadlezana abasanda kufumana iintsana ezithunylwa eTygerBear Unit.
- Ngomhla we-5 kuNovemba 2011: i-kwakuqhutywa iPhulo iPink and Blue Child Fun Walk.
- Iimeko ezinkulu zezihlo zokwenzakala kwabantwana kwabangela ukuba kubekho imfuneko yokuba kugxilwe ekuthinteleni. Iphulo leTygerBear Holding Hands eliqhutywa ngokuzithandela nelenziwa emva kwamaxesha omsebenzi, lisenziwa ngabasebenzi bezeNtlalontle lisenzelwa eTyger Valley Shopping centre ukusuka ngomhla we10 kuDisemba 2011 nangeeholide zehlobo.
- Iinkonzo ezijongene nengqondo nezentlalo zenziwa kubasebenzi ngaphakathi beYunithi enika iNkxaso kubasebenzi abatsha abangama-210 kuqukwa nabaniki ngcebiso abangama-798. Inani labasebenzi abangama-229 laye leza kwezi seshini zamaqela.
- Isetyana leNtlalontle kunye ne- TygerBear Unit yafikelwa ngaba bantu balandelayo:
  - amanesi avela kwiCandelo lezoKonga leYunivesithi yase-Free State.
  - unontlalontle waseNew Zealand.
  - unontlalontle waseGauteng.
  - abathunywa/abameli abasuka kumaziko oqeqesho elaseDenmark.
- Uncediso kwiMisitho yokuPhela koNyaka yabasebenzi besibhedlele

### Intsebenziswano nobambiswano

- Eli setyana likwanxibelelana namasebe oRhulumente afana nelezobuLungisa, eloPhuhliso lwezeNtlalo, eleMicimbi yeKhaya, eleMisebenzi, elamaPolisa, eleMfundo, kunye nele-Clothing Industry Fund, namanye amaziko
- Unxulumano neHospice Association
- Ubulungu kwiSouth African Council Social Service Professions (SACSSP)
- Ubulungu kwiSouth African Social Workers in Private Practice (SASWIPP)
- Ubulungu kwi-S A Oncology Social Work Forum
- Ubulungu kwiWestern Cape Play Therapy Association
- Ubulungu kwiKidney Foundation
- Unxulumano neSouth African Social Security Association (SASSA) malunga neepenshini
- Unxulumano neSebe leMfundo malunga neeprojekthi zoluntu ezikolweni
- Unxulumano neCHOC malunga neemfuno zabantwana abazizigulane ze-onkholoji.

### Okuphunyeziweyo malunga neenkqubo zophando

- Ukuthatha inxaxheba kuphando oluqhubayo okusekeke kwi-Home-Based Treatment of Childhood Neurotuberculosis
- Steyn H nge-Laryngectomy Patient's View of Social Work Support Services in a Hospital Setting by eyapapshwa kwiSocial Work, 46 no. 1, 2010.

### Amaphulo/ okuphunyeziweyo mayela nendima yemfundo

### Abafundi abangekabinazidanga

- Social Work II, UCT,
  abafundi aba-2
- Mb.ChB V, University of Stellenbosch
  abafundi abali- 180
- Job shadowing students, Fairmont High School
  abafundi aba-2

### Abafundi asele benezidanga

- MDiacPlay Therapy, UNISA
- BA Psychology iYunivesithi yeNtshona Koloni (UWC) abafundi aba-2
- BA Hons Psychology, UWC umfundi om-1
- BA Hons Psychology, UNISA abafundi aba-2
- B Psychology, University of
  Free State umfundi om-1
- Masters in Clinical Psychology
  abafundi aba-4

**Kwenziwa olu qeqesho lulandelayo:**

- Ukwaziswa nokuboniswa kwanokuqheliswa konesi ongusista we-Okholoji ngokuphathelele kwindima yonontlalontle kwi-onkholoji yabantwana
- Intatho-nxaxheba kwiSibhedlele iTygerberg kwi-Induction Program koogqirha abatsha.
- Indima yonontlalontle ekuxhatshzweni kwa-bantwana.
- Umthetho iNew Children's Act.
- Indima kanontlalontle kwicandelo lezengqondo labantwana ngokuphathelele kumthetho iChildren's Act 2005.
- Abafundi abenza iMb.ChB V : iModule Illness and Disease and The Family
- Ulwandlalo olumalunga neezakhono zobudlezana lwenzelwa abazali babantwana abenzakeleyo

- Uqeqesho kwiThiyoloji, kwiYunivesithi yase-Stellenbosch
- Uqeqesho lokuCebisa kwabeNzakeleyo
- UCweyo looMama abaKhulisa abantwana ngokwenkqubo ekuthiwa ekuthiwa yiFoster Care Mothers yeSebe loPhuhliso lwezeNtlalo lephondo-
- Indima yonontlalontle yondlalwa koonesi babucala
- Ukhuseleko lwaBantwana lwenzelwa abafundi nonoontlalontle kwiTygerBear Unit.
- Umsebenzi womDongwe onjengento yokunyanga obizwa ngeleGestalt Play Therapy.
- Iimfuneko yeqela lenkxaso kwizigulane ezineLaryngectomy ngexesha zisibhedlele: imbono yezentlalontle yaye yandlalwa kwiForam ye-onkholoji.
- Ukuthetha ngeephaphethi.
- INdima kanotlalontle kwiYunithi yeRumatholoji.
- INdima yonontlalontle malunga nendlela nokukhetha izigulane ezine-Dialysis .
- Khangela neenkqubo zoqeqesho olwenziweyo ngaBasebenzi beYunithi enika iNkxaso kubasebenzi.

### UPhuhliso lwabasebenzi

Ezi seshini zophuhliso zaye zenziwa bathunyelwa abantu kuzo:

- ISemina engoLawulo lweStresi
- Umthetho iNew Children's Act
- Ukuya kwiNkomfa yeSibini ye-International Paediatric Oncology
- I-Early Childhood Development
- Iingcebiso ngozilo
- Ucweyo olwalumalunga noNontlalontle njengoMsebenzi ojongene neMpilo ngokweNgqondo olwalusenziwa liSetyana loMsebenzi weNtlalontle kwiSibhedlele iStikland
- UNxibelelwano ngoonodoli/iiphaphethi.
- Utyelelo lweTygerberg Hospice.
- Ukutyelela kwiSibhdelele iStikland malunga nokusetyenziswa kweziyobisi.
- Ulwandlalo malunga noBeko-liso lwezonyango olwalusenziwa liCandelo leNtlalontle, eUCT (koonontlalontle aba-2)
- Ukwaziswa noqheliso loonontlalontle aba- 3 abatsha
- Uzilo
- Ukunyangwa kwi-Post-Traumatic Stress Disorder kubantwana abaxhatshazwe ngokweSondo
- Inkqubo yokwazisa ngeSomatic and Sensory Awareness kunyango ngokudlala kuBantwana abenzakeleyo/abothukileyo
- IDiploma in Addiction yenziwa ngunontlalontle om-1 eUS.
- Inani loonontlalontle lathunyelwa kuqeqesho lwekhompyutha ku-MS Word, Excel nePowerPoint.
- UCweyo kwimigaqo-nkqubo yeSebe leMfundo malunga nokusetyenziswa kweziyobisi, uxhaphazo ngesondo nokumitha kwamantombazana aselula.
- Izakhono zonxibelelwano nongquzulwano ezenziwa ngu-ICAS
- I-GEPF yenziwa ngu- ICAS
- Unyango kwindlela yokuziphatha ngokwengqiqo nokuqina
- Isishwankathelo seeNkonzo zoNyango eZikolweni
- UNyango ngokuKhuthaza nokuHlekisa
- Indima yooNontlalontle malunga nokukhethwa kwezigulane ngokweNkqubo elandelwayo kwezine-Dialysis
- Khangela kwakhona kwiYuniti enika iNxaso kubasebenzi esebenzisene kakuhle nabasebenzi.

### Uphuhliso lwabasebenzi

Ezi seshini zilandelayo zabasebenzi The following zaye zalungiselelwa ukuba zibekho:

- ISemina yoLawulo lwestresi
- I-New Children's Act
- Kwayiwa kwiNkomfa yeSibini ye-International Paediatric Oncology
- I-Early Childhood Development
- Ukuthuthuzelwa kwabaswelekeweyo
- Ucweyo loonontlalontle njengeMental Health Practitioner lwalusenziwa liSebe lezeNtlontle kwiSibhedele, iStikland
- Ukuthetha ngeephaphethi.
- Ukuhanjelwa yiTygerberg Hospice.
- Ukuhambela kwiSibhedlele iStikland malunga nokusetyenziswa kweziyobisi
- Kwenzizwa ulwandlalo lwe-Clinical Supervision liCandelo lezeNtlalontle eUCT (koonontlalontle aba-2)
- Uqheliso msebenzi/ndawo loonontlalontle aba-3
- Abazili nabaswekelweyo
- UNyango lwe- Post-Traumatic Stress Disorder kubantwana abaxhatshazwe ngesondo
- Inkqubo yokuxhobisa nokwazisa ngeSomatic and Sensory kuNyango ngokuDlala, oko kusenziwa kubantwana abenzakeleyo.
- Unontlalontle om-1 waye wasiwa ekhosini yeDiploma in Addiction kwiYunivesithi yase Stellenbosch.
- Iqela loonontlalontle laye lathunyelwa kuqeqesho lwekhopyutha ukuba liye kufunda iMS Word, Excel nePowerPoint.
- Kweziwa ucweyo malunga neMigaqo-nkabo

yeSebe leMfundo malunga nokuxhatshazwa ngesondo nokumitha kwamantombazana aselula.

- I-ICAS yenza isifundo ngezakhono zokunxibelelana nezongquzulwano
- I-GEPF yenziwa yi- ICAS
- Unyango kwindlela yokuziphatha ngokwengqiqo nokuqina
- Isishwankathelo seeNkonzo zoNyango eZikolweni
- UNyango ngokuKhuthaza nokuHlekisa

### Uqukumbelo

Ngaphandle nje kokuba kukho le mingeni kujongenwe nayo ngokubhekiselele kwiimeko ezingentlanga ngokwezoqoqosho nentlalo kwizigulane zethu, ukungabikho kwezibonelelo/ abasebenzi eluntwini nakumaziko angaphakathi onyango kodwa sikwazile ukuyenza inkonzo exandileyo yezigulane, sazisebenza neentsapho zazo kunye nabasebenzi beSibhedlele iTygerberg kunye neendawo ezirhangqileyo zoluntu.

## ISetyana loMsebenzi weNtlalontle

### IYunithi enika inkxaso kubasebenzi

### Intshayelelo

IYunithi enika inkxaso kubasebenzi liqumrhu elinika iinkonzo zentlalo kubasebenzi nakwiintsapho zabo. Ikwasisixhobo sokubonwa kweengxaki kwangethuba ukuze kungenelelwe ngeenkqubo eziluncedo. Ngaphezu koko sisixhobo sezolawulo sabasebenzi abanengxaki yokuziphatha.

### Ukusetyenziswa kweenkonzo

Umlinganiselo wokusetyenziswa kwenkonzo ngokweli xesha kuthethwa ngalo yi-14%. Kwancedwa umsebenzi ngamnye ngokokuyifuna kwakhe inkonzo kubasebenzi abamanga-319 kwaza ngaphezu koko kwancedwa abasebenzi abangama-229 ngokwamaqela omsebenzi, ulwandlalo micimbi noqeqesho. Lilonke inani labasebenzi abancedwayo ngama-548. Umlinganiselo wokusetyenziswa kwale nkqubo kwenyuka kulo nyaka uphelileyo, ngenxa yokuba abantu abaninzi babencedwa ngokwemisebenzi yamaqela. Yayilicandelo lezoKonga elayisebenzisa kakhulu le nkqubo yeYunithi enika inkxaso kubasebenzi apho kwakusenziwa kweentetho ezikhuthazayo ulawulo lwestresi, i-team building njlnjl. Abasebenzi abanzini abaye bancedwa elowo umntu encedwa yedwa, baye babonwa amatyeli aliqela. Afika kuma-798 amatyeli okubonwa kwabasebenzi.

### Umsebenzi womntu ngamnye

Inkonzo eyenzelwa umntu ngamnye ishwankathelwe kuluhlu 1. Iyunithi enika inkxaso kubasebenzi ivuleleke kuye wonke umsebenzi kunye neentsapho zabo ezifuna iingcebiso. Inkonzo esekhusini yexeshana yenziwa apho abasebenzi kwakufuneka bethunyelwe kwindawo yoncedo ekuhlaleni kwakwenziwe ukuze bafumane uncedo ngakumbi.

Iinkonzo ezimbalwa zokunceda umntu ngamnye zaye zanikezelwa kunaxa uthelekisa kunyaka ophelileyo. Nangona inani labantu abafumana unyango lahlala limi ndawonye, kodwa inani lababefika laye lehla.

**ULuhlu 1: Umsebenzi womntu ngamnye: ukusetyenziswa kwawo**

| | |
|---|---|
| Iimeko ezasetyenzwayo | 319 |
| Ababonwayo | 798 |
| Inani leemeko zezigulane ezitsha ezavulwayo | 210 |
| Ulandelelo lwabo bancedwayo | 109 |
| Iinkqubo zodliwano-ndlebe ezenziwayo | 565 |
| Unxibelelwano | 137 |
| Ukunikwa kweengcebiso: kwezoLawulo | 88 |
| Ukunikwa kweengcebiso: Enye | 50 |
| Ukucetyiswa ngefowuni | 43 |
| IiNgxelo | 39 |
| Amanqaku | 389 |
| UTsalo-minxeba | 228 |

Ubume bezigulane zishwankathelwe kwezi zintlu zingasezantsi.

Maninzi amabhinqa ayisebenzisayo le nkqubo, kodwa oku kubonisa ukuchakwa okanye ngokwesini esibhedlele.

**ULuhlu 2: Isini**

| ISINI | N | % |
|---|---|---|
| Ibhinqa | 241 | 76 |
| Indoda | 78 | 24 |
| **Zizonke** | **319** | **100** |

Ukuchakwa ngokobudala kushwankathelwe kuLuhlu 3.

**ULuhlu 3: Ukuchakwa ngokobudala**

| UBUDALA | N | % |
|---|---|---|
| 41 iminyaka ukuya kwengama- 50 | 128 | 40 |
| 31 iminyaka ukuya kwengama- 40 | 79 | 25 |
| 20 iminyaka ukuya kwengama- 30 | 47 | 15 |
| 51 iminyaka ukuya kwengama- 60 | 57 | 18 |
| 61 iminyaka ukuya kwengama- 65 | 5 | 1 |
| <20 iminyaka | 1 | 1* |
| **Bebonke** | **319** | **100** |

*esondezwe eshumini

Uninzi lwabasebenzisi nkqubo yayingabantetho isisiBhulu, njengoko kuchaziwe kuLuhlu 4.

**ULuhlu 4: Ulwimi**

| | N | % |
|---|---|---|
| IsiBhulu | 252 | 79 |
| IsiXhosa | 55 | 17 |
| IsiNgesi | 6 | 2 |
| Olunye | 6 | 2 |
| **Zizonke** | **319** | **100** |

Ukusuka kuLuhlu 5 ingabonakala into yokuba ama-47% abasebenzi abasebenzisa le nkonzo, bebesebenza kwesi sibhedlele iminyaka engaphezulu kweli-10.

**ULuhlu 5: Ubude benkonzo**

| | N | % |
|---|---|---|
| > 10 iminyaka | 149 | 47 |
| 2.1 ukuya kwiminyaka emi-5 | 43 | 13 |
| 5.1 t ukuya kwiminyaka eli- 10 | 21 | 7 |
| 1.1 ukuya kwiminyaka emi- 2 | 49 | 15 |
| < 1 unyaka | 37 | 12 |
| Ayaziwa | 20 | 6 |
| **Bebonke** | **319** | **100** |

Abasenzi ngokubanzi balingana nama-42% abo basebenzisa inkonzo yeyunithi enika inkxaso kubasebenzi. Abanye abasebenzisi bale nkqubo ngabo bezokonga, abezolawulo kunye noonesi abaxilongayo.

**ULuhlu 6: Abasebenzi ngokwezigaba**

| | N | % |
|---|---|---|
| Abasebenzi ngokubanzi | 136 | 42 |
| AbezoKonga | 122 | 38 |
| AbezoLawulo | 53 | 17 |
| OoChwepheshe | 7 | 2 |
| IiNgcali | 1 | 1 |
| **Bebonke** | **319** | **100** |

Ukuthunyelwa kwabasebenzi kwenziwa ngokwenkqubo yokululeko. Abasebenzi abangamashumi mathandathu anesithathu baye bathunyelwa kwezi nkqubo ngokusesikweni. Uninzi lwabasebenzi (253) abaye basebenzisa le nkqubo baye bathunyelwa ngokungamiselekanga. Oku kuchaza ukuba iyunithi enika inkxaso kubasebenzi iyathandwa kwaye yamkelekile kubasebenzi. Abasebenzi abaninzi baye bayithinte le yunithii befuna iingcebiso bazifumane kumahlakani abo akhe ayisebenzisa ancedakala kule nkqubo. Abaphathi bayayisebensa kakhulu nabo le nkono njengoko kuchaziwe kuLuhlu 7. Oku kubonisa ukuba iyunithi yenkxaso yezabasebenzi kwaye yamkelwe ngoomanejala besibhedlele.Ukwazisa le nkqubo phakathi kweentsapho, amaqumrhu abasebenzi kunye nabasebenzi beklinikhi yezempilo kufuneka iphuculwe.

**Uluhlu 7: Ukuthunyelwa kweyunithi yenkxaso kubasebenzi**

| ISIYA | N | % |
|---|---|---|
| Kwi-Self-referred | 174 | 55 |
| KuMphathi ngokungamiselwanga | 76 | 24 |
| kuMphathi ngokumiselweyo | 63 | 20 |
| Kumalungu osapho | 2 | 1 |
| Enye | 4 | 1 |
| **Zizonke** | **319** | **100*** |

*esondezwe eshumini

Iingxaki ezandlalwayo zichaziwe kuLunhu 8.Ezona zixhaphakileyo yayiziingxaki zosaphoezengqesho nezemvakalelo.

**ULuhlu 8: IiNgxaki ezondlalwayo**

| INGXAKI | N | % |
|---|---|---|
| Iingxaki zosapho | 86 | 21 |
| Iingxaki zengqesho | 75 | 18 |
| Iingxaki zovakalelo | 74 | 18 |
| Ingxaki yokuziphatha yabantwana | 34 | 8 |
| Iingxaki zotywala | 30 | 7 |
| Iingxaki zemitshato | 28 | 7 |
| Iingxaki zemali | 24 | 6 |
| Ukusetyenziswa kweziyobisi | 23 | 6 |
| Unonophelo lwabantwana | 10 | 2 |
| Uqhawulo mitshato | 10 | 2 |
| Isondlo sabantwana | 9 | 2 |

| INGXAKI | N | % |
|---|---|---|
| Enye | 11 | 3 |
| **Zizonke** | **414** | **100** |

Abasebenzi bathunyelwa kwiindawo zoncedo eluntwini ukuze bafumane uncedo, apho kukho imfuneko khona.Bathunyelwa isikakhulu kwiimibutho yezempilontle eseluntwini naku-ICAS.

**ULuhlu 9: Ukuthunyelwa kwezibonelelo eluntwini**

| ZISISIWA | N | % |
|---|---|---|
| Kumaqumrhu eMpilontle | 15 | 18 |
| ICAS | 14 | 17 |
| Iiklinikhi zokuchachisa | 8 | 10 |
| Iinkonzo zoNyango | 5 | 6 |
| IiNkonzo zoMthetho | 13 | 16 |
| IYunithi iTygerbear yabantwana abmenzakeleyo | 6 | 7 |
| Elengqondo eTBH | 10 | 12 |
| EleNgqondo kwezinye iinkqubo zabucala | 6 | 7 |
| Iinkonzo zemali | 2 | 2 |
| Ingcali yezeNgqondo yeenkqubo zabucala | 3 | 4 |
| **Zizonke** | **82** | **100** |

Iimeko ezilikhulu linye linamshumi asixhenxe zaye zatshitshiswa ngokukuko.

**Umsebenzi weqela nolwandlalo**

Iqela labasebenzi baye bafikelela kumsebenzi weqela nolwandlalo. Izihloko ezaye zaqwalaselwa zichazwe kuLuhlu 10.

**ULuhlu 10: Umsebenzi weqela noLwandlalo**

| ISIHLOKO | N |
|---|---|
| Inkxaso kwezoMenzakalot | 90 |
| Izimo zabantu kwiindawo zomsebenzi | 48 |
| IYunithi yoLwaziso noQheliso | 38 |
| I-Team Building | 20 |
| INkuthazo | 14 |
| I-Burnout | 12 |
| Ulawulo lweStresi | 7 |
| **Zizonke** | **229** |

**Uqukumbelo**

Ukuthathela kule ngxelo ingasentla, kuyabonakala ukuba iCandelo leNkxaso laBasebenzi lenza inkonzo ebanzi yabasebenzi besibhedlele, ekuqukwa nomsebenzi womntu ngamnye, owamaqela kunye nomsebenzi owenziwa eluntwini.

## ICANDELO LEZOKONGA

### Iinkonzo Zokonga

**INtloko yezoKonga: Ms RM Basson**



**INTLOKO YEZOKONGA**
RM Basson

- **ABALAWULI BEEBHEDI** – Ms N Mandla, Ms L Holt
- **ISEKELA MANEJALA** – S Raubenheimer
  - IThiyetha
  - IiNkonzo zokuNgxamisekileyo
  - I-ICU ne-High Care
  - Iiwodi za-Bantwana
- **ABALAWU-LIMSEBENZI EBUSUK** – Ms J Solomons, Ms L Krynauw, Mr R de Bruyn
- **ISEKELA-MLAWULI** – Ms G Davel
  - IiWadi zo-nyango
  - IiWadi zoTyando
  - Izigulane ezingalaliswayo
  - IiWadi zokuBelkisa nezeZibeleko
- **UQEQESHO OLUSESIKWENI / OLUNGAMISEL WANGA** – Ms H Loubser

### ISISHWANKATHELO

Ukuze kugcinwe iinkonzo zonyango zisemgangathweni kananjalo kongezwe ezinye iinkonzo eziyimfuneko, iiNkonzo yezoKonga zijonge ukufuna abongikazi abanazo zonke iimfanelo (kuzo zonke izigaba) kwanokuzaliswa kwezikhundla ezingenamntu. Oku kugqibele ngokuqeshwa kwabongikazi abaninzi de kwedluliswa nakwinani labongikazi abemkayo kweli khondo lezokonga berhoxa, bambi besiya kwezinye iindawo kanti abanye beyeka ngenxa yomhlala-phantsi.

Iinkonzo zokonga zineemodyuli zonyango nezingezizo ezonyango:

### Iimodyuli zonyango

EzabaGula kakhulu
EzoTyando
EzaBantwana
EzeThiyetha
EzoNyango/ezeNgqondo/i-Onkholoji
IiNkonzo zabeNzakeleyo nezokuNgxamisekileyo
IiWadi zabuCala
EzokuBelekisa nezeZibeleko
Ezezigulane ezingalaliswayo

### IiModyuli ezingezozanyango

I-CSSD
I-Nursing School
IiNkonzo zeNkxaso (zabaCoci)
I-Nursing Informatics
Eze-Crèche

### Izibonelelo Zezokonga Nenkxaso

| ISITHUBA (JANYUWARI 2011) | ABASEBENZI ABAQESHI-WEYO |
|---|---|
| UManejala weeNkonzo zoKonga | 1 |
| AmaSekela ooManejala bezoKonga | 2 |
| OoManejala abaNcedisayo bezoKonga | 11 |
| OoManejala abajongene neeBhedi | 2 |
| ABongikazi abaXilongayo | 718 |
| ABongikazi abangoo-Staff Nurse | 349 |
| ABongikazi abaNcedisayo | 790 |
| I-Operators (CSSD) | 64 |
| AbaCoci beZikhundla eziPhezulu | 40 |
| AbaCoci/abapheki | 21 |
| Abacoci abancedisayo | 337 |

### Abayekayo emsebenzini (2011)

| | |
|---|---|
| ABongikazi abaXilongayo | 30 |
| Oo-Staff Nurse | 8 |
| ABongikazi abaNcedisayo | 10 |

### Abaqeshiweyo (2011)

| | |
|---|---|
| ABongikazi abaXilongayo | 129 |
| Oo-Staff Nurse | 33 |
| ABongikazi abaNcedisayo | 48 |

## OKUTHE KWAPHUNYEZWA

IiNkonzo zoKonga ezithe zaphunyezwa. Phakathi kwezinye izinto, zezi zilandelayo:

- ukuphunyezwa nokunatyiswa kwaMaphulo afana noo-Best Care Always kwiiyunithi zonyango oluphezulu
- ukufunwa nokuqeshwa kwabasebenzi bezokonga kwiinkonzo ezongezelelweyo ngenxa yeenguqu ezithe zakho kwiindawo ezingamasetyana
- ukuqeqeshwa kwabongikazi ngokubathumela kumaziko-mfundo ohlulekeneyo aneenkonzo zonyango

## UNYANGO OLWENZIWA NGAPHAKATHI KWIZIKO-MPILO (INTERNAL MEDICINE)

### 1. INtloko yeCandelo

Ms S D Henry - UManejala oNcedisayo: kwezoKonga

### 2. IiNkonzo

- UNyango olwenziwa ngaphakathi luneemodyuli zeeyunithi kunye nezeewadi kwi-internal medicine, kwezeNgqondo nakwi-Onkholoji.
- Ezi modyuli zineewadi zonyango ezine, iyunithi enye ye-metabolic, iwadi enye yezesikhumba (dematholoji) kunye newadi enye yezemithambo-luvo/mithambo (inyuroloji)
- Icandelo lezigulo zengqondo lineewadi ezimbini zabalaliswayo kunye namasetyana amabini ezigulane ezingalaliswayo, ezo wadi yiWadi yaBantwana yezigulo zengqondo neWadi yaBantu abaDala yezigulo zeNgqondo.
- I-Onkholoji ineewadi ezimbini zezigulane ezingalaliswayo kunye namasetyana ezigulane ezingalaliswayo.

### 3. Inani leebhedi

| | |
|---|---|
| I-Internal Medicine | 152 yeebhedi |
| EleziGulo zeNgqondo | 41 yeebhedi |
| I-Onkholoji | 47 yeebhedi |

### 4. Abasebenzi

| | |
|---|---|
| ABongikazi abaXilongayo abasemthethweni | 72 |
| Oo-Staff Nurse abasemthethweni | 42 |
| ABongikazi abaNcedisayo abasemthethweni | 87 |
| OMabhalane beeModyuli | 3 |
| AbaPhathi bezokuCoca/Pheka | 12 |
| AbaCoci abancedisayo | 48 |

### 5. Okube phambili enyakeni

- UMbhiyozo we-Hartman Award owawungoSeptemba 2011. Abongikazi ababewongwa ngenxa yokubalasela kumsebenzi wezonyango yayingu-Registered Nurse N Windvogel, uStaff Nurse Y Swartz, noMongikazi oNcedisayo uM Lewies.
- Inkqubo yokuphuhliswa kwabasebenzi yenziwa kuwo onke amacandelo ezokonga.
- U-Registered Nurse omnye wazigqiba izifundo ezendeleyo zezigulo zengqondo kwiYunivesithi yaseStellenbosch University.
- Oo- Registered Nurse abane bazigqiba izifundo zabo zolawulo kwezokonga.
- Usuku lukawonkewonke olwaziwa ngokuba yiWellness Awareness Open Day yayingomhla we-7 ku-Oktobha 2011.
- USuku lukawonkwonke olwaziwa ngokuba yi-Psychiatric Open Day yayingomhla we-9 kuSeptemba 2011.
- Usuku olwaziwa ngokuba yi-Oncology Open Day olwalungomhla wama- 29 kuJulayi 2011.
- Itheko likandlelantle lenziwa ngo-Oktobha 2011.

## ICANDELO LOKUBELEKISA NELEZIBELEKO

### 1. INtloko kwiModyuli

Ms J R Sapto - UManejala oNcedisayo

### 2. IiNkonzo

- Kwa-C2A Labour ward
- Kwa-C2A East – Antenatal, Postnatal & Special Care
- Kwa-C2A High Care
- Kwa-C2A Recovery room
- Kwa-F2M Antenatal
- Kwa-J2 Mothers and Babies
- Kwa-J5 Mothers and Babies
- Kwa-J4 Gynaecology
- kwa- FG Gynaecology and Oncology
- kwiKlinikhi emalunga nokuNcancisa iBele
- Izigulane ezingalaliswayo: e-High Risk Clinic, e-Teenage Clinic, kuNonophelo-nyango olulodwa, kwi-New Bookings, e-Diabetic Clinic, kwi-Foetal Evaluation and Sonar

- KwiKlinikhi yoCwangciso-ntsapho.

3. **Abasebenzi**

| | |
|---|---|
| UManejala wezoKonga oNcedisayo | 1 |
| ABongikazi abaXilongayo | 87 |
| ABongikazi abaseMthethweni | 46 |
| ABongikazi abaNcedisayo | 86 |

4. **INani leebhedi** 187

5. **I-Avereji yeebhedi ezisetyenzisiweyo** 78,58%

6. **Okube phambili enyakeni**

- ISibhedlele asiphulukananga nesimo saso ngokwe-MBFI ityeli lesithathu, sibulela ukuzinikela kwabasebenzi bebonke abakwazileyo ukuthobela uMgaqo-nkqubo wokuTyisa iiNtsana.
- Ukuqeshwa koMongikazi oXilongayo wenkqubo yokuthintela ukusulelwa komntwana ngunina ukuphucula indlela ethotyelwa ngayo iProthokholi ye-PMTCT.
- Ukwabiwa kweebhedi kwakhona kwicandelo lokuBelekisa neleZibeleko kuphucule indlela yokusebenza ngenxa yokuba kubekho iibhedi ezizezinye ezisetyenziswayo.
- Eli candelo lithathe inxaxheba kuSuku lukawonkewonke lwesibhedlele. Abantu babonakalise umdla omkhulu kulwazi oluphathelelene noCwangciso-ntsapho kunye nemalunga nokuTyiswa kweeNtsana.
- Zaba luncedo iintlanganiso ezazimana ukuhlaliwa kunye nentloko yonyango lweNqanaba 2 qho ngeveki ezazibhekiselele ekuqinisekisweni ngomgangatho ukunika ingqalelo umsebenzi owenziwe ngempumelelo nokuqwalasela leyo kuthe kwagqwidizwa kuyo.

7. **Ezemfundo**

- ABongikazi abane abaXilongayo bazigqiba ngempumelelo iidiploma zabo kwi-Advanced Midwifery omnye uMongikazi oXilongayo wagqiba eyakhe idiploma kwi-Intensive Care 2011.
- AbaNcedisayo abathathu bayenza ngempumelelo ikhosi- ibridging course, yokuba – ngooStaff Nurse.
- Abongikazi abane: bafumana iimbasa zeHartman Memorial Award, kumsitho owathi wenziwa
- UMongikazi omnye oXilongayo watyunjwa kwiphondo etyunjelwa imbasa iCecilia Makiwane kwaye wamela iziko-mpilo ngale mbasa ibaluleki kangakanana.
- Ikomiti esebenza ngokufanelekileyo kakhulu yemfundo kwimodyuli enezihloko ezingama-42 qho ngeveki kuqeqesho lwabasafundayo oku kuquka abezokonga kwakunye nabasebenzi abangabacoci.

8. **Iminikelo eyodwa**

- Kwakukho abaNcedisi abebencedisa ngokuzithandela kulwenziwo lwemeko elungele izigulane ngokunikela ngeekhetini kwa-C2A nangoomabonwakude ezaye zasiwa kuMgangatho oseZantsi nakwa- J4.

9. **Imicimbi ephambili**

- Kwaye kwenziwa imicimbi ethile ngenmpumelelo kwiteam-building.
- Inkqubo eyaba nempumelelo yayenziwe ngoSuku i-International Nurses'Day nolwe-International Midwifery Day ngoMeyi 2011.
- Abasebenzi bafikelela kwizigulane ekhemesti zaza zayoliswa zanikwa nokutya ngosuku iMandela Day.

**EZOTYANDO**

1. **UNgxelo yenziwe**

Mnu R de Bruyn

2. **Iinkonzo**

| IWADI | IIB-HEDI | INKONZO |
|---|---|---|
| IWadi D1 | 22 | Utyando lwezentliziyo – 15 iibhedi |
| | | Utyando emazantsi esisu – 7 iibhedi |
| IWadi D2 | 31 | Utyando emazantsi esisu – 16 iibhedi |
| | | INtloko, iNtamo, neBele – 8 iibhedi |
| | | Utyando lwemithambo – 7 iibhedi |
| IWadi D3 | 24 | IPlastic surgery |
| IWadi D5 | 31 | Utyando lweNtloko, iNtloko neBele |
| IWadi D6 | 31 | IYuroloji |
| IWadi D7 | 31 | Utyando lwezaMehlo Surgery (ubungcali obubodwa) |
| IWadi G5 | 19 | Utyando lwendlebe, impumlo, noMqala (2 iibhedi ezimbini zezigulane ezingabantwana) |
| | **Total: 189** | |

3. **Inani leebhedi** 189

4. **Umlinganiselo weebhedi ezithe zasetyenziswa**

D1 = 93% D2 = 62%
D3 = 73% D5 = 76%
D6 = 70% D7 = 67%
G5 = 78%

## 5. Okube phambili enyakeni

La magosa alandelayo afumana iimbasa ze-Hartman Clinical Excellence Awards:

- IMbasa yoMongikazi oXilongayo: uMongikazi oXilongayo W Goosen
- IMbasa ye-Enrolled Nurse Award: uStaff Nurse T Fennie
- IiMbasa zaBongikazi abaNcedisayo: Abongikazi abaNcedisayo C Bull no- C Oranje
- IWadi D3 yafumana imbasa ye-Infection Prevention and Control Award ngenxa yococeko.

Inkqubo yokufikelela ebantwaneni eyaziwa ngokuba yi-Smile Week abanomlebe okanye inkalahla engavalekanga yayenziwe ngomhla we-18 kuNovemba 2011. Ngokwe-Smile Foundation kwaye kwenziwa amalungiselelo indibano yocweyo emalunga nokunonotshelwa kwenxeba, ndibano leyo ekwaye kwaya kuyo oonesi beSibhedlele iTygerberg kunye nabongikazi abasuka kwezinye izibhedlele.

## ICANDELO LOKUNGXAMISEKILEYO NAMATHAMBO

### 1. Ingxelo yenziwe ngu

Ms Sophia Kleinsmith

### 2. IiNkonzo

ICandelo lokuNgxamisekileyo nelaMathambo, uTyando olungePhi, iWadi yabucala

### 3. INani leebhedi:

- E-High Care: 10 Medical Emergency Ward F1
- E-ICU: iibhedi ezi-4 ezisetyenziswa ngexesha lokuphefumlisa isigulane
- IWadi yabuCala: iibhedi ezingama-28
- IiWadi zaMathambo: iibhedi ezingama-123
- IWadi yoTyando olungePhi: iibhedi ezili-15
- IWadi yabaXhalabisayo: iibhedi ezingama-30
- IYunithi yabaXhalabisayo: iitroli ezingama-20
- UTyando oluNgxamisekileyo: iibhedi ezingama-25 (iWadi C1D)
- I-Medical Emergency Overnight: iibhedi ezili-16

### 5. I-avareji yeebhedi ezisetyenziswayo

- IYunithi yokuPhefumlisa 104%
- Icandelo loTyando oluNgxamisekileyo 181%
- EloNyango oluNgxamisekileyo 81%
- IWadi yabaXhalisayo 76%
- IWadi yabuCala 71%
- IWadi yaMathambo kwa-A3 East 88%
- IWadi yaMathambo kwa-A3 West 91%
- IWadi yaMathambo kwa-F4 63%
- IWadi yaMathambo kwa-J6 82%

**Zizonke izigulane ezaye zasetyenzwa:**

- Icandelo labaXhalisekileyo, eleeNgozi neloNgxamiseko 17 997
- IYunithi yoTyando olungePhi 2 089

### 6. Okube phambili enyakeni

ABongikazi abaXilongayo abathathu, ii-Enrolled Nurses ezintathu kunye naBongikazi abaNcedisayo abathathu kwimodyuli babetyunjelwe iHartman Awards ngenxa yokwenza umsebenzi obalaseleyo wezoNyango.

Iseshini ye-team building yabasebenzi yenzelwa eRatanga Junction.

Kwafakelwa amasango akhuselekileyo kwiiwadi zeengxaki zamathambo

## I-NURSING SCHOOL

### 1. Abasebenzi

| | |
|---|---|
| INtloko ye-Nursing School: Ms H Loubser | 1 |
| iLecturer PN-D2 | 2 |
| iLecturer PN-D1 | 2 |
| iLecturer Professional Nurse<br>isikhundla: 1 igosa elanyuselwa kwisikhundla esingasentla | (1) |
| OoMabhalane | 2 |
| Umfundi oseluqeqeshweni | 1 |
| **Bebonke** | **8** |

### 2. Uqeqesho

**2.1 UMongikazi oNcedisayo R2176**

Okwangoku akukho luqeqesho luyenziwa kule nkqubo eTygerberg Hospital Nursing School.

**2.1.2 Uqeqesho lwaBongikazi abaNcedisayo (R2176)**

**Ikhaya laBantu abadala iSarepta**

Kuye kwafakwa kwezonyango abafundi abali-10 njengamanesi ancedisayo eTygerberg Academic Hospital.

Kwenziwa isongezelelo kubasebenzi kwiKhaya labaDala laseSerepta njengeziko loqeqesho eliqinisekisiweyo.

Ukufakwa kwabafundi kwezonyango yayiququzelelwe yintloko ye-nursing school, umcimbi owawunikelwe komnye wabahlohli.

**I-Healthnicon**

Kwaye kwafakwa kwezonyango abafundi abangama-20 njengamanesi ancedisayo kwiSibhedlele iTygerberg

Kwenziwa isongezelelo kubasebenzi yiHealthnicon

njengeziko loqeqesho eliqinisekisiweyo. Ukufakwa kwabafundi kwezonyango okuququzelelwe yintloko ye-nursing school, umcimbi lo wawunikelwe komnye wabahlohli.

**2. 1.3 Uvavanyo lolwamkelo (R2175)**

I-South African Nursing Council (SANC) luluvavanyo olwalusenziwa ngokweshedyuli, kathathu enyakeni.

Bebonke babebane abavavanywa ababehlaliswe kwi-nursing school ngokwamalungiselelo okwenza ithiyori noqeqesho lwezonyango. Umlinganiselo wokuphumelela kwabo ngo-2011 yayingu-100%.

## 3. UMongikazi oNcedisayo oba nguStaff Nurse (R2175)

**3.1 Uvavanyo olwenzelwa ukwamkelelwa kwinkqubo**

Bangama 265 abavavanywa ababhala uvavanyo lokuhlela ngenjongo yolwamkelo, baba li-162 abafundi 61% abafundi abaphumelelayo.

**3.2 I-Nursing School yeSibhedlele iTygerberg Academic**

Bangamashumi amathandathu anesithandathu abafundi abaqala uqeqesho lwabo ngo-2011, baza bebonke bangama-52 (98%) abalugqibayo uqeqesho ngo-2011. Omnye umvavanywa kufuneka aphinde abhale uviwo ngoMeyi 2012.

Abafundi abavela kwiSibhedlele iTygerberg, amaziko empilo oluntu, iZibhedlele eziHlanganisiweyo zeNgqondo nabafundi abenza izifundo zee-honors babelungiselelwe uqeqesho kule program. Ithiyori kunye noqeqesho kwezonyango lwenziwa yi-nursing school lona.

## 4. UStaff Nurse oza kuba nguMongikazi oXilongayo (R683)

**4.1 I-Nursing School yeWestern Cape Rehabilitation Centre**

Abafundi abasibhozo abakunyaka wabo wokuqala babekhatshwe ngabasebenzi be-Nursing School yeSibhedlele iTygerberg. Ukuhlanganiswa kwezonyango, abongikazi abancedisayo nezolawulo kwenziwa ngomnye wabahlohli abasuka kwiNursing School yeSibhedlele iTygerberg.

**4.2 I-Healthnicon**

Abafundi abakunyaka wesibini bathathwa kwaye baya kugqiba ngo -2012.

Izifundo zabancedisi zenziwa yi-Healthnicon, njengeziko eliqinisekisiweyo loqeqesho lwabongikazi. eziya kugqitywa ngo-2012.

**4.3 ISibhedlele iGroote Schuur**

Abafundi ababini baye bathathwa kunyaka wesibini, kwaye baya kugqiba ngo-2012. Abafundi abo babethathwe kwiSibhedlele iGroote Schuur isithuba seminyaka emibini epheleleyo.

**4.4 I-Nursing School yeSibhedlele iTygerberg**

Amaxwebhu ezicelo zokuqinisekiswa njengomnikinkonzo athiwa thaca kwi-South African Nursing Council (SANC).

Kwakufuneka kutshintshwe izinto ezingephi, kwaza ke ngoko kwathunyelwa nekharityhulam kwakhona ngoNovemba 2011.

## 5. Uqeqesho oluthatha iminyaka emine yoMongikazi oXilongayo (R425)

Ngo-2011 abafundi abafundela ukonga abavela e-Western Cape College of Nursing nakwiYunivesithi yaseNtshona Koloni babethathiwe kwesi sibhedlele.

Ukufakwa kwabafundi njengabongikazi abangama-400 kwezonyango qho ngenyanga kwadala ukuba kubekho amathuba okufunda kwiSibhedlele iTygerberg. Abafundi baye bathathwa ngokweemfuno zabo zokufunda kwanamatuba awayefumaneka.

## 6. Abanye abafundi

**6.1 ABAFUNDI ABENZA EZOKONGA**

**6.1.1 IDiploma in Nursing Administration:**

Abafundi abalishumi elinesibhozo abongaBongikazi abaXilongayo abenza izifundo ezilandela ezisisiseko babethathiwe kwizifundo zolawulo lwezonyango ngo-Agasti 2011. Balandela iprogram elungiselelwe oko.

**6.1.2 I-Critical Care Nursing**

UMongikazi omnye oXilongayo kwizifundo ze-critical care weYunivesithi yaseStellenbsoch kunye neeKholeji zoKonga ezilithoba zeNtshona Koloni zaye zalungiselelwa apha esibhedlele.

**6.1.3 IDiploma in Midwifery (R254)**

Babelishumi elinesibini abafundi abenza iDiploma kwi-Midwifery beYunivesithi yaseStellenbsoch kunye nabali-10 be-Western Cape College of Nursing babelungiselelwe nabo.

**6.1.4 IDiploma in Advanced Midwifery and Neonatology**

Babengamashumi mabini anesixhenxe abafundi abenza le khosi abaye bafakwa bengabeYunivesithi yaseStellenbosch.

**6.1.5 IDiploma in Advanced Psychiatry**

Mnye umfundi owayesenza ezi zifundo engoweYunivesithi yaseStellenbsoch.

**6.1.6 IDiploma in Oncology Nursing**

Babini abafundi beCape Peninsula University of Technology ababethathiwe kwiCandelo le-Onkholoji

**6.1.7 IDiploma in Palliative Care**

Babini abafundi ababethathiwe, apho umfundi wayeza kuhamba kunye nabongikazi xa kusetyenzwa i-onkholoji naxa kunonotshelwa i-stoma.

**6.1.8 IDiploma in Operating Room Nursing**

Abafundi abane abenza iDiploma in Operating Room Nursing babevela e-Western Cape of Nursing baye bathathwa.

**6.1.9 Diploma in Medical and Surgical Nursing: Trauma/Emergency**

Babebathandathu abafundi be-Western Cape College of Nursing ababethathiwe kumacandelelo eSibhedlele iTygerberg.

**6.1.10 IDiploma kwezoKonga ngoNonophelo lwaBantwana**

Abafundi ababini beYunivesithi yaseKapa beCandelo laBantwana.

**6.1.11 IDiploma kwiMfundo ngezoKonga**

Abafundi ababini baye bafakwa kwiiprektikali zesifundo zokonga eNursing School.

**6.2 ABAFUNDI ABANGENZI ZIFUNDO ZOKONGA**

**6.2.1 Abafundi abenza isifundo ze-MTh**

Basibhozo abafundi abalulngiselelwa kwicandelo lokungxamisekileyo neeyunithi zezinto ezinxulumene neengxaki zentliziyo.

**6.2.2 Abafundi abenza isifundo seRediyografi**

Babengamashumi mane anesithandathu abafundi beCape Peninsula University of Technology abaye balungiselelwa ukuba babukele iintsuku ezine ngenjongo yokufunda – iintsuku ezimbini babukele eziwadini ize ezinye iintsuku ezimbini basiwe ethiyetha.

**6.2.3 I-MBChB III**

Ukuboniswa nokuqheliswa isibhedlele yinkqubo eyenzelwa abafundi bezonyango beYunivesithi yaseStellenbosch.

**6.2.4 B. Unyango ngomsebenzi**

Ukwaziswa ngezoKonga kwenziwa kubafundi be-BOcc abasuka kwiYunivesithi yaseStellenbosch ukuze baziqhelise kunye nenkqubo yewadi yesibhedlele kunye neenkqubo zokonga.

## 7. Uqeqesho

**7.1** Uqeqesho gabalala lwabafundi belubakho qho ngenyanga. Ewonke amagosa angama- 503.

**7.2** Kwenziwa inkqubo yokuhlaziya izakhono zonyango, ekwakuye kuyo aBongikazi abaNcedisayo abangama-75, ooStaff Nurse abali-12 kunye naBongikazi abaXilongayo abali-12.

**7.3** Bangaphezu kwekhulu ababehambele kwistendi seNursing School ngosuku lukawonkewonke.

## 8. Uqheliso ndawo nokwazisa amagosa umsebenzi

Ngo-2011, ayeli- 175 amagosa ayelungiselelwe kwinkqubo yoqheliso ndawo nokwaziswa amagosa umsebenzi ngokokuququzelelwa yi-nursing school.

## 9. Imisebenzi

**9.1** Kwaye kwenziwa isifundo malunga neSikhumbuzo sikaHartman ngomhla wama-21 kuSeptemba 2011 noGqr A Muller yayisithethi sembeko.

**9.2** Inkonzo yokubhambathisa yoo-staff nurses yayingomhla wama-22 kuSeptemba 2011. Ms F Africa, uMlawuli wezoKonga woRhulumente wezeMpilo weNtshona Koloni, yayinguye wayelundwendwe.

## 10. Uhlalutyo lwemeko

Uhlalutyo lwemeko lwalusenziwa kwiSibhedlele iTygerberg njengeziko lezonyango kwezi zifundo zokonga zilandelayo:

**IKholeji yezoKonga yeNtshona Koloni**

iDiploma in Advanced Midwifery and Neonatology (R212)

iDiploma in Midwifery (R254)

iDiploma in Orthopaedic Nursing

**I-Medi Clinic**

IDiploma in Midwifery (R254)

**IYunivesithi yeNtshona Koloni**

iDiploma in Advanced Midwifery and Neonatology (R212)

**INursing School yeSibhedlele iTygerberg**

iDiploma in General Nursing according to R683

### 11. Abasebenzi bezoLuntu

Babengamashumi mane anesixhenxe abongikazi abasebenza eluntwini abaqalisa ukwenza le nkonzo ngo-2011. Amagosa ayejikeleziswa kwiindawo awayetyalwe kuzo ukuze azazi zonke iinkalo, njengokonga ngokubanzi, ukubelekisa, abantwana, ezengqondo, ezonyango oluphambili neenkonzo zonyangto olungxamisekileyo.

Iphulo lemfunalwazi ngokuzihlola ngokwezakhono zonyango nezolawulo laye lenziwa. Iziphumo yaba zezokuba abasebenzi boluntu bafuna ukuxhotyiswa ngolwazi nangakumbi, bafuna nokukhokelwa ngokusesikweni kwanokufundiswa ukuze bazibone benobuchule nolwazi.

### 12 IZicwangciso eziphathelele kwiSimilo esamkelekileyo

I-ICAS yaye yaneseshini malunga nendlela nokunonotshelwa nokudinwa nokutyhafa eyayingomhla wama-31 kuMatshi 2011 ukuze kunikwe inkxaso abasebenzi abakwi-nursing school.

Ekupheleni konyaka kwabakho isidlo ngeenzame ze-teambuilding.

Ibhokisi yezimvo yayeyabethelelwa eludongeni kude kufuphi nelayibrari, kodwa ayikasetyenziswa.

Kwaye kwayiwa kwi-High Tea kwiHotele iMount Nelson ngomhla we-14 kuMeyi 2011.

Umbhiyozo wokutyalwa kwemithi ngokusesikweni kungoNovemba 2011. Umthi obizwa ngokuba yifever tree watyalwa ekhampasini njengophawu lwethemba nokukhuthaza ukuxhobisa utyalo-mithi ngamandla ukunqanda ungcoliseko lomoya. Lo mthi ukhula kakuhle kakhulu.

Kwaye kwenziwa ezi nkqubo zofikelelo-nkonzo zilandelayo:

- Iqela le-Telephone Exchange laye lenzelwa iKofu neTi ngoMeyi 2011.
- Kwaye kwanikwa abasebenzi bemigangatho kunye nabekhampasi iKofu nee-Eater buns ngo-Epreli 2011.
- Banikwa iKofu neeMafini abafundi besikolo ngoMeyi 2011.
- Abeenkonzo zeRediyografi banikwa isweet-and-salt platter ngoJuni 2011.
- Abasebenzi abangabalindi kunye nabacoci baye banikwa isuphu ngoJulayi.
- Oomanejala babenikwe iipasele ngo-Agasti 2011.

### 13. Uphando

Uphando malunga nolwaneliseko kwenziwa kubafundi be-nursing school. Iziphumo zoko zaba zezincumisayo kakhulu yaye abafundi babonakala ngathi bonelisekile yinkonzo abayifumanayo e-nursing school.

### 14. Izibonelelo

Ngenxa yokugqabhuka kwemibhobho yelindle kuMgangatho osezantsi, iikhaphethi ezikwi-ofisi elikomkhulu naselayibrari zaye zonakala. Phantse yaba ziinyanga ezintandathu zonke i-nursing school isebenzela kwenye i-ofisi kwaye nomabhalane kwafuneka ukuba asebenze ngandlela yimbi okwela xesha. Oku kwaba yinkxamleko ngenxa yokuba zaye zachaphazeleka kakubi iinkqubo zolawulo nexesha lokuzilawulo ezo nkqubo.

## ICANDELO LEZIGULANE EZINGALALISWAYO

1. **Ingxelo yenziwe**

   nguMara Majiedt, uManejala oNcedisayo wezoKonga,

2. **Isiphumo:**

   ICandelo leziGulane ezingalaliswayo lanceda izigulane ezingama-225 052 ngo-2011.

### 3. Isishwankathelo semisebenzi

Eli candelo linamacandelwana angama- 23 enza iinkonzo ezahlukeneyo.

Iiklinikhi zaye zalungiswa, apho amacandelwana athile enza iinkonzo aye adityaniswa.

Iinkonzo ezenziwa zezi zilandelayo:

**UMGANGATHO WESITHATHU:**
**IKlinikhi yeengxaki zesibeleko**

**IiNkonzo:**

IThiyetha:

Ukukhutshwa kwezisu (TOP) – 925

Iinkqubo zotyando olungephi – ukugutyulwa kwengxaki esesibelekweni nge-endoskophu.

Iingcebiso zangaphambi nasemva kokukhupha isisu.

Iinkonzo zeengxaki zesibeleko, kuqukwa nenkonzo ye-onkholoji neenkonzo zochumiso lwenzala.

**UMGANGATHO WESINE : Indawo yeX-reyi**

–Iinkqubo zokuqala nezibanzi zokuxilonga – ngee-sonar, ngezikeni ekuthiwa yi-Computerised Tomography (CT), kwakunye ne-Magnetic Resonance Imaging (MRI).

**UMGANGATHO WESIHLANU: Iklinikhi iBreast Clinic**

iMamma/iBreast Clinic, iKlinikhi yeThayirodi, i-Abdominal Oncology

**IKlinikhi yeNdlebe, iMpumlo, noMqala (ENT) Clinic**

**I-Collateral Surgery**

- Utyando lwemithambo (nyurosejari)
- Utyando emazantsi esisu (Abdominal Sejari)
- Utyando lemithambo engoonothumela begazi (Vascular Sejari)
- Ukutsha
- Utyando lwabantwana
- Iklinikhi ye-Anorectal Repair / Dilation Clinic
- Utyando lokulungisa isikhumba nobuso, uMlebe neenkalakahla ezingavalekanga (Plastic Surgery and Maxillofacial, Cleft Palate and Cleft Lip UTyando lwabeNzakeleyo

**I-Stoma Care Clinic**

Inkonzo eyenziwa ngumongikazi, kwaye yeyona nkonzo enikwa izigulane ezilalisiweyo kunye nezigulane ezingalaliswayo.

**UMGANGATHO WESITHANDATHU: IKlinikhi yeYuroloji**

- Iingxaki ezisebudodeni (Prostate)
- Ulwaluko
- I-Onkholoji
- Ingxaki yokungavukelwa (Erectile Dysfunction)
- I-Eshwell Theatre

**IKLINIKHI YAMATHAMBO**

iKlinikhi yento yonke yamathambo kunye neyoMenzakalo emathanjeni

Iklinikhi zobungcali obubodwa:

Iklinikhi yabantwana ejonga ingxaki esemathanjeni, utyando esandleni, Iklinikhi ejongene neengxaki zezandla namadolo, iTshirophodi, iKlinikhi ejongene nengxaki yegxalaba, iPhatholoji yoMqolo neeNyawo

**UMGANGATHO WESIXHENXE: Iklinikhi yamehlo**

**Iiklinikhi zobungcali obubodwa:**

- Ezesifo seSwekile
- EzeSithuthwane/ukuxhuzula
- Ezemithambo (Nyuroloji)
- Ezokuphefumlisa
- Ezengqaqambo zamathambo (Rheumatology )
- ILupus
- INefroloji
- Eze-Aleji

**I-Gastroenterology and Hepatology**

- IiGastroskophi
- IiKholonoskophi
- I-Stenting ze-Endoskophu
- Uxilongo ngeManomeric
- IiGastrostomi ezifakwa esikhumbeni

**UMGANGATHO WESIBHOZO:**

**I-Internal Medicine**

Icandelo lezeNtliziyo, kuqukwa neenkozno ze-ECG neze-Echo

**IDematholoji**

**Izifo ezisulelayo**

Impilo yabasebenzi, kuqukwa ne-Occupational Health Clinic

**UMGANGATHO WETHOBA:**

iHaematology – utyando (bhayopsisi) lomongo

**UMGANGATHO WESHUMI**

INuclear Medicine – izikeni ezahlukeneyo, ithambo lethayiroyidi, izikeni ze-sentinel node, iPET scan ubhukisho, izikeni zomongo, izikeni zobisi, iirenogram

## 5. Okube phambili enyakeni

- Lenziwa lagqitywa iphulo lokuCebisa nokuHlolwa i-HIV.
- Igumbi lokulindela lase-Onkholoji lapeyintwa nguTersa Kok nomhlobo. Iipeyinti yayizezomnikelo kanti izitulo ezitsha yayizezesibonelelo zisenzelwa igumbi lokulinda.
- Kwafakwa umatshini omtsha kwasuswa omdala kwigumbi le-X-reyi nelemamogram
- ICandelo loTyando laqalisa ngenqkubo yokunabisa inkonzo kwiSibhedlele i-Eerste River.
- Yaba nosuku lukawonkewonke i-Stoma klinikhi olwaqhuba kakuhle ngomhla we-10 kuNovemba 2012.
- IKlinikhi iBreast Clinici yafumana umnikelo kumbutho iPink Lady Apples. Le minikelo iya ekuhlawuleni uthutho lwezigulane zase-Breast Oncology uukuya nokubya esibhedlele. Iphulo iPink Drive yaqala ngoJuni 2011. Inkonzo le yenziwe uluntu kwitaki enkulu epinki eyayinomatshini wokuhlola amabele, ekuthiwa yimamogram. Eli phulo lelokukhuthaza ukuba impilo yamabhinqa iqwalaselwe.
- Isifundo esiphathelelene nokukhunjulwa koHartman senziwa ngomhla we-10 kuNovemba 2011. Abongikazi bafumana iimbasa ngenxa yokubalasela ekwenzeni umsebenzi wabo. Abaxhamli baye batyunjwa ngoogxa babo.
- IYunithi ye-Gastroenterology and Hepatology yafumana oomatshini bokuhlamba ababini be-endoskophu. Lusaqhubeka ulwakhiwo. iKholonoskophi yafumana izibane neprosesa.

Abongikazi bale yunithi baye baya kwinkongolo ye-SAGES ukusuka ngomhla we-12 ukuya kowe-16 ku-Epreli 2011.

- ERheumatology Clinic: iGumbi 701 laye laphuculwa lenziwa igumbi le-ultrasound ngokomnikelo we-Abbott Laboratories. Abasebenzi bezokonga babezibandakanyile neentsuku zikawonkewonke zokuxhobisa abantu ngolwazi umzekelo uSuku iOsteoartritis (nge-26 ka-Agasti 2012) kunye nosuku, i-International Rheumatology Day (nge-12 ku-Okthibha 2012). Imisebenzi yenzelwa eklinikhi nawkindawo enkulu yolulinda kwicandelo lamayeza.
- I-Occupational Health: Oogqirha, abafundi abenza ubugqirha, abafundi bezokonga ngokolulandelana kwaba bantu ngabo abafumana ukuchatshazelwa ligazi nakukuhlatywa ziinaliti. Ngokokulandelelana kwabo abasebenzi abangama- 133, 97 ze abangama-75 baye bagonywa: kwiHepatitis B, N.H. imasisi netetanus.
- Uphando olwenziwayo ngoku nje ebantwini abadala lusaqhutywa kwiKlinikhi yeZigulo eziSulelayo:
    - Imfunalwazi nge-HPV ukubona ukuba imeko ye-HPV, kunye nomhlaza wesibeleko, amabhinqa ane-HIV.
    - A PMTCT study: Viral-load study before the start of ARV therapy and after labour.
    - Uphando nge-Hepatitis B: Ukubeka iliso kwimeko yezigulo zeHepatitis B nokusuleleka yiHIV ngaxeshanye.
    - Uphando lweNefroloji: Ukubeka iliso kwisigulo eso nokujonga ubungakanani bengxaki yesigulo sezintso kwizigulane ezine-HIV.
- INuclear Medicine:
    - Ukugqitywa kweziko elitsha i-PET kwiSakhiwo iGene Louw – kwafakelwa kwekhamera ye-PET/CT.
    - Ukuphuculwa kwegamma khamera kuMgangatho we-10 ngokowangeza icandelwana le-CT.
- IYunithi ye-Infection Prevention and Control (UIPC):
    - Iindwendwe ezibalulekileyo: Ms Salma Khamassi owayesuka kwi- WHO owayetyelele i-UIPC ukusuka ngomhla we-4 ukuya kowama-7 ku-Epreli 2011.
    - UGqr E Kamuri kunye noMs Theresa Mwangi, ababesuka kwiSibhedlele iKenyata eKenya, nabo babefikile kule yunithi ngo-Agasti 2011. Babuyisela ulwazi olubalulekileyo beeprothokholi zokuhlola ukusebenzisa nokululungiselela isibhedlele sabo.
    - Kwamiselwa kwezixhobo i-IPC survival kit zaza zahanjiswa ngoJanuwari 2011.
    - Ukubakho kwemigaqo-nkqubo ye-IPC kwi- I drive
    - Ukuhanjiswa kwamaphetshana anolwazi ebantwini.

### 6. Amanani-nkcazo abalulekileyo

- Zingama-925 izigulane ezakhupha izisu, ze kuthi ama-477 kuzo le nkqubo yenziwe ngumongikazi oncedisayo kananjalo ama-222 enziwe ngugqirha.
- IiX-reyi: 1 773 amafoto ezisu kwabakhulelweyo enziwa nge-sonar, kunye nohlolo ngeskeni ezenziwayo zingama-18 144.
- KwiKlinikhi ekuthiwa yinurse-run Stoma Clinic, zingama- 8 164 zizonke izigulane ezaye zanonotshelwa nguRegistered Nurse nangoo-Enrolled Nurse ababini.
- Ngokuphathelelene nempilo ngokwasemse-benzini, ukuchatshazelwa nokuncuntswa ziinaliti koogqirha (113), abafundi bezonyango (97) ize abafundi bezokonga (75) ze iyonke loo nto yenze izihlo zokwenzakala ezaxelwayo zibe nga, a-328 zizonke.
- Abasebenzi abali-18 kwabikwa ukuba bafunyaniswa besulelwe sisifo sephepha emiphungeni ngexesha besemsebenzini.
- Izifo ezisulelayo:
    - Izigulane ezabonwayo zizonke 18 218.
    - Izigulane ezithunyelwa kwenye indawo: 384 abantu abadala nabantwana abazizigulane abangama -67.
    - Inani lezigulane eziphila nentsholongwane kaGawulayo zazingama- 491 ezarekhodishwayo.

### ITHEYETHA

### 1. INtloko yeModyuli

Mnu R E Visagie, uManejala oNcedisayo wezoKonga

### Isiswhankathelo semisebenzi

- Le yunithi inika iinkonzo zempilo ezisesikweni ezinobuchule, ezikhuselekileyo, ngendlela enobuntu kwizibhedlele nakwiiklinikhi kwiindawo ezingamasebe esibhedlele.
- Le yunithi isebenza ngomlinganiselo wokukhawulelana neemeko ezingama-45

ngosuku kwiithiyetha ngokubanzi, kwanokukhawulelana neemeko ezingama-35 kwiithiyetha zokungxamisekileyo.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| OoManejala boMmandla | 2 |
| ABongikazi abaXilongayo | 87 |
| Abongikazi abangoo-Staff Nurse | 35 |
| ABongikazi abaNcedisayo | 72 |
| OoMabhalane bezoLawulo | 4 |
| AbaNcedisi ngokuBanzi | 38 |
| Abacoci | 4 |

### Iinkonzo

- 25 yeethiyetha ezikhethekileyo
- 1 ILebhu yeekhathetha (catheterisation)
- 1 ithiyetha yeradiyoloji
- 4 iithiyetha zokungxamisekileyo
- 1 ithiyetha yokucoca iintsholongwane ye-nuclear radiation

### IZimvo ngesiphumo

- 26 351 yezigulane ezathi zancedwa ngo-2011

### Uphuhliso lwesakhiwo

Isicwangciso sokuphucula iithiyetha ezikumgangatho wesithathu kunye namagumbi okuphumla ukunyusa umgangatho nembonakalo yawo yeyona nto iphambili.

### Izinto ezibe phambili enyakeni

- Imbasa zeHartman Awards zawonga u:
  - Ms N Sam, uMongikazi oXilongayo
  - Ms M Swartz, iStaff Nurse
  - Ms F Skippers, uMongikazi oNcedisayo.
- Iiseshini zesicwangciso –qhinga zenziwa kule modyuli .
- Lwenziwa ngomhla we-3 kuNovemba 2011 ukukhangelwe kweethiyetha ukuba zikulungele na ukucocwa nge-nuclear decontamination oko kusenziwa kusetyenziswana no-Eskom.
- Bobathathu abafundi abenza ikhosi entsha ye-Operating Room Practitioner, eyaqala ngoFebruwari 2011, baluphumelela uviwo lwabo lonyaka wokuqala, baza baluphumelela emagqabini uvavanyo ngokusebenza/iprektikhali
- Iqela lesibini, kubafundi abahlanu, abaqala ngoFebruwari 2012.

## I-CSSD

### INtloko yemodyuli

Mnu MR Schuller

Iinkonzo zenzelwa iithiyetha, iiwadi kunye neeklinikhi zesibhedlele iTygerberg.

### Abasebenzi

| | |
|---|---|
| UManejala we-CSSD | 1 |
| uMabhalane wezoLawulo | 1 |
| Ii-Operators eziziiNtloko | 7 |
| UMcoci oyiNtloko | 1 |
| I-Operators | 49 |
| AbaNcedisi ngokuBanzi beZitora | 5 |
| AbaNcedisi kwiZitora zeLineni | 5 |
| Abacoci abaNcedisayo | 6 |
| **Bebonke** | **75** |

### Izixhobo

i-Sterilisers x 10

izinto zokucoca ezibizwa ngokuba yi-Steris washer disinfectors: 1 x single-chamber, 2 x multichamber

### Iziphumo ezimayela neznto ezizibulali zintsholongwane

Iitreyi ziye zifakwe kwisibulali zintsholongwane:

6 439 (2010) – 6 880 (2011) i-avareji ngenyanga

I-Ethylene Oxide (EO) yokubulala iintsholongwane:

16 679 (2010) – 5 674 (2011) i-avareji ngenyanga

### Uqeqesho nophuhliso:

**IKhosi esiSiseko ye-IPC Sterilization**

Zaba ntathu ii-operators ezaphumelelayo enye azange.

**IKhosi ekwiqondo eliphakathi i-IPC Intermediate**

Kwaphumelela abaphathi ababini.

**IKhosi i-IPC Advanced**

Zisalindilwe iziphumo/iingxelo zabaphathi ababini


### Okube phambili enyakeni

Ukuncitshiswa kwezinto zokucoca ezizibulali-zintsholongwane ze-EO.

## ICANDELO LEBIOMEDICAL SCIENCE

### ICandelo le-Biomedical Science

**UProfesa Paul D van Helden**



**ICandelo leMolecular Biology and Human Genetics**

**IiNkonzo zonyango**

- inye inkonzo yonyango lwezigulo ezinokwenza nokuphefumla kwizigulane ezingalaliswayo ezibonwa kanye ngeveki
- inye ngeveki iseshini yasethiyetha yebronkhoskopi
- zisixhenxe iiveki enyakeni apho kuye kufuneke abantu emsebenzini kwi-Medical –ICU, kuqukwa nokujikeleza eziwodini, kwenziwe nomsebenzi woxilongo ( lwabathunyelwe eziwodini), ukubakho kwabasebenzi emva kwamaxesha omsebenzi kujikelezwe naseziwodini.

Iinkonzo zeClinical Genetics and Genetic Counselling kuLuhlu 1.

**ULuhlu 1: IiNkonzo zeClinical Genetic and Genetic Counselling**

| IKLINIKHI | IXESHA |
|---|---|
| Iingcebiso zabakhulelweyo eTBH | 2/iveki |
| Iklinikhi yaseTBH eqwalasela ezemfuza ebantwaneni | 1/iveki |
| iklinikhi yaseTBH eqwalasela ukopha okubangelwa kukungadaleki kwehlwili | 1/inyanga |
| Iklinikhi yaseTBH ejongene nemfuza ehamba ngemithambo-luvo | 1/3rd inyanga |
| Iklinikhi yaseTBH Inkonzo yeengcebiso ezimayela nomhlaza | 2/ inyanga |
| Iklinikhi yaseTBH nengxaki yenkal-akahla engavalekanga | 2/ inyanga |
| Ukusiwa kweenkonzo kwizibhedlele zonyango olukwinqanaba 2 | Rhoqho |
| Ukusiwa kweenkonzo kwizikolo ze-LSEN | Rhoqho |

**INzuzo ejoliswe kwisigulane naseluntwini**

1. 1. Izigulo zentliziyo (CV): sikhona isixhobo sokuhlola i-DNA kwinto ebizwa ngokuba yi- hypertrophic cardiomyopathy (HCM), kwakhona kubekho i-long QT syndrome (LQTS) kunye ne-progressive familial heart block type I (PFHBI). Ezi nkcukacha ziyafumaneka nakwi-Prevent Arrhythmic Cardiac Events (PACE) ngokweengcibiso ezinikwa izigulane nezo zinikwa usapho. Zikhona kwiwebsite iinkcukacha ezilungele abantu ngokubanzi.
2. Isiphumo sonyango kwizigulane ezinyangelwa isifo sephepha esixhathisayo i-TB (XDR-TB) sibonise ukuba unyango olu luye lungasebenzi, nto leyo ke egqibela ngokumbulala umntu. Ukuzama ukuphucula isiphumo sonyango sisebenzisana ne- Médecines Sans Frontierés (MSF) ngenjongo yokuqwalasela imeko yonke yezigulane ezifuna ngamandla ukunyangwa. Ezi nkcukacha zisetyenziselwa ukulungisa iindlela ezinokukhethwa zonyango kwanezinokusebenza njengento eya kukhuthaza ukusetyenziswa kwamachiza eTB ngononophelo olulodwa, machiza lawo asalingwayo kwaye asekwibakala 2 nele-3.
3. Siyazixhasa iiNkonzo zeLebhu yeSizwe yezeMpilo – National Health Laboratory Services (NHLS) kunye neqela lezinto ezibandakanyekayo kumadlala emfuza kwanoncedo kwiimeko eziyingxaki ezifuna unyango ezifana neTB kunye neTB exhathisayo emayezeni. Sacelwa ukuba sincede ekukhangeleni ukuba esona sizathu sokubasezantsi kweqondo lokwenziwa kweemvavanyo zokusebenza kwamachiza

asetyenzisiweyo ajolise ekufumaneni iintsholongwane nge-ethionamide.

4. Siyayixhasa i-NHLS ekuqeqesheni abafundi abenza izifundi kwi-BSc Honours (uMnu D Hart) kunye nabafundi abenza izifundo zePhD (uMnu M Barnard).

5. Sisebenza kunye ne-NHLS ukuvavanya indlela entsha nge-sensititre plate ukujonga ukuba amachiza asebenza njani kunye ne-minimum inhibitory concentration (MIC) kukhangelwa omabini amachiza kwinqanaba lokuqala nelesibini lezonyango ngamachiza eTB.

6. Sisebenzisana ne-NHLS ukuvavanya ukusebenza kwe-Xpert MTB/RIF KwaZulu-Natal ngokombono wokulawula ukwanda kwezigulane zeMDR TB ezibonwayo kumasipala omnye wesithili.

7. Umgaqo-nkqubo oshwankathelayo wakhutshwa ngo-Agasti 2011 ushicisele intsebenziswano eluqilima ukubona utshintsho xa kusetyenziswa ichiza i-isoniazid ne-ethionamide ukubona ukuba eli chiza lisetyenziswayo liyasebenza na okanye isigulane sixhathisa kakhulu kuso. Esi sishwankathelo sinazo neziphakamiso zokuba ezi nkcukacha kufuneka zibandakanywe kwingxelo yeso sigulo sifunyanisiweyo. Ukongeza koku siphakamise ukuba kwenziwe izikhokelo sabanyangi ngendlela zokunyanga izigulane ngokwendlela yeziphumo ze-MTBDRplus-genotyping.

8. Sibhale uxwebhu yeSebe lesizwe lezoLimo (ngokwesicelo seSebe), ukuchaza imeko yokufunyaniswa kwesifo esenziwa yintsholongwane iMycobacteria kunye nesifo sezilwanyana. Lo msebenzi uye waqhutywa waza wanatyiswa kwaye iya kuvela kuxwebhu kuluncwadi oluphononongwe ngokwezibakala zokukhula (oontangandini) ngo-2010.

9. Sinobungcali obubodwa malunga nokufumanisa izifo ezithile kwizilwanyana ze-National Zoological Gardens (NZG) kunye ne-SANParks, ukuze sibacebise kananjalo.

10. Iziko i-FIND, lixhaswa yiGates Foundation, lisoloko licela omnye wabasebenzi bethu, uMs A Jordaan (weYunivesithi yaseStellenbosch), ukuba aye kumazwe aseAfrika ukuze enze uqeqesho kwindlela yokuhlola nge—commercial molecular-diagnostic.

11. Inkonzo yeClinical Genetic and Genetic Counselling inika uncedo kwaye ithintela iingxaki ezibakho ngexesha lokubeleka neengxaki zemfuza kwicandelwana leSibhedlele iTygerberg ( kwisithili iCape Town Metro East nase-Winelands, Overberg nase-West Coast eNtshona Koloni).

**Umsebenzi waseLebhu:**

Umsebenzi waseLebhu:

I-Polymerase chain reaction (PCR) - ukuzenzekela kwezinto ezinokwenza neMycobacterium tuberculosis ezichaphazela uphando olwenziwe kubathathi-nxaxheba

Unyatheliso–minwe lwezinto ze IS6110 DNA yeMycobacterium –tuberculosis ezichaphazela uphando olwenziwe kubathathi-nxaxheba

Umsebenzi wohlolo nge-Interferon gamma-release kwilebhu ye-Imyunoloji kwizigulane ezise-TBH – ingakumbi ezezigulane ezingabantwana ezise-onkholoji.

**Ukufundisa**

MBChB I: 8 Izifundo ze-Imyunoloji

MBChB II: 6 Izifundo ze-Imyunoloji

## ICANDELO LE-ANATOMY AND HISTOLOGY

### Ukufundisa

**Isimesta yokuqala:**

- i-MBChB II
- i-MMed
- i-Speech Therapy III

**Isimesta yesibini:**

- i-Dentistry
- i-Occupational Therapy II
- i-Physiotherapy II
- i-Speech Therapy III (Clinical Neurology)

Amaxesha okufunda ngeveki = 5.

Uvavanyo okanye iimviwo, zilawulwa, zimakishwe, ze amanqaku alungiswe ngokwe= 6 ngesimesta nganye.

### Umsebenzi wezoNyango:

Iingcebiso ngezinto ezinokwenza ngeMfuza

Iyasebenza kwiKlinikhi yaseMfuleni apho kunyangwa izigulane zinyangelwa i-TB qho ngeveki (iintsuku ezi-2 evekini).

## ICANDELO LE-MEDICAL PHYSIOLOGY

### Izifundo

ICandelo le-Medical Physiology ikakhulu linoxanduva lokufundisa nokuqeqesha abafundi abangekathwesa zidanga ze (MBChB, BChD, BSc Physiotherapy, Occupational Therapy, iDietetics) nabafundi abasele bathweswe izidanga (BScHon, MSc, PhD, MMed) kwi-Faculty of Health Sciences.

### Uphando

Iinkalo ezimbini zophando zibandakanywa iQela loPhando kwizinto ezinokwenza neNtliziyo kunye neQela loPhando kwi-Reproductive Physiology.

### Iinkonzo zonyango

- unyango lwezinto ezinokwenza nokuphemfula lwenziwa kanye ngeveki
- iseshini enye yebronkhoskophi kube kanye ngeveki
- iiveki ezisibhozo ngonyaka kubantu abasebenza e-Medical-ICU, kuqukwa nemijikelo eyenziwa eziwadini, iinkonzo zoxilongo (ukugqithiselwa eziwadini), abasebenza emva kwexesha lomsebenzi nakwimijikelo eyenziwa eziwadini ngeempelaveki
- Ukuthatha inxaxheba ngokuzimisela kuqeqesho lwabancedisi kwezonyango.

### Abasebenzi

| IZITHUBA (ZESIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| IProfesa<br>INqununu INgcali | 5 | 5 |
| INgcali | 4 | 3 |
| iRegistra (inani kuphela) | 4 | 2 |
| Igosa lezonyango | 2 | 2 |

| IZITHUBA (EZESESHINI) | | |
|---|---|---|
| IiNgcali | | |
| IZikhundla zeXeshana | 2 | 2 |
| Izikhuhldla ezongezelelweyo | | |
| Izikhundla zesigxina | | |
| Inani leebhedi (ezisetyenziswayo): | | |

### Ukubonwa kwezigulane ezingalaliswayo, Iiklinikhi ezizodwa, Ukungeniswa kwesigulane, Iinkqubo zaseThiyetha:

- iiklinikhi ezinobungcali ( kwezemiphunga): iba nye iklinikhi yesi sigulo ngeveki nganye
- Uluhlu lwethiyetha ejongene nebrokhoskophi: luba lunye uluhlu lwasethiyetha ngeveki enye, iba nye emva kwemini, ibe nye imini yonke.
- ziba mbini kuphela iingcali ezisebenza iintsuku ezingama-56 kwicandelo labaxhalisekileyo emva kweeyure zomsebenzi.

### I-Clinical Genetics and Genetic Counselling:

- Kuqeshwe iirejistra ezimbini kwicandelo le-clinical genetics.
- Prof. Greetje de Jong noProf. Denis Viljoen basebenza ngokweeseshini
- Kongezwa iingcali zoogqirha kwezemfuza kunye neenkqubo yeengcebiso eya kusebenza ixeshana ukuncedisana nabasebenzi
- Ngokwenkxaso ye-Department of Obstetrics and Gynaecology (clinical–genetic area) indawo yokuhlola incindi yemfuza eyavulwa kwiSibhedlele iTygerberg ekupheleni ko-2011. Oku kuquka amagumbi amabini okuxilongela, kwangaxeshanye kwaqiniswa ukuba iinkqubo ezimalunga nezinto zemfuza zibe yinkalo yezonyango i-clinical discipline.
- ILebhu ye-NHLS yeSibhedlele iTygerberg isoloko ikwimeko engafanelekanga, ubukhulu becala ngenxa yobukhulu bengxaki ekwi-NHLS.

**ULuhlu 2: Iinkqubo zoxilongo ze-Clinical Genetic and Genetic Counselling 2011**

| IKLINIKHI | IXESHA | IZIGULANE EZABONWAYO |
|---|---|---|
| Ukuhlolwa kweentsana ezizelwe zingaphili yi-TBH | Yonk'imihla | 742 |
| Ukunikwa kweengcebiso kwabo bakhulelweyo xa iintsana abazithweleyo zinengxaki, oko kusenziwa yi-TBH | 1/ngeveki | 824 zizonke (724 utyelelo lokuqala) |
| Ukunikwa iingcebiso kwabo bakhulelweyo xa iintsana zabo zine-Down Syndrome, oko kusenziwa yi-TBH | 1/ngeveki | |
| Inkqubo emalunga nezemfuza ebantwaneni eyenziwa yi-TBH | 1/ngeveki | 410 zizonke (163 utyelelo lokuqala) |
| Inkqubo enokwenza neengxaki zegazi eyenziwa yi-TBH | 1/ngeveki | 12 |
| Iinkonzo zokuqwalasela umhlaza obangelwa yimfuza ezenziwa yi-TBH | 1/ngenyanga | 40 umhlaza webele 14 umhlaza ethumbu bhobhosi |
| iklinikhi ye-nuerogenetic yase-TBH | 1/3 yeenyanga (est. Aug 2011) | Iintsaphoezili-10 |
| Inkqubo yokuvalwa kwemilebe engadibananga e-TBH | 2/iinyanga | 60 |
| Ukunabisela iinkonzo kwizikolo ze-LENS | Rhoqo | 170 |
| **Zizonke** | | **2 282** |

Njengoko kubonakala, amanani aphawulekayo ezigulane kuluhlu olubanzi lwezigaba zobomi nakuzo zonke iinkalo zononophelo afumaneka kwi-clinical genetic nakwinkonzo ye-genetic counselling.

Ukuhlolwa kweentsana ezivele sele zingaphili kwenza ukuba kwenziwe umsebenzi ochanekileyo xa kukhangelwa unobangela wokufa, into ke leyo eya kuba nefuthe kubalawuli bezokubelekisa nabezemfuza kubantu abakhulelweyo kwixesha elizayo.

Umda wenkonzo uthe wanda kwizifundo zango-2011 ukuze kubandakanywe nenani elandayo lezigulane ezingabantu abadala (abanomhlaza neengxaki enokwenza nemithambo nemfuza nuerogenetic, isikakhulu) nokwanda kwamanani ezigulane ezibonwa ingakumbi ngabaniku-zingcebiso ngezinto ezimalunga nezemfuza ngaphezu kokuba banyangwe nje iingxaki ezinjalo kwiklinikhi yaloo nto.

### Uluvo ngesiphumo

IiNkonzo ze-Clinical Genetic and Genetic Counsellingziyanaba kwaye zisebenzisa ubuchule obungenambaliso kakhulu xa kuhlolwa ezemfuza neendlela zokunika iingcebiso ukuze kubekho umalathi-ndlela kwinkonzo enikwayo. Oku kuquka ukwenziwa iinkqubo zokuhlola zifikeleleke kwicwandelo elizimeleyo okanye phesheya kolwandle apho ingekakwazi ukwenziwa le nkqubo yokuhlola kungasetyenziswananga ne-NHLS (oku kubaluleke kakhulu xa kujongwe umngcipheko we-NHLS).

Eyona nto ibaluleke kakhulu kwiklinikhi yeenkonzo zezemfuza kukuzenza iirejistra zeklikhi zilungele isigaba 1 se-FCMG seemviwo – le nkqubo sele iqalisile.

Sele sizenzile iimvavanyo ze-Quantiferon zeSibhedlele iTygerberg, sizenza nanini na xa zither zacelwa . ok.kkt. ezeOnkholoji yaBantwana. Olu luvavanyo olulodwa ukukhangela isifo sephepha i-TB, okungenziwayo kwicandelo laseburhulumenteni.

### Iinkqubo zokufikelelisa iinkonzo kuluntu

## ICANDELO LE-MOLECULAR BIOLOGY AND HUMAN GENETICS

### Iinkqubo zokufikiswa kweenkonzo (eluntwini ngokubanzi)

**INgxelo kaProf V. Corfield ephathelelene neenkqubo zokuhanjiswa kweenkonzo ngo-2011:**

UProf Corfield uye wathi gqolo ukuzibandakanya neenkqubo zokuhambisa iinkonzo eluntwini, nkqubo ezo zichaphazela uluntu ngokubanzi ekuxhotyisweni ngolwazi nokubenza abantu bayiqonde into yokuba isebenza njani na i-biomedical science. Ukususela ngo-1998 wafumana inkxaso nenkuthazo ngomsebenzi wakhe kumacandelo ohlukeneyo kwaye ubakhuthazile abathathinxaxheba kwanabanye ngezi nkqubo. Uninzi lwezi zinkqubo zenziwe ngengxowa-mali 'yokuhanjiswa' kweenkonzo ivela kwi-CMCB okanye kwiCommunity Liaison Office/Research Translation Office ye-MRC, kanti ngaphambili phaya yayinguMs Khalipha Ramahlaphe, kutshanje nguMs Benita Mayosi.

Izinto ezibalulekileyo ezathi zenziwa zaqosheliswa ngo-2011 sisigaba 3 seWellcome Trust International Engagement (WTIE) apho kwaye kwawongwa uProf. Corfield (ongoyena mwongwa uphezulu) ngentsebenziswano kunye no-MTN Sciencentre, eKapa. Izigaba ezibini zokuqala zale projekthi

ebizwa ngokuba yi-Catalysing partnerships: the role of science centres as intermediaries between the public and scientists in engagement with biomedical sciences in South Africa ihlanganise iscience centres kunye nosonzululwazi kunye ukuzenza izinto ezidibene ne-biomedical science zifikeleleke nangakumbi kuluntu ngokubanzi. Iindibano zocweyo zemimandla ezazihleli ngo-2010 zihlanganise oososayensi abohlukeneyo abavela kumaziko-mfundo aphakamileyo kumaziko ophando, kunye esayensi kummandla wonke (kuqukwa namaziko esayensi akwimimandla yamaphandle) abasebenzi abaliqela be-MRC kunye nezityudenti zesidanga sesininzi ndawonye nabasebenzo abavela kumaziko e-MRC okanye eNtshona Koloni, KZN naseGauteng babekhona kolu cweyo.

Ngoko ke isiphumo esibonisa impumelelo yale projekthi sesilungiswe "njengento eya kunatyiswa" kunye nophuhliso oluzimeleyo lwezi nkqubo sele zikho kunye nezintsha zokubandakanywa koluntu kulo lonke ilizwe. Ngoko ke, ngo-2011, Ngoko ke isiphumo esibe nempumelelo sale projekthi siye sayiceba "ekhula ithe chu" ijonge ukuba iphuhle izimele le nkqubo sele imi yokubandakanywa koluntu kulo lonke ilizwe. Ngoko ke ngo-2011, iindibano zocweyo ezifana no-The Trouble with TB, HIV, comes to the party, The DNA Detctive Trouble with TB and Skin you're in ( zonke zaveliswa nguProf Corfied) zikhe zimana ukwandlwa nguProf. Corfield kodwa nangabnye ekukho phakathi kwabo, iCape Town Science Centre, iGiyani Science Centre (Limpopo), iGateway Science Centre kunye namaziko esayensi akwiiyunivesithi zasePretoria, eyaseLimpoo, KwaZulu-Natal nakwaZulu.

Isigaba sesi-3 sael projekthi sagqitywa ngoDisemba 2011 kunye nokwenziwa kweNcwadana yokufunda yeSouth African Science Centre Communication kunye newebsite enobhalo olufakwe kwi-elektronika lwale ncwadana kunye neemathiriyeli ezingumxhaso (http://www.saastec.co.za/scibiolosa.htm) eyayiphumezile injongo yokuxhobisa abanye ukuba babandakanyeke ekwazisweni nasekusebenzeni nakwi-biomedicine, nasekuhloleni ukuziphatha nasekuhlaleni kuphakanyiswa imiba yobuchwepheshe obutsha.

Enye yezinto eziphambili nokuzibandakanya koluntu kwezesayensi ngo-2011 yayinguProf Corfield owayethathe inxaxheba kwiNkomfa yeHlabathi ye-6 ye-Annual Science Centre, eyayibanjelwe eKapa. Wayebandakanyeka ekuthatheni inxaxheba kwiingxoxo ezimbini zesigqeba. Okokuqala waye wandlala untetho esihloko sithi '*Can Science and Society' be squeezed into a one-size-fits-all science centre experience?* Apho waye waphonononga imfuno iinkqubo ezilungiselelwe iimfuno zabantu abahlukene ngokwemveli, inkcubeko okanye iindlela zokuthethwa (ulwimi). Isihloko segalelo lesibini, yayinguPromotion women in science centres across culture; the contribution of science centre, eyaphonononga iindlela apho amaziko esayensi anokuyitshintsha khona ancede nasekutshintsheni inngcamango yengqondo kuphakanyiswe nenkqubo yokwazisa abantombazana angabafundi malunga nekhono lemfundo elilandela umsebenzi kwisayensi neteknoliji. Kwandalwa iipowusta ezimbini nguProf. Cortfield eshwankathela indima ye-South African *Women in Science and Engeneering (SAWISE)* kwanenjongo yembasa ye-WITIE yaza eyayisihloko sithi SAWISE: *South African sisters in science centres and engineering network with science centres and Catalysing partnerships: can science centres bridge the gap and promote dialogue between scientist and public in biomedicine?* ngokokulandelelana kwazo.

Isongezelelo esincomekayo seendibano zocweyo ze-WTIE zenziwa kwisigaba 2 saqulunqwa nguProf. Cortfield ngo-2011ngokusetyenziswa kwe kwento ebizwa ngokuba yi-Murder Mystery ukuze kubandakanywe noluntu ngokubanzi kwezobunzululwazi kubethelelwa uphando lomthetho kwi-DNA kwanemiba yokuziphatha ehamba nokusebenza ngale teknoloji. UProf. Corfield wabhala iqela lezinto ze- 'whodunnit' ezasetyenziswa kwiinkqubo ezibandakanya uluntu, oko kukuthi, kwiScifest 2011, iYunivesithi yaseLimpopo Science Centre school's programme kwakunye nentlanganiso kawonkewonke yonyaka (AGM) ye-SAWISE, nequmrhu ukuqinisa indima eyenziwa ngamabhinqa kwisayensi nakwezobunjineli.

Ngo-2011, uProf. Cortfield wayebandakanyeke kwezinye iinkqubo ezazithundezela phambili iinkalo eziliqela zesayensi. Enye yezo nkqubo kuqhubeka nokunabisa iProjekthi yeDNA, iqumrhu abafuna ukwazisa ngalo ngokubaluleka kobungqina beenkqubo zophando lomthetho lwe-DNA. Ngo-2011 uProf Corfield wafundisa nge-DNA Project kwiYunivesithi of the Third Age, iNational Prosecuting Authority kunye nenkampani enoxanduva lokwenza imathiriyeli yokubhengeza. Wayekwabandakanyeka kucweyo lwe-DNA CSI, awazixakameza kananjalo waya kuyandlala kwiSouth African Police (kumaPolisa oMzantsi Afrika), amaqela angamasolomzi, amaziko nezikolo ezijongene namabhinqa axhatshazwe ngesondo.

UGqr.Corfield ukhokelele ekubeni kuqhutyekwe neeprojekthi zoqeqesho kunye nenkqubo eyi-Public Understanding of Biotechnology programme (PUB), oko kukuthi ukwenza nokuqeqesha inkqubo ye-Basic Biotechnology yeZiko leSayensi laseYunivesithi yaseLimpopo kananjalo wenza nohlolo lweengxelo zamajelo eendaba nge-biotechnology yeSouth African Association for Science and Technology Advancement (SAASTA).

Ngo-2011, ekhawulelana neemfuno zokuxhobisa ngolwazi ngezinto eziliqela eziphathelelene nezempilo bangayifumana abafundi besikolo, uProf. Corfield waluhlaziya ulwandlalo ntetho awayelulungisile kwixa elingaphambili elalisihloko sithi Careers in Health Care. Wayelwenze olu lwandlalo-ntetho kwinkqubo yokuxhobisela imfundo ephakamileyo yeYunivesithi yaseStellenbosch kwaye ilungiselelwe ukuba ifunyanwe nayiMRC’s Research Translation Office – owayeyandlale kumnyhadala iEnding Science Festival eyayiseLimpopo ngo-2011. Wasebenzisa nomsitho obizwa ngokuba ngumsitho i-‘meet-a female-scientist’ yabantwana besikolo.

Ucweyo oluphathelele kwizakhono zolwandlalo-ntetho olwaluququzelelwe ngu-Prof. Corfield ziye zahlaziywa ngo-2011 zaza zandlalwa de kakabini njengenxalenye yenkqubo ye-ofisi yoPhuhliso lokuXakathisa ngoLwazi ngezoPhando lweYunivesithi yaseStellenbosch kubasebenzi abangabahlohli kwakunye nabafundi abesele bekwisigaba esiphezulu emfundweni kwanakubafundi abenza i-Onazi ze-Bsc ze-The Centre for Molecular and Cellular Biology (CMCB). Ngaphezu koko, kukwakho nobhalo olufinyeziweyo olusihloko sithi “101 tips for a pitch perfect presentation” eyakhutshwa kwindibano yocweyo lwe-SAWISE nakwi-Biannual Conference for Women in Engeneering (Gauteng).

### Inkonzo ye-Clinical Genetics and Genetic Counselling:

Iqela eli limisele intsebenziswano emandla kunye neFoundation for Alcohol Related Research (FARR), kunye ne-NGO ejolise kwi-Fetal Alcohol Syndrome (FAS), imeko ebalulekileyo yempilo yoluntu eNtshona Koloni. UGqr Urban lilungu lebhodi ye-FARR kwaye sisebenziswano kunye ne-FARR nabanye ukwenza uphando nezinto eziphambili ze-FAS. Njengenxalenye yento ekujoliswe kuyo malunga nokhubazeko, neqela leClinic Genetic and Genetic Counselling eliqhubekayo ukunabisa iinkonzo kubantwana ezikolweni kunye nabafundi abaneemfuno ezizodwa zokufunda- learners with special needs (LSEN schools).

### ICandelo le-Anatomy and Histology

Eli candelo linooggqirha botyando abathathu bamathambo ababesuka eBelgium naseNetherlands abaye bafumana uqeqesho kutyando egxalabeni ngesixhobo i-orthoskophi kwiCape Shoulder Clinic (uDqr Joe de Beer) waza wenza uphando (cadavers) kwizihloko ezahlukeneyo ezimalunga namagxa, amahleza, amadolo, lwaza lwathunyelwa elupapashweni ngo-2012.

Bangama-6 000 bebonke abafundi bebakala 11 nele-12 abasuka kwizikolo ezili-120 zaseNtshona Koloni ezaziye kwinkqubo yeMyuziyam efundisayo ngeMofoloji.

Ngama-35 lilonke inani leendibano zocweyo elwalujoliswe ekuqeqeshweni kwakhona kutyando olubizwa ngokuba yicadaver- based surgical, luqeqesho olo luqinisekiweyo lwe- CDP. Olu qeqesho lwalusenzelwa oogqirha botyando kunye noogqirha bemithambo nemithambo-luvo, iineurosurgeons ababonelelwa ngabavelisi abathembekileyo bezixhobo zotyando-fakelo lwelungu. Aabakwa-(Orthomed. Accumed, Medtronic, Zimmer, Wekomed, SA Biomedical, Southern Medical, Stryker, Ortho-surgical Implants, Smith and Nephew, Johnson & Johnson, Earth Medical, Orthogate, Bloomberg Medical, Bicifix, Adcock-Ingram). Oku kwenyuka kwaya kuma-200 oogqirha (ingqikelelo esenokujika, kusenegnzeka ukuba bangaphezulu kunoku).

### ICANDELO LE- MEDICAL PHYSIOLOGY

#### Iinkqubo zokufikelelisa iinkonzo kuluntu

UProf. Hans Strijdom wayebandakanyeka ekumiselweni kwenkqubo yokusa iinkonzo ebantwini kunye namahlakani asuka kwiCandelo leFamily Medicine eTafeni Daycare Centre eNyanga.

Amalungu aliqela abasebenzi asebenza njengabagwebi bommandla abajonga abo baphumeleleyo kumjikelo wokugqibela kwi-ESCOM Expo for Young Scientists. Olu khuphiswano lujonge ukuxhobisa abantwana ezikolweni malunga neesayensi.

Amalungu aliqela abasebenzi babebandakanyeka ekucebiseni kananjalo/okanye kwinkqubo yokufundisa kwi-Faculty of Health Sciences.

UProf. Barbara Huisamen wayebandakanyeka kwinkqubo yokucebisa ekuphuhlisweni kwekhondo lomsebenzi leWomen in Science

UProf. Andreas Diacon wayebandakanyeka kwicandelo lenkonzo yonyango leSebe lesibhedlele i-Department of Internal Medicine

kwiSibhedlele iTygerberg, apho wenza khona igalelo eliphawulekayo kubonelelo ngenkonzo, kananjalo ekufundisweni kwabafundi (abangekathwesa sidanga nabosele bezithwesiwe baqhubekayo). Uzibambe zazinza iinkqubo zophando zabasebenzi kumaziko ahlukeneyo ezempilo kwaye unegalelo kunonophelo lwezempilo kwabo bathatha inxaxheba.

### INTSEBENZISWANO

#### ISizwe

**ICandelo le-Molecular Biology and Human Genetics**

IIDMM, UCT: intsebenziswano neprojekthi iGates Grand Challenge

I-Lung Institute, UCT: intsebenziswano kwiiprojekthi zokuxilonga neze-biomarker

i-K-RITH (KwaZulu-Natal): uGqr Adrie Steyn, esenza igalelo lakhe kumsebenzi we-biomarker neTB-immunology

K-RITH (KwaZulu-Natal): uGqr Arie Steyn ebambisene nabnye kumsebenzi we-biomaker noweTB-Immunology

| **Iinkqubo zotyando ezenziwayo:** | **402** | **510** |
| Iityhubhana ezifakwa emithanjeni | 275 | 292 |
| Iityhubhaba ezifakwa ukubona | 129 | 151 |
| uxinzelelo lwegazi emithanjeni | 10 | 22 |

| UNCEDISO LOKUPHEFUMLA: | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| Abafakwa isincedisi- kuphefumla | 45 | 56 |
| CPAP | 72 | 90 |
| Abancedwa ngesincedisi kuphefumla esingafakwa mzimbeni | 72 | 60 |
| Abaswelekayo | 4 | 3 |

Iyunithi ekuphunyelwa kuyo ngabaxhalisekileyo ababelekileyo
Iingcombolo ezintsha – amanani-nkcazo Meyi – kuDisemba

| IINKQUBO ZOTYANDO | MEYI – DIS 2011 |
|---|---|
| Ababekwa esweni | 434 |
| Iityhubhana ezifakwa emithanjeni | 94 |
| Ichiza elifakwa emithanjeni i-labetalol | 47 |
| i-Epidural | 21 |
| Abaswelekayo | 0 |

## Ityando lweyuroganakholoji notyando-lulungiso lwelungu lomzimba

### Ugqr Ja Van Rensburg

IYunithi yeYuroganakholoji yawubona unempumelelo unyaka 2011. Le Yunithi yamisela indawo yokubonelela umsebenzi kwinkalo yeyuroganakholiji. Umsebenzi wokuqala waluqoshelisa uqeqesho lwakhe ngoMatshi 2011. Izigulane zeSibhedlele iTygerberg zazithunyelwa kwiyunithi yezigulane ezinomhlaza kubhobhosi (colorectal) kwiSibhedlele iGroote Schuur xa kukho imfuneko.

UGqr van Rensburg wayesahlabe ikhefu ukusuka ku-Agasti 2011 ukuya kuJanuwari 2012. Ngeli xesha lokungabikho kwakhe , uGqirha Juul yayinguye oxhuzula imikhala kwiYunithi yeYuroganakholoji. Ingcali yefiziyotheraphi yayisele izinze kakuhle yaye iqhubeka nokuzisa inkonzo yayo eyodwa, oko ikwenza ngokweeseshini. Yayigqibe uqeqesho lwayo ngokusesikweni kwimpilo yamabhinqa.

**Utyando**

Zaye zathengwa iidivayisi nezixhobo zotyando lokulungisa nokusebenza komzimba kwanotyando –lulungiso lokuvuza kwesinyi yaye le yunithi ijonge ukwandisa ubungcali bayo kwilapharoskophi (utyando lokuvula inxetyana elingephi). Ixesha

lokulindela ukuya ethiyetha kuphelisiwe. Injongo elandelayo kukwenza iklinikhi ukunciphisa ixesha lokulinda ukufumana umhla/idinga lokuza kubonwa.

**Inkonzo enikeza nezinye iinkonzo**

IKlinikhi yayicwangciselwe ukuba yenze nezinye iinkonzo ngempumelelo xa isigulane size esibhedlele kweli candelo. Le klinikhi ibandakanya inkonzo yokuxilonga iyuroganakholoji kunye nenkonzo zefiziyotheraphi ezinikezwa kwangemini enye.

**Abasebenzi :**

| | |
|---|---|
| Iingcali zonyango | 2 |
| IRejistrar | 1 (engaqeshwanga sigxina) |
| Umsebenzi: | 1 (owafumana ibhasari kwaNetcare) |
| Ingcali yezintso | 1 |
| INgcali yefizoyitheraphi | 1 |
| Istafunesi | 1 |

**Amanani-nkcazo ezigulane ezabonelwa iYuroganakholoji**

| | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| Izigulane ezitsha ezabonwayo | 220 | 176 |
| Izigulane ezazilandelela unyango ezabonwayo | 727 | 901 |
| Imfunalwazi eyenziwayo kwi-Urody namic | 108 | 107 |

## Ichiza Lenzala

**Uprof Tf Kruger**

Utyando oluncinane lwenziwa kwiithiyetha zeNqanaba II neNqanaba III kwi-S & T kunye kanti iyunithi yethu yenye yeethiyetha ezimbalwa ze-endoskophu ezinika inkonzo kwizibhedlele zemfundo.

Sinezigulane ezingalaliswanga zasethiyetha ezifuna ukwenziwa utyando lwe-endoskophu olube negalelo elikhulu ekuhlanguleni esi sibhedlele.

ICandelo le-Androloji linenkonzo eliyenzela ummandla wonke yaye linceda izigulane ngochumiso-nzala, izigulane ezinomhlaza kunye nezigulane ezinengxaki yesinyi.

Ukubekwa kolwelo olunembewu yendoda kwindawo ebandayo yinkonzo eyenzelwa izigulane ezinomhlaza eziyifunayo le nkonzo. Asibizi zindleko ziphakamileyo kule nkonzo kwizigulane.

**Abasebenzi :**

| | |
|---|---|
| Ingcali eyintloko | 1 |
| Ingcali ephezulu | 1 |
| Ingcali ephezulu | 5/8 izikhundla |
| Abasebenzi | 3 |
| USosayensi wezeNdalo | 2 |
| Iingcali zeteknoloji | 2 |
| Abafundi be-MSc | 2 |
| Abafundi be-PhD | 3 |

**UCHUMISO-MBEWU OLUNCEDISIWEYO**

| I-Androloji | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| Inani lohlalutyo lolwelo olunembewu | 726 | 654 |
| Inani lezigulane ezenziwe ivasekthomi (zidityanisiwe kwitotali) | 276 | 239 |
| Imbewu elulwelo yaye yahlolwa | 726 | 654 |
| Kwajongwa amandla embewu | 438 | 415 |
| IiSampuli ezaye zahlolwa emva kokwahlulwa ngesixhobo sokwahlula | 276 | 239 |
| Kwahlolwa imbewu esazifakwe ichiza lokujika ibala | - | 16 |
| Kwenziwa ulungiselelo lokufakwa kwechiza lokujika ibala kwimbewu yesidoda | 1250 | 1121 |
| Kwafakwa ichiza lokujika ibala kwimbewu yesidoda | 1250 | 1121 |
| Iimvavanyo zokukhangela ukwenzeka kwembewu yesidoda ezenziway | 1383 | 2181 |
| Kwenziwa uvavanyo lwe-antispermatozoa antibody | 370 | 329 |
| Iingxelo ezafakwa kwikhompyutha | 726 | 654 |
| Fructose tests (Azoospermia samples) | 50 | 34 |
| i-In vitro fertilisation (IVF) | - | - |
| Izigulane ekwathathwa isampuli kuzo | 26 | 78 |
| Inani lee-ova ezahlolwayo | - | 216 |
| Iisampuli zembewu yesidoda ezahlolwayo ezafakwa kwi-ova | 26 | 72 |
| Inani lezigulane ekwaye kwafakwa imfambilini kuzo | - | 51 |
| Iisampuli zembewu yesidoda ezenziweyo ze-IUI | 32 | 52 |

Ngo-2011 zehla kancinane iinkqubo zokuhlalutywa kwembewu yesidoda, kodwa kwaye kwakhangelwa indlela yokwenzeka kwembewu yesidoda yaza yahlalutywa kananjalo. Ngenxa yokuvulwa kwenkqubo ye-IVF (intsebenziswano phakathi kwecandelo lorhulumente nelizimeleyo) zaba zithathu izigulane ze-IVF ezabonwayo kunaxa kuthelekiswa nango-2010 yaye iphantse ukuphindaphindeka imijikelo yonxibelelwano lwe-IUI.

## I-ultrasound (isixhobo sokuxilonga iimfambilini esibelekweni)

### Uprof Ltgm Geerts

Umlinganiselo obonakalayo womsebenzi weyunithi ese-US ukwinqanaba III, kumacandelo omabini, elokubelekisa kunye neleganakholoji. Nakuba kunjalo iqela lezigulane ezagqithiselwayo azange linyuke ngokuphawulekayo kulo nyaka uphelileyo, koko kwabonakala ukubakho kwezigulane ezigula zizigulo ezingafaniyo ezaye zathunyelwa. Oko kuboniswa kukwanda okuphawulekayo kwabo bathunyelwa kuqala yeemfambilini ezinengxaki yokungakheki kakuhle ( ngoku bangama-620 ( oku phantse kulingane ne-5% yabantu abakhulelweyo kummandla lowo)) ndawonye nokwanda kwabantu abathe babonwa bebonke bebonelwa ingxaki yokungokheki kakuhle kweemfambilini (bebengama-891 endaweni yama-622 enyakeni). Ezi meko zisoloko zinobunzima kwaye zifuna ukuba banike iingcebiso ezimandla. Sijongene neengxaki ezinkulu zobuchwepheshe bokuxilonga amabhinqa atyebe ngokugqithisileyo apho kutye kufuneke ukuba kuphindaphindwe ukuhlolwa xa kukhangelwa usana olusesesibelekweni. Oku kwakhona kongeza ubunzima kumthwalo osele ukho kananjalo kuwenze umsebenzi ungaphumi ezandleni kwangokunjalo kubakho ubunzima ekusebenzeni imisebenzi eyayamene nomenzakalo. Ukwaleka koku kongeza ingxaki kwiqela elisebenza ngesonografa ngo-2011 kwathi ke ngoko kwafuneka ukuba inkonzo leyo iqhubeke.

Ngaphandle nje kokunyuka kwezigulane ezithunyelwayo ezifuna uncedo kwingxaki yokungakheki kakuhle kweemfambilini, sakwazi ukugqiba iqela leenkqubo zonke zokuxilongela ukufumanisa ingxaki. Oku kwenziwa kwenzeka ngenxa yokutshintsha indlela yokukhangela amadlala emfuza, ukucebisa nokuhlola kulo mmandla wethu, apho sithembele kakhulu kwiinkqubo zohlolo ze-ultrasound kumabhinqa akhethiweyo apho kuye kwenziwe uhlolo lwangaphakathi olungenazindleko zinkulu kangako. Ngo-2011 kwenziwa iqela leenkqubo zokufakwa kwe-intrauterine ezazingama-(20), uninzi lwazo zazenziwe kumabhinqa awabonwa kwicandelo elizimeleyo.

Ingcali ezincedisayo kwiklinikhi ejongene neengxaki zeentsana ezifayo apho kuye kuqwalaselwe ngokupheleleyo amabhinqa akhulelweyo afuna ingqwalasela yeentsana zawo, kuyaqhubeka ukulawula iqela leemeko, ekukho kuzo namabhinqa anengxaki kumawele awakhulelweyo, ingxaki yepasenta enganelanga kwakunye neeseli ezibomvu ekuthiwa yi-so-immunisation. Le klinikhi iwandisile umsebenzi weyunithi ngenxa yokuba la mabhinqa efumana ukunonotshelwa ngokupheleleyo ingekokuhlolwa nge-ultrasound nje kuphela kweli ziko-mpilo, koko kwaye kwahlangatyenzwana nemfuno eyayikho ngokubekwa kwerejistra kunye nokubakho kweebhedi zenqanaba III kunyango lwezigulane eziziimfambilini. Iqela lokwamkelwa kwezi ntsana kwezonyango kuhlala kulinganiselwe ngenxa yokuxilongwa kwezigulane ezingalaliswayo kuphuculwe ngokuthi kuhlolwe amabhinqa kube kaninzi ngeveki ukuphepha ukulaliswa kwazo.

#### Abasebenzi:

| | |
|---|---|
| INgcali eyiNtloko | 1 |
| IGosa eliyiNtloko lezoNyango | 1 |
| Isonografa eyiNtloko | 2 |
| Irejistra | 1 |
| UNesi oNcedisayo | 1 |
| UMchwethezi (odityaniswe ne-O&G) | 1 |
| Umabhalane weklinikhi (odityaniswe neFEC) | 1 |

#### Izigulane ezibonelwa uxilongo nge-ultrasound kunye neeklinikhi ezizodwa

| ICANDELO LOKUBELEKISA | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| **Bebonke ababoniweyo** | **7 893** | **7 729** |
| Amawele aboniweyo | 1 248 | 1 221 |
| Iimfambilini eziboniweyo ezinengxaki | 622 | 891 |
| Aboboniwe benengxaki yeDoppler | 3 809 | 3 765 |
| Inkqubo zotyando ngaphakathi | 370 | 356 |
| Iklinikhi yezonyango yeemfambilini | 250 (ukususela 10/3/10) | 256 |
| Ukulaliswa kweentsana kwezonyango | 14 (ukususela 1/8/10) | 56 |
| Ababoniweyo beNqanaba III | 2 269 (ukususela 1/6/10) | 3 253 |

| IGanakholoji | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| **Bebonke abathe babonwa** | **1 424** | **1 599** |
| Ababonwe kwinqanaba III | 515 (ukususela 1/6/10) | 1 054 |

## Uluvo ngesiphumo

### Icandelo lezokuBelekisa ngokubanzi

Inani lezigulane ezabelekiswayo kunye nezo zazinengxaki emandla ekubelekeni zigula nokugula imeko yazo yaye yazinziswa ngo-2011. Injongo ngo-2011 yaqhubeka intle kulawulo lwezonyango kwiiklinikhi zabakhulelweyo, iwadi yokubelekela kunye neewadi zokunonophela emva kokubeleka. Umsebenzi onzima nomkhulu ndawonye nesicwangciso esisiso saba neziphumo ezikukunciphisa ukufa ngexesha lokubeleka nasemva kwalo ndawonye nokufa koomama abakhulelweyo bebeleka. Inani lokufa ngexesha lokubeleka nasemva kwalo (ubukhulu bosana ngexesha lokuzalwa > 1000g) lehla ukusuka kuma-50.2 laya kuma-41.4/1000 kwabo babezalwa. Lenyuka kancinane inani labafa bebeleka lisuka ku-15 laya ku-17. Lenyuka inani lababeleka ngotyando lisuka kuma-36% laya kuma-44% oko kwabonakala kwiinkonzo zonyango olukwinqanaba 2 nele-3 kukwabonakala nokunyuka kwenani labagulayo ngeli xesha okwayanyaniswa noku.

### Icandelo leGanakholoji ngokubanzi

Inkonzo efanele oko ukuhlawulelayo, elungele nengqinelana nezigulane yaqhubeka nango-2011. Ukunyuka okuthe gqolo kwenani lezigulane ezibonelwa ingxaki yesigulo esibizwa ngokuba yi-intraepithelial neoplasia esibelweni, kwiklinikhi yekhalphokophi ibonisa ukubaluleka kwefuthe lesigulo esingubhubhane kwimpilo yamabhinqa. Kukho amalungiselelo awodwa ayimfuneko ukuze kuziswe inkonzo ngokuhambisa iinkonzo ngenjongo yokuzinabisela nakwizibhedlele zeSithili seMetro East. UCwangciso, uqeqesho nokuphuculwa isakhiwo khon'ukuze kwandiswe inani leenkqubo ze-gynaecological laparoscopic ngo-2012 zaye zenziwa.

### UPhando

Isebe eli libandakanyeka ekuphandeni ngenjongo zokuqwalasela imibuzo yoku ephathelelene neemfuno zempilo eMzantsi Afrika. Amalungu eli sebe abandakanyeka ngobuninzi kwintsebenziswano yophando lwezizwe zehlabathi. Ii-arhente zenkxaso-mali yezizwe zehlabathi zibe negalelo kweli sebe ekubeni kwenziwe olu phando, oko zikwenza ngesisa. Iqela lezinto ezipapashiweyo xa bekuphonononongwa iijenali zazili-19 ngo-2011.

### Uqeqesho lwabasele bethwesiwe nabangekathweswa zidanga

Luyenziwa uqesho olukumgangatho ophezulu wabathweswe nabaseza kuthweswa izidanga. Zimbini iirejistra ezaqeqeshwa zagqiba. UGqr C Cluver wafumana imedali yeDubenton njengoyena mgqatswa weSigaba II ngo-2011. UGqr A Diarra walugqiba ngempumelelo uqeqesho lobudlelane kwi-Gynaecology Oncology

## Iinkqubo zokunabisa iinkonzo:

### I-gynaecological oncology

- Iyunithi ye-Gynaecological oncology ihambela iZibhedlele iWorcester- nesasePaarl qho emva kweeveki ezimbini ngokwemijikelo. INjongo yolu hambelo:
    1. Uqeqesho lweengcali, iirejistra kunye namagosa ezonyango asebenza kwezi zibhedlele.
    2. Ukuvavanywa kwezigulane ukuze kuqinisekiswe ulawulo kwizibhedlele zeli kwanokuthunyelwa kwazo ngendlela elindelekileyo ndawonye nolandelelo lwezigulane
- Le yunithi ibandakanyeka kwinkqubo yokuhlola yephondo ye-cervix carecinoma kwakunye nakuqeqesho lwe-cervical cytology kwimimandla yamaphandle.
- Ukufunda ngezonyango kusaqhubeka njengeyona nto iphambili kule yunithi ndawonye neenkqubo zokunabisa inkonzo kuyo yonke indawo karhulumente kwiPhondo ngokubhekiselele kwiinkqubo ze-CME yeyona nto ibalulekileyo ekwakujoliswe kuyo. Iikhosi eziliqela zesiqingatha semini ezimalunga nokuhlolwa komhlaza wesibeleko yaye yondlalwa kwiPhondo leNtshona Koloni kuqukwa iGeorge, Oudtshoorn, iVostile, iPaarl, iVredenberg kunye nommandla weMetro. Le khosi ibonakala iyinto efunwa ngamandla.
- Omnye umsebenzi we-CME owaqalwa yile Yunithi kwintlanganiso yeNorthern Suburbs Gynaecologic Oncology eyinkqubo yokunabisa iinkonzo kwingcali ezingoogqirha bezibeleko kwicandelo labucala kujoliswe ekuqwalaselweni kwesifo esisa ngamalungu esini oomama.
- Indima yeyunithi kwezemfundo kwi-Afrika yonke yaye yomelezwa ngokuhambela kwiYunivesithi

yeSizwe yaseRwanda ukuya kutsho eZambia, uGqr A Diarra waseMali walugqiba uqeqesho kubungcali bokuncedisa kwaye uza kuya emsebenzini eKimberly 2012.

- Intsebenziswano kunye neYunithi ye-Gynaecologic Oncology yeYunivesithi yaseKapa lomelele kwaye lukho unxibelelwano oluqinileyo malunga nokwenziwa kweprothokholi yokusebenza nakwiintlanganiso ezimalunga nemfundo.
- Ukuya ekupheleni kuka-2010 kwenziwa isigqibo sokuba kwamkelwe izigulane ezithunyelwe yindawo ethumelayo yaseGeorge kwiSibhedlele iTygerberg ngenxa yamaxesha amade okulinda kwiSibhedlele iGroote Schuur.

**Icandelo Lokubelekisa Loluntu**

- Zininzi izihlandlo zotyelelo kwiiyunithi zokubelekisa kwisakhiwana saseTygerberg, ezinjongo yazo ikukuphuhlisa izakhono nokunika ingxelo ngomsebenzi wezonyango esuka kwiintlanganiso zophicotho. Uqeqesho kwakunye nekwezokubelekisa nokusa iinkonzo eluntwini kwandisiwe kwabandakanya yonke iMetro East, oku kuquka i(MOU) yaseMichael Mapongwana eKhayelitsha ne-MOU yaseKraaifontein ndawonye neKDH kunye neSibhedlele iHelderberg (HH). Eyona nto kujoliswe kuyo kukuphucula ezonyango nokuncitshiswa kokufa koomama ababelekayo nangexesha lokubeleka (I-Millennium Development Goal 4 & 5). Intlanganiso emalunga neZifo nokuFa kwimetro esempuma yayihlala nayo emva kweenyanga ezi-3, ukuze kuboniswane ze kunikwe ingxelo ngecebo eliya kusetyenziswa mayela nengxaki yezigulo nokufa kumda eyenzelwa kuyo inkonzo.

**I-Esmoe**

- Izakhono eziphambili zokwenziwa kwenkonzo kaXakeka yabaBelekayo: kwaqeqeshwa abafundi abaseluqeqeshweni abangama-45 ngo-2011. Abasebenzi abasuka e-KDH, KBH nase-HH balufumana uqeqesho nabo.
- Ibhodi yeSizwe kunye nesekela lomhleli we-ESMOE.

**Iyunithi Yocwangciso-Ntsapho Nononophelo Lwenzala Ngokwempilo**

- Iyunithi yocwangciso-ntsapho ithe ngoncedo lwezimali ezivela kwimibutho yezizwe zehlabathi yakhuthaza ukwenziwa kweekhosi zofundo ngobomi kulutsha, abahlohli, iiNPOs kunye neSebe leMfundo ngokwamaqela eprojekthi yezempilo kumlisela nomthinjana.
- Inkqubo yezakhono zobomi – Izinto ekungakhethwa kuzo namhlanje, kuqukwa nee-CD ezincedisayo – kuqukwa neFurther Educational Tract Phase (IBakala 10-12 okanye FET), efumanekayo kugrade 10 nele-12.
- Ukubandakanyeka kwaBazali kwezophuhliso nasekufundeni ngezentlalo ngokweemanyuwali zevidiyo.
- Kufikelelwe kubafundi abali-1 miliyoni.
- Iyaqhuba iyunithi nokusebenza nge-help line yezocwangciso-ntsapho xa kukho bani ufuna ukubuza nofuna inkxaso – oku kuxhaswa yi-World Population Foundation kwaye kwanatyiswa ukuze kufikelele kuMzantsi Afrika ngo-2007.

**I-Ultrasound**

- UProf Geerts Wenza inkqubo yokuphicotha esesikweni xa unyaka wawusele usiya ekupheleni ukujonga imiqobo yokuphunyezwa kwesikhokelo sephondo esisemthethweni esimalunga neenkonzo ze-obstetric ultrasound kumaziko-mpilo ahlukeneyo eMetro East. Olu phicotho libe neziphumo ezimandla ezivela kubaxilongi. Abaniki ngcebiso kunye neesonograf kulo mmandla kwaye oku kuya kukhokelela kwingxelo eyenziwa ngendlela “yakhe” ize isiwe kumaziko-mpilo ahlukeneyo ebutsheni ko-2012
- Iikhosi ezintathu ezibandakanya ithiyori neprektikhali zenziwa ngabasebenzi bale yunithi zisenzelwa kwisibhedlele iTygerberg, kwaye zaye zazinyaswa ngabasebenzi abazimeleyo kwanabo baseburhulumenteni. Ezi khosi zenziwa ngohlobo lokuba kwakufuneka oogqirha abasaqalayo bafunde ngokwenza. Aba gqirha babeqeshwe kwiSibhedlele esitsha saseKhayelitsha kwaye oku akuyi kunceda nje abantu abakhulelweyo,.koko kuya kubaluncedo nakwiintsana ezingekazalwa ngezonyango, kwaye oko yinto esiyilindeleyo kwixesha elizayo. Ziye zaphuculwa iikhosi ukuze zibe ziikhosi eziqinisekiswayo zabo bafuna ukwenza ubuchule kwiindawo abakuzo, ze kamva baphumelele uhlolo kwizakhono zabo. Ezi khosi akukho zifana nazo apha eMzantsi Afrika, ekuqinisekiseni ukuba abameli bayagqesa kwizakhono zabo ukuze oko kube luncedo kumabhinqa akhulelweyo. Kwenziwa iikhosi ezintathu ze-ultrasound, ezazibandakanya ukufunda ngokuxelelewa nokufunda ngokwenza kwiSibhedlele iTygerberg kwaza kwathunyelwa abasebenzi babucala kunye nabasebenzi baseburhulumenteni. Le khosi ibifuna bafunde ngokwenza oogiqrha abaliqela abasaqalayo

abaqeshelwe iSibhedlele esitsha saseKhayelitsha kwaye oku kubonisa ithemba lokuba abayi kuxhamla nje abalawuli abajongene nabakhulelweyo, koko baya kuxhamla nabo bajongene nezigulane ezifuna ukunyangelwa ingxaki yeentsana ezithunyelwe esilindele ukuba ibekho inkonzo enjalo kwixesha elizayo.

- Inkqubo yoqeqesho yeerjistra eziphakathi kukuqinisekisa ngezakhono kwi-obstetric ultrasound isebenze ngokufaneleke kakhulu ukuqinisekisa ukuba ziyakwazi ukukhawulelana nokunonotshelwa kwezigulane kwakwizigaba zokuqala zekhondo lazo lomsebenzi.
- Abasebenzi beyunithi ye-ultrasound banoxanduva lokuqeqesha abafundi base-CPUT ngempumelelo ukuze babe zii-sonographers BTech.
- Abasebenzi ababini basebenza njengabaqeqeshi kucweyo lokusetyenziswa kwe-ultrasound kwiNkongolo yeSizwe yakutsha nje ye-SASUOG.
- UProf Geerts usakwabandakanyeka ngokuzimisela njengelungu le-Diagnostic Ultrasound Unit, apho iforam yeengcali zonyango, ezabantwana kunye nezamadlala emfuza ezijongene neemfamabilini ezivela kwiYunivesithi zeNtshona Koloni zidibana kube ka-6 ngonyaka ukubonisana ngemigaqo-nkqubo nangemiba yezigulo ezifuna ukuqwalaselwa ezinobuzaza
- UProf Geerts esebenzisana kunye neCandelo le-Human Genetics lokwenziwa kwevidiyo yokufundisa yezigulane, malunga nokuhlolwa nokuxilongela ukufumanisa ngesigulo.

**Iyunithi yonyango lezokubelekisa ngexesha likaxakeka**

- U-E Langenegger wenza uCweyo olumalunga nonyango ngexesha likaXakeka kwezokuBelekisa esenzela oogqirha ngokubanzi kananjalo wazibandakanya nalo nocweyo oluxhobisa ngezakhono zokuhlangula ubomi zelizwe olwalujoliswe kwinqanaba lonyango olusisiseko.

### Icandelo lefilim netelevishini - W Myburgh

Iyunithi yefilim netelevishini liyaqhubeka ukwenza ingeniso engenechaphaza, esetyenziswe ekuthengeni izixhobo zalo zokwenza ifilim, yenze loo nto uMnu Myburg enze umboniso we-DVD okumgangatho ophezulu.

- Ukuqeqeshwa kwizinto zePowerpoint ekukho kuzo ne- 4 DVD's
- Ushicilelo lwezifundo ezikwi-DVD ezenziwe ngeenjongo zoqeqesho kwisebe
- Ushicilelo lwevidyo zeengcali zezidlo e- Intemba Labs
- Ushicilelo lweCandelo le-Anaesthesiology
- Ushicilelo lweCandelo leRediyoloji
- Ushicilelo lukaGqr Baatjies
- Iividiyo zoqeqesho ze-Honours kwabo bafunda bekude
- Iikopi ze-dvd zeeklinikhi ezizimeleyo

### INtsebenziswano yeSizwe ephakathi kwabo babambiseneyo

**Unyango lwabaxhalisekileyo kwezokubelekisa ne-esmoe- E Langenegger**

- Ukusungulwa kwenyathelo kwecandelo elitsha lokukhuphela elinesibonellelo esingephi kunye nentsebenziswano evela kwabakwaPhilips.
- Umqeqeshi ophezulu we-ESMOE, uvelise iimodyuli ezimbini zale nkqubo.
- Unopopi osetyenziwa ngexesha loqeqesho wathengwa liSebe lezeMpilo.
- Umhleli we-ESMOE
- Umququzeleli kunye nomhleli wemodyuli wecandelo lokungxamisekileyo lokuBelekisa ngokufakwa inaliti esisidomi-zintlungu (ESMOE, inaliti esisidomi-zintlungu)
- Umqeqeshi ophezulu we-SA kwikhosi i-BASIC (Basis assessment and support in intensive care)
- Umhloli we-NCCEMD
- ICritical Care Society WC : Kwakumenywe iSithethi sonyaka.
- Iiprojekthi ezihlanganisiweyo zeqela elinabisa iinkqubo zePhilips.

**Ucwangciso-ntsapho – P Steyn**

- ISebe lezeMpilo – Uqeqesho kucwangciso-ntsapho eMpuma Koloni, emNtla Koloni naseMpumalanga.
- ISebe leMfundo – ikholeji yeFET leNtshona Koloni, iMpuma Koloni, Kwazulu Natal, iFreyistata, iPhondo lomNtla Koloni, iPhondo lomNtla noNtshona Koloni.
- ISebe lezeMpilo – Ihelpline yeSizwe yepilisi yokungxamisekileyo.
- iKhosothiyam yeNational Stop Aids Now! Yenziwe yimibutho elishumi yasekuhlaleni esebenza ngabantwana bonke abaneNtsholongwane kaGawulayo nese sifo ngokwaso. IThiyetha for Life,

iCatholic Institute of Education (CIE), iChildren's Institute (CI). I-Dance4Life. iGod's Golden Acre (GGA) iSave the Children UK (SC.UK), ne-SA Scout Association, Stellenbosch University, i-Targeted AIDS Interventions (TAI) kunye ne-Twilight Children

**Uphando ngesahluko esingokhuseleko – i-pass study - Hj Odendaal**

I-PASS Network yamiselwa ngo-2003 ngokwenziwa kubekho intsebenziswano ehlanganisiweyo exhaswa ngamaziko amabini eNIH Institutes – Eunice Kennedy Shriver National Institute for Child Health and Development (NICHD) kunye ne-National Institute for Alcohol Abuse and Alcoholism (NIAAA). Kutsha nje , iNational Institute for Deafness and Communicative Disorders (NIDCD) ziye zadibaniselana zakule nzame eyeyokuqala. iPASS Network inezi zinto zintlanu:

- Iindawo ezimbini ekwenziwe kuzo uphando ngezonyango ezibonakala zingowona mngcipheko wengxaki yeentsana ezizalwa sele zingasekho, iSIDS ne-FASD
    - Cape Coloured population in the Western Cape, South Africa (University of Stellenbosch – 7,000 maternal/foetal pairs)
    - American Indians in the Northern Plains (North Dakota and South Dakota – 5,000 maternal/ foetal pairs)
- Iziko elibizwa ngokuba yi-Developmental Biology and Pathology Center (iSibhedlele saBantwana, Boston)
- IZiko lokuPhononongа leFiziyoloji (Columbia University, New York)
- IZiko lokuHlanganisa nokuHlalutya iDatha (DM-stat, Boston)
- Inkqubo yooSosayensi be-NICHD, NIAAA kunye ne-NIDCD

I-Safe Passage Study ibandakanya ukufunwa nokuqwalaselwa banzi kweqela elimalungu ali-12,000 elizama ukukhawulelana nengxaki yokudibana, okanye yokungohluleki kakuhle kweemfambili ngexesha lokukhulelwa, oku kuza kwenziwa kusetyenziswa i-longitudinal and multidisciplinary study- imfunalwazi eya kuyilwa ngohlobo lokuba kuphindwe iinkqubo zophando ezilungiselelwe ixesha elide kananjalo kusetyenziswa iinkalo zonke ezingeza nesiphumo. Oku kuyilwe ngendlela yokuba kuphenduleke imibuzo ephathelelene nobudlelwane phakathi kotywala ngabantu abakhulelweyo kwakunye nezinye izinto abaye bazenze, kwakhona kujongwe nonobangela wokuzalwa kweentsana ezingaphiliyo, kwanokufa ngesiquphe kosana, into ebizwa ngokuba yi-sudden infant death syndrome (SIDS) ndawonye neengxaki ngokubanzi ezibangelwa butywala – into eyaziwa ngokuba yi-fetal acohol spectrum disorder (FASD) ezintsaneni. I-Safe Passage Study yeyona nkqubo yemfunalwazi/ yophando inkulu kuluntu olungafumani ncedo ngokubhekiselele kungenelelo ngezophando phakathi kokungqongileyo, imfuza, ingxaki koomama kunye nezinto ezichaphazela iplasenta, ze loo nto ichaphazele usana olungekazalwa nokukhula kosana, ngokomzimba nengqondo kwanokubona ukuba ezi zinkqubo zingeza naziphumo ezibi na njengokuzalwa kosana selungasaphili okanye lufe lusanda kuzalwa. Kwenziwe isibonelelo esikhulu kwaza kwafakwa imali eninzi kweli phulo leli qela ukulinika amathuba awodwa entsebenziswano ndawonye nokuwenza kube lula ukwenza ulandelelo neenkqubo zongenelelo ngophando

UProf Odendaal nguye intloko yophando yeli. Isibonelelo-mali sifumanekile ukuqhuba eminye iminyaka emi-5, ukususela ngo-2011-2016. Kusaqhuba kakuhle ukufunwa kwabantu; apho kuthe ngo-2012 kwafumaneka abathanti-nxaxheba abangama-4,400.

**Iyunithi ye-ultrasound – L Geerts**

- Umgaqo-nkqubo omtsha wephondo omalunga neqela leekhromozomu ezinxaxhileyo esiqhelweni (aneuploidy), owenziwe nguProf Geerts wamkelwa ekuqaleni kwalo nyaka kananjalo wasetyenziswa kwiSibhedlele iTygerberg ukusuka ngomhla woku-1 kuJanwuari ukuya phambili. Injongo yawo lo mgaqo-nkqubo kukuphucula iinkqubo zokufikelela kuphando kubantu abakhulelweyo ndawonye nokuphucula ukusebenza kakuhle nangendlela efanelekileyo kwenkqubo yokuzilonga. Eyona nto iyintsusa nesiseko soku kwakuqwalaselwe kolu papasho ("Effectiveness of prenatal screening for Down syndrome on the basis of maternal age in South Africa" (S Afr Med J 2011;101: 45-48.). Lo mgaqo-nkqubo wawubhalwe kunye noProf Geerts. Umgaqo-nkqubo omtsha wenza ukuba sikwazi ukusebenza iinkqubo eziliqela zotyando olwenziwa nzulu ezikhumbeni kwakunye nokwenziwa kweemvavanyo ezinexabiso eliphezulu kumadlala emfuza ngaphandle nje kokunyuka kwenani leemfambilini ezinengxaki.
- Umgaqo-nkqubo omtsha wephondo kwiinkonzo ze-ultrasound zecandelo lokuBelekisa nezeGanakholoji, uhlelwe nguProf Geerts, waza wahlaziywa kanti sekumbovu ukuba ugqitywe ukuphuculwa zeke emva koko wamkelwe.
- Isaqhubeka intsebenziswano phakathi kwamalungu eCandelo lezeNgqondo

kwiYunivesithi yaseKapa kunye neyaseStellebosch, kwimfunalwazi yokukhangela izinto ezichaphazela umama okhulelweyo kakubi kwakunye nokusetyenziswa kwe-amphetamine ekukhuleni kwemfambilini.

- Prof Geerts usebenzile kwikomiti yezesayensi yeNkongolo yamva ye-SASUOG eyayiqhutywa yiYunivesthi yaseKapa, kwaye wayesisithethi esimenyiweyo. Waqhuba elilungu lekomiti ye-SASUOG kwane-SA Society ye-Maternal and Fetal Medicine.

Abasebenzi bale yunithi bayabandakanyeka kuqeqesho nakuhlolo olusesikweni lwabafundi base-CPUT be-(BTech (Ultrasound)).

Akukho zixhobo ezitsha ezathengwayo ngo-2011, kodwa kwenziwa ithenda yeyunithi esebenza nge-3D -4D ultrasound, kwaye yasebenza ngempumelelo ngexesha unyaka wawuphela, ngoku sekulindelwe ukuba ifike ngoMatshi 2012.

**I-Gynaecological Oncology –**
**Mh Botha No-Fh van Der Merwe**

- Le yunithi isaqhuba nokuzibandakanya ngokupheleyo neSouth African Society for Gynaecologic Oncology.
- UProf Botha kunye noGqr van der Merwe bazibandakanye nokuvavanywa kweeKholeji zoNyango zoMzantsi Afrika.

**Iyunithi Ye-Urogynaecological –**
**K van Rensburg**

- I-Pelvic Floor Society of Cape Town iyaqhubeka neenkqubo zokubonisana qho ngenyanga ngentsebenziswano phakathi kwe-UCT ne-US. UGqr van Rensburg nguye owabalula izixhobo ezithile malunga ne-CPD ezi ntlanganiso kanti ezi zinto ziya kuqalisa ukusebenza ngo-2011.
- Ayikho inkqubo yobudlelwane bezoqeqesho okwangoku kuyo nayiphi na uyunivesithi yoMzantsi Afrika kwaye sibulela uProf TF Kruger kunye noProf W van der Merwe ngegalelo labo ekuncedeni ukuba kwenzeke oku. Sifuna nokubulela iyunithi ejongene nomhlaza kubhobhosi yeSibhedlele iGroote Schuur ephantsi kwesandla sikaProf Goldberg.
- UGqr van Rensburg ukwisikhundla sobunobhala wekomiti yeSAUGA kwaye ulwalilungu le-ICS.
- UGqr Juul ulilungu le-IUGA nele-SAUGA.

**Ibhayoloji Emalunga Nenzala**

- UGqr Marie-Lena Windt - De Beer wasebenza njengonobhala weSouth African Society for Reproductive Sciences and Surgery.
- UProf R Menkveld: esebenza kunye noProf Ralf Henkel, weCandelo le-Biomedical Sciences, le-Yunivesithi yeNtshona Koloni.
- UProf Menkveld wathatha umhlala-phantsi ngo-Agasti 2011 kwaye kuye kuqeshwa nengcali entsha engusosayensi.
- UProf Siebert ungusihlalo wecandelo le-endoskophi leSouthern African Society of Reproductive Medicine and Gynaecological Endoscopy (SASREG).
- UProf Kruger usebenza njengelungu kwanomlawuli wenkqubo yesayensi serves as a member ye- SASREG

**Iinkqubo zobambiswano, nokunatyiswa kweenkonzo, ukusebenzisana phakathi kwezizwe zehlabathi**

**UProf T Kruger esebenza kunye no-:**

- UGqr S Oehninger Jones we-Institute, Norfolk Virginia.
- UProf DR Franken: ucweyo lwe-WHO olwalumalunga nokucubungulwa/ukuhlalutywa kolwelo olunembewu yesidoda kumazwe ase-Afrika – December 2010.
- UProf R Menkveld: ebambisene noGqr J Rhemrev, wase-Bronovo Hospital, The Hague, The Netherlands. uGqr L Björndahl, Karolinska we-Institute, Stockholm, Sweden. uProf C Barratt, we-Reproductive and Developmental Biology Group, Division of Medical Sciences, University of Dundee, Scotland, UK. UGqr D Mortimer, Oozoa Biomedical Inc., Vancouver, Canada
- UGqr M-L Windt ebambisene ne : Institute of Biomedical Sciences Abel Salazer (ICBAS), University of Porto (UP), Porto Portugal, St Antonio General Hospital (HGSA), Porto Portugal.

**UGqr S Gebhardt esebenza no- :**

- UProf Ogechi Ikediobi, we-University of California, San Francisco on the influence of antiretroviral pharmacogenetic traits and drug levels in hair on treatment outcomes in HIV-positive South African individuals
- UProf L Warnich, we-department of Genetics, University of Stellenbosch, on several projects related to the genetics and pharmacogenetics of HIV and pre-eclampsia.

**UProf H Odendaal esebenza ne-:**

- Universities of Harvard, Columbia, Boston and North and South Dakota on the Safe Passage Study.**Prof. D. Hall works with:**

- iUnited Kingdom. we-Cochrane Collaboration: Working on systematic reviews. Ubume: inye eyagqitywa ngo-2011, enye kusaqhutywa nayo.
- iAustralia. wePreterm prelabour rupture of membranes close to term trial (ugqabhuko lwamanzi ngaphambi kwexesha). uMphandi oyiNtloko woMzantsi Afrika.

Ubume: Kusaqhutywa nokufunwa kwabantu.

- iCanada. IZiko loPhando ngeMpilo yamaBhinqa, uMlawuli: uME Hannah, we-University of Toronto. Isivumelwano sentsebenziswano kunye/okanye ukwabelwana ngolwazi.

Ubume: Kusaqhutywa, kuthe chu.

- iCanada. wePIERS Study. Iqumrhu elixhaswe ngezimali yi-WHO ukuze lenze uvavanyo, imfunalwazi ngengxaki yokunyuka kwegazi kwabakhulelweyo (pre-eclampsia) kumazwe asahlumayo.

Ubume: Kusaqhutywa nokufunwa kwabantu.

- iCanada. wePIERS on the Move Study. Imfunalwazi ebonelelwe ngezimali zizizwe zehlabathi malunga nengxaki yokunyuka kwegazi kwabakhulelweyo (pre-eclampsia) kusetyenziswa amanqaku ohlolo ngexesha lophando kwakunye nobuchwepheshe beselula-fowuni.

Ubume: ikwisigaba seProtokholi.

- iCanada noMzantsi Afrika. Imfunalwazi nge-Calcium kunye nengxaki yokunyuka kwegazi kwabakhulelweyo (pre-eclampsia). Uphando olukhokelwe yiWHO kukhangelwa izinto ezichaphazela ikhalsiyam ngaphambi kokukhulelwa ize oku kuphinde kudibane nengxaki yokunyuka kwegazi kwabakhulelweyo (pre-eclampsia).

Ubume: ikwisigaba seProtokholi.

- iFrance. Ilungu leNdibano yoCweyo yeHlabathi ngeReproductive Immunology/Immunological Tolerance and Immunology of Preeeclampsia. Ubume: Intlanganiso elandelayo 2012.

**UProf Geerts esebenza ne-:**

- Fetal Medicine Foundation yase-(UK), malunga nenkqubo yesigaba, unyanga-ntathu wokuqala wonyaka kusenziwa uhlolo (enceda kwezoqeqesho nasekuhloleni).
- (UK) D Khumar, we-Oxford University Press (ebambisene neGqr M Urban, owayesuka kwiYunivesithi yaseKapa ngoko, owenze, isahluko esithi, "Prenatal diagnostic services and prevention of birth defects in South Africa" kwincwadi yezizwe zehlabathi ephathelelene ne- "Genomic variation and genetic disorders in developing countries"). Lo msebenzi uqwalasela imeko yangoku kwakunye nentsilelo ethe yakho eMzantsi Afrika kuxilongo olwenziwa kwabakhulelweyo kwakunye nezinto ezinokufumaniseka kubo, kwicandelo laseburhulumenteni kunye nelabucala. Le ncwadi sele ilungele ukupapashwa.
- IYunivesithi iHavard e-(USA), iYunivesithi yasemNtla nasemZantsi Dakota, iYUnivesithi yaseColumbia ne-Boston University ezibandakanyeka kwi-Safe Passage study. Umxholo weyona nto iphambili eyenziwa yile mfunalwazi ligalelo lotywala obuselwa ngumntu okhulelweyo kwiintsana ezivela sezibhubhile nokufa kweentsana ngesiquphe. I-altrasandi ijolise kwigalelo lotywala ekuyilekeni, ekukhuleni kosana nasekusebenzeni kweplasenta. Ngokwale njongo kuye kwasungulwa inkqubo yokuhlola ubungakanani bento ekujoliswe kuyo, engasetyenziswa kwezonyango kananjalo.
- E-(Netherlands) iDatha evela kuphando oludlulileyo lwenziwa nge-ultrasound unit esele ifakelwa kwinto ebizwa ngokuba yi-"individual-patient-data meta-analysis" yehlabathi malunga nokuqikelelwa kwesiphumo soomama kunye nexesha langaphambi nasemva kokubeleka kwiimeko apho okhulelweyo ethe wahlaselwa yingxaki yokunyuka kwegazi okubizwa ngokuba yi-POPULAR. Iziphumo zoko azikachazwa.
- UGqr Ehigha Enabudoso, ugqirha wokubelekisa waseNigeria, owafakwa kwicandelo le-Fetal Medicine njengomqeqeshwa kunyango lweentsana ezingekazalwa isithuba seenyanga ezili-9. Wayexhotyiswe ngezakhono eziyimfuneko nezifanelekileyo ukuze asungule icandelo lonyango lweentsana ezingekazalwa kwiYunivesithi yakhe (eBenin). Prof Geerts usahleli ebandakanyeka kwikhondo lakhe elilandelayo lomsebenzi yaye oku kuya kumnceda xa eceba ukwenza uphando oluhambelana noko.

**UGqr MH Botha enoGqr FH van der Merwe esebenza ne-:**

- Yunithi ebambisene ngemfunalwazi emalunga nokuhlolwa komhlaza wesibeleko eMzantsi Afrika. Igosa eliyintloko lezophando nguProf Greta Dreyer we-Yunivesithi yasePretoria.
- Leyunithi libandakanyeka kuphononongo lwemfunalwazi nge-HPV kwizigulane

ezinentsholongwane kaGawulayo. Ukugaywa kwabantu ukuba bazekwenza le mfunalwazi sele kumbovu ukuba lugqitywe. Le mfunalwazi iya kwenziwa kubanjisenwe noGqr M Zeier (Igosa eliyintloko lezoPhando) elivela kwiyunithi yeZifo eziSulelayo kwiSibhedlele iTygerberg. Lo msebenzi ukhokelele ekubeni kupapashwe iijenali ezimbini zezizwe zehlabathi.

- Imfunalwazi eyenzelwe ukulungela ugonyo kunye noProf Guiliani onguGunyaziwe wezizwe zeHlabathi kugonyo lwe-HPV yena esuka eUSA, uya kuqalisa ukugaya ekupheleni no-2012.

**UProf W Steyn esebenza ne-:**

- iPASS Study – abathathi-nxaxheba kwiProjekthi bephantsi kweliso likaProf HJ Odendaal
- iPIERS Project – besenza uphando kunye ne-University of British Columbia, Vancouver
- iNew initiative – ye-University of Utrecht; University of British Columbia (khangela ngasentla).
- Academic collaboration and partnership – ye-University of Utrecht; University of British Columbia (khangela ngasentla).
- U-Edgardo Abalos (Argentina), Lelia Duley (UK) kunye noDavid Henderson-Smart (Australia) kwi-Cochrane reviews on Moderate Hypertension in Pregnancy (Published 2007).

**UGqr M-L Windt usebenza ne-:**

- Institute of Biomedical Sciences Abel Salazer (ICBAS), University of Porto (UP), Porto, Portugal, St Antonio General Hospital (HGSA), Porto Portugal.

**UProf DR Franken esebenza ne-:**

- WHO – ngolwandlalo-ntetho oluqhubekayo eyayikwabambe neendibano zocweyo zonyaka ukususela ngo-1997.

**UProf Menkveld esebenza no- :**

- UGqr J Rhemrev, we-Bronovo Hospital, e-The Hague, The Netherlands. uGqr L Bjorndahl, Karolinska Institute, Stockholm, Sweden. uProf C Barratt, we-Reproductive and Developmental Biology Group, Division of Medical Sciences, University of Dundee, Scotland, UK. Dr D Mortimer, Oozoa Biomedical Inc., Vancouver, Canada.
- UGqr M-L Windt esebenza ne-: Institute of Biomedical Sciences Abel Salazer (ICBAS), University of Porto (UP), Proto, Portugal, St Antonio Genereal Hospital (HGSA), Porto Portugal.

**UProf G Theron esebenza ne-:**

- Iqela elaziwa ngokuba yi-International Maternal Pediatric Adolescent AIDS Clinical Trials Group (IMPAACT) elinjengo:

  Mphandi oyiNtloko wemfunalwazi ebizwa ngokuba yi-Promoting Maternal and Infant Survival Everywhere (PROMISE/1077).
- USekela sihlalo weProthokholi eyenza umsebenzi ongahlelwanga wokulawula uxilongo ngechiza elibizwa ngokuba yidouble blind placebo-control ukukhangela ukuba ikhuseleke ngokukhawuleza kangakanani na (i-antepartum –initated) xa ithelekiswa ne-(postpartum-initiated) isoniazid, unyango olukhuselayo kumabhinqa asuleleke yiNtsholongwane kaGawulayo kwiimeko ze-TB. Likwabonelelwa yi-National Institute of Allergy and Infectious Diseases (NIAID), i-Eunice Kennedy Shriver National Institute of Child Health and Human Development (NICHD) kwanangenkqubo yoBambiswano yeSayensi kunye ne-Tuberculosis Trials Consortium (TBTC) yamaZiko oLawulo noThintelo Zifo. Olu phando luvunywe yiKomiti yoPhando ngezaBasebenzi yaseStellenbosch University. Ukuvunywa kwayo yiMedicine Control Council akukagqibeleli ngenxa yokuqalisa imfunalwazi.
- I-Welcome Trust ese-United Kingdom ngumphandi oncedisayo kule mfunalwazi kusenziwa uphando ekuSulelweni koSana nguNina kwizinto ezahlukeneyo ezibizwa ngokuba yi-Immune-escape HBV variants.
- The International Maternal Pediatric Adolescent AIDS Clinical Trials Group (IMPAACT): njengequmrhu eliyintloko yophando elijongene nokuFakwa/setyenziswa kwezinto zogonyo ezaziwa ngokuba ziiPolysaccharide of Conjugated Pneumococcal Vaccines kumabhinqa aneNtsholongwane kaGawulayo: Ukhuseleko naMandla okuSebenza kwayo, kunye nento ebizwa ngokuba yiTransplacental Transfer of Vaccine-Serotype Pneumococcal Anti-capsular Antibodies – into ke leyo elilinge elenziwa kwiziko elingunkalozonke lezizwe zehlabathi. IProthokholi sele ikwizigaba zayo zokugqibela zophuhliso.

**UGqr E Langenegger usebenzisana ne:**

- ne-Ofisi yeHlabathi ye-RCOG international office : ESMOE modules
- neYunivesithi yaseQueensland, iYunivesithi yase Hong Kong: Ukukhangela uHlolo olusiSiseko neNkxaso kuNyango lwabaXhalisayo kwiindibano zocweyo ezise- WC.

## Izivumelwano ezitsha zentsebenziswano kunye necandelo labucala

- Dr Diarra walugqiba uqeqesho lwesikhundla ngokwezobudlelane exhaswa liqela leMedi-clinic.
- Umntu iomtsha owafikayo kwi-gynaecological oncology, uGqr Dliamini, watyinjelwa kwisikhundla sesodlelano ngabe-Discovery.
- Iqela iNetcare Group yamisela ubudlelane kwi-Urogynaecology (L Juul).
- Ubambiswano phakathi kweVincent Palotti (Life Care) kunye neYunithi ye-Reproductive Biology, abafundi abenza i-PhD aba-3babandakanyiwe nabo kule projekthi..
- UProf Geerts esebenzisana nequmrhu elikhulu loogqirha ukwenza i-ultrasound yezokubelekisa ibe yesebenzayo kwanenesiqinisekiso eMzantsi Afrika. Inkqubo yoqinisekiso yinqkubo eyakelwe yibhodi yolawulo yesi sibhedlele ndawonye nayi-SASUOG, kwaye ayalandela amanyathelo ekuza kuchankcathwa phezu kwawo okuphumeza oku, oko kusenzeka ngoncedo nenkxaso ye-SASUOG.
- Iintlanganiso zeYunithi ye-Diagnostic Ultrasound sineforam yeengcali zesonoloji eKapa emalunga nomsebenzi wabucala ukuze kuxoxwe iimeko ezinzima zezigulo kwanokuphonononga le ndlela kusetyenzwa ngayo ngoku.

## Okupapashiweyo

| JOURNAL ARTICLES (SUBSIDISED) | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| UNyango lwaBakhulelweyo neeNtsana ezingekazalwa | 14 | 12 |
| UNyango kweze-Reproductive | 11 | 5 |
| I-Urogynaecology | - | - |
| I-Gynaecology | 4 | 2 |
| UCwangciso-ntsapho | 1 | 1 |
| I-Urogynaecology | - | 1 |
| **Zizonke** | **30** | **19** |

| JOURNAL ARTICLE (NON SUBSIDISED) | 2010 | 2011 |
|---|---|---|
| UNyango kweze-Reproductive | 2 | 1 |
| UCwangciso-ntsapho | 1 | - |
| I-Gynaecological Oncology | 2 | 1 |
| UNyango lwaBakhulelweyo neeNtsana ezingekazalwa | 5 | 5 |
| Ezokubelekisa nezeSibeleko | 2 | 3 |
| I-Urogynaecology | - | 1 |
| **Zizonke** | **12** | **12** |

## IiNkqubo ezizodwa noqeqesho

**IYunithi ye-Ultrasound Unit – L Geerts**

- Iikhosi ezintathu ze-obstetric ultrasound ezenziwa ngokusesikweni ngosuku olunye ( ezijoliswe kumanqanaba ohlukeneyo okuskena ekwakuye kuzo oogqirha abazimeleyo kunye nabasebenzi becandelo lorhulumente) ziphuculwe kungoku nje zaziikhosi eziqinisekiswe ngokupheleleyo. Le nto iyazibula eMzantsi Afrika.
- UGqr Ehigha Enabudoso waseNigeria wayengowokuqala ukuqeqeshwa kwezonyango lweentsana ezingekazalwa ekwiyunithi yase-US isithuba seenyanga ezilithoba. Kungoku nje kuqeqeshwa abasebenzi ababini beqeqeshwa njengabancedisi beengcali kwi-Maternal and Foetal Medicine. UProf. Geerts nguye ojongene nemodyuli yabo yeFoetal Medicine.
- Ukushedyula iinkqubo zokufundisa kwiYunithi yeYunivesithi yaseStellenbosch
- Izifundo ezimayela ne-ultrasound kubafundi abakunyaka wesithathu, kuqukwa nokubonisa ngeprektikhali ( imijikelo ibe mibini ngeklinikhi nganye).
- Izifundo (lectures) ngeFoetal Medicine kwiirejistra (qho ngeveki).
- IKlabhu yeJenali (qho ngenyanga).
- Izifundo (lectures) ezihambelana nala maxesha kwi-Biennial Congress (INkongolo ebakho kwiminyaka emibini) ye- SASUOG.
- Uqeqesho ngokwenza ndawonye nohlolo olusesikweni kubuchule be-ultrasound kusenzelwa iirejistra kwi-O&G kunye neRadiyoloji, amagosa ezonyango kunye nabafundi abenza i-BTech (base-US) e-CPUT.

**I-Reproductive Biology**

**UQeqesho kwi-Endoskophu – Tf Kruger**

- Umsebenzi we-endoskophu wenziwa kwinqanaba 2 nele-3 kwiithiyetha ze-S&T, kwaye le yunithi yethu yenye yeethiyetha kwezimbalwa eneenkonzo ze-endoskophu ezenziwa ethiyetha.
- Utyando olungephi lwenziwa iveki neveki kwizigulane.
- Ithiyetha yezigulane ezingalaliswanga ezinyangwa nge-hysteroscopy sekukudala isebenza kwisithuba seminyaka esixhenxe eyadlulayo. Oku kwenza inxenye yeenkqubo ezenziwa nge-endoskophu ezenziwa yiYunithi

ye-Reproductive Biology. Njengoko ezi nkqubo zisenziwa kwizigulane ezingalaliswayo, isibhedlele sona songa kakhulu ngaloo ndlela.

- Iyenziwa ikhosi yoqeqesho kwi-endoskophu kulo mmandla.
- Ukunabisela iinkonzo/iinkqubo kwelaseNamibia kwenziwa nguProf. Siebert kwizihlandlo ezibini.
- Indibano enkulu yocweyo kwi-endoskophu yenzelwa kwiSibhedlele iRed Cross ngoDisemba 2011. Injongo yayo kukunceda amacandelwana obungcali njengele-Urogynaecology nele-onkholoji.
- Indibano yesibini yocweyo yayiyeyekharityhulam esisisiseko yeerejistra eyayiqhutyelwa kwiSibhedlele iGroote Schuur. Oku kwenza isiseko esiyinxalenye yekamva.

Icandelo lokubelekisa nezibeleko

INgxelo yoNyaka 2011 yeSibhedlele iTygerberg

**IYunithi yoNonophelo oluPhezulu lwababelekayo**

- Kwavulwa iyunithi yababelekileyo neyokuphumela ukuze kukhawulelwane neemfuno kwizibonelelo ezinqongopheleyo zononophelo oluphezulu.
- Kwadizayinwa iplani yomgangatho
- Izibonelelo
- Kwenziwa Motivated for funding from Philips for monitors
- Abasebenzi abaqeqeshiweyo
- Kwavulwa ngomhla 5 kuMeyi
- Kwanyangwa izigulane ezingama-434
- Akuzange kubekho mntu uswelekileyo
- Abaphuma e- OCCU – zizigulane ezili-108.

Kwavulwa iKlinikhi entsha eyindibanisela yezinto ezidibene nentliziyo nobakhulelweyo

- Kwenziwa uqeqesho kwi-echocardiograph screening.

## ICANDELO ELIJONGENE NABANTWANA NEMPILO YABO

### Icandelo elijongene nabantwana nempilo yabo

**Profesa Mariana Kruger**

**Isishwankathelo Solawulo– 2011**

Icandelo labantwana kwisibhedlele iTygerberg limi kwiTygerberg Academic Hospital Complex kwaye eli candelo lisebenza njengelona likhulu lijongene nabantwana bengingqi ye-Eastern Metropolitan eKapa eNtshona Koloni. Zingama-4694 izigulane ezingeniswe apha nezifuna ezona nkonzo zikwizinga eliphezulu (HSS) kunye neebhedi ezingama-73% ezisetyenzisiweyo zibe ngama-8523 izigulane ezingeniswe kogqirha abajonga into yonke (GSS) ngama-77%. Ingcali yeentsana inikezele ngeenkonzo ezincomekayo kakhulu ezinezinga eliphantsi lezehlo zokusweleka kweentsana sisi-7,1/1000 iintsana ezingu>1 kg ize ibe li-13,1/1000 iintsana ezingaphaya kwe-500 g, inani eli liphantsi kakhulu kunoko bekulindelekile eNtshona Koloni. Ingxaki ziquka ukushota kweebhedi zezigulane nabasebenzi (4,5% inani labo bonke abalalisiweyo esibhedlele) babe ngama-39% abantwana ababonwa emva kwexesha kumgangatho ophantsi iG befuna iinkonzo ezingxamisekileyo.

Iinkonzo zononophelo lwabo bangekho sibhedlele zinomsebenzi omninzi li-13572 izigulane ezithe zeza apha oku kubangelwa kukungabikho kwendawo elungiselewe ezi zigulane, oko kunyanzelisa ukuba izigulane zibonwe ngabasebenzi beenkonzo ezizodwa (HSS staff). Umsebenzi omninzi wezifo unxulumene nokukhula kwabantwana (kuma-20% kuqukwe abona bantwana basemngciphekweni abo bazelwe phambi kwexesha, ne(12%) labo banengxaki yemithambo luvo kunye neengxaki zokuphefumla abali-(10%).

Inkqubo yokufundisa kwicandelo labantwana iqhube kakuhle kakhulu, ngezinga elingama-98% abafundi bezonyango abebesenza unyaka wabo wokugqibela, abafundi abatsha abahlanu abangogqirha babantwana kunye nabafundi abathathu abatsha ababhalisele iPhD (ababini ngabasebenzi baseTCH). Inkqubo yophando nayo iqhube kakuhle ipapashe amaphepha ophando angama-93 amalunga nophando olwenziwa ngoogqirha ebantwaneni, iincwadi zokufunda ezimbini, iitshapta ezili-10 kwincwadi yokufunda kwakunye neegranti ezininzi ezilungiselelwe uphando.



Ukuphuculo lwezixhobo kuqukwe iRETCAM Digital System for Paediatric Ophthalmology engumnikelo uyi(R1 140 000) nezinye izixhobo ezixabisa R821 020. Iibhedi ezine zentsana ziqale ukusetyenziswa ngoSeptemba 2011 kwaze kwasekwa neCardiology Echo Laboratory.

Izinto ezicwangciselwe unyaka ka-2012 ziquka ukwahlulwa kweenkonzo zabo bangalaliswanga sibhedlele zisetyenzwe ngoogqirha abaziingcali kunye nabo baxilonga nje yonke into, nothekungwa kweebhedi ezizodwa ezine zeentsana kwakunye neebhedi ezili-17 zeentsana ezisandula ukuzalwa (kunye neebhedi ezintathu zamagumbi awodwa) kwakunye neebhedi ezine zecala lezigulane ezibonwa ngoogqirha abajonga into yonke.

Mariana Kruger

**Icandelo 1**

**Izibonelelo Nesiphumo**

| IZITHUBA (EZISISIGXINA) | INANI | EZIGCWALISIWEYO |
|---|---|---|
| uProfesa/Ingcali eyintloko | 2 | 2 |
| Ingcali eyintloko | 1 | 1 |
| Ingcali eyintloko (Principal) | 6 | 5 |
| Ingcali enkulu | 19 + 1(5/8) | 19 + 1(5/8) |
| Ugqirha Oyingcali | 7 (PRWK/ PGWC n=3) | 7 (PRWK/ PGWC n=3) |
| Ingcali | 31 (2 super numerary) | 31 |
| Igosa lonyango | 26 | 26 |

| IZITHUBA (EZOKUKHESELA – IIYURE NGEVEKI) | | |
|---|---|---|
| | INANI | EZIGCWALISIWEYO |
| Ingcali | 4 (iiyure ezili-37/ iveki) | 4 (iiyure ezili-37/ iveki) |
| Igosa lonyango | 1 (iiyure ezili-16/ ngeveki) | 1 (iiyure ezili-16/ngeveki) |
| Locum: Dr JCF du Preez (iinyanga ezi-4) | 1 | 1 |
| Inani leebhedi | 253 | 253 |

### Ingcali Yezigulo Zabantwana

| ZIZONKE IZIGULANE EZINGENISWE ESIBHEDLELE NGO-2011 (IINKCUKACHA ZECLINICOM) | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| *A9 NICU | A9 PICU | ICANDELO ELIJONGENE NOMQALA | G1 | G3 | G7 | G9 | ITOTALI |
| 617 | 518 | 17 | 1029 | 605 | 692 | 1233 | **4694** |

* A9 iNICU iquka iibhedi ezizodwa zezigulane, njengoko iClinicom ingakwazi ukwahlula iinkcukacha.

| IzinGA LOKUSETYENZISWA KWEEBHEDI NGO-2011 (IINKCUKACHA ZECLINICOM) | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|
| *A9 NICU | A9 PICU | ICANDELO ELIJONGENE NOMQALA | G1 | G3 | G7 | G9 | ITOTALI |
| 87% | 85% | 62% | 81% | 58% | 72% | 71% | **73,7%** |

* A9 iNICU iquka iibhedi ezizodwa zezigulane, njengoko iClinicom ingakwazi ukwahlula iinkcukacha.

### i-Neonatology

**Abasebenzi:** OoProfesa G Kirsten, J Smith, Drs A Bekker, S Holgate, G Kali, A Madide, L van Wyk, SK van der Merwe, neengcali ezi-4, amagosa onyango ali-10

| WARD A9: INTENSIVE CARE UNIT | | | |
|---|---|---|---|
| IIBHEDI N=8 | 2011 | 2010 | 2009 |
| Abalalisiweyo | 617 | 408 | 387 (420#) |
| Iintsuku ezihlalwa sisigulane esibhedlele | 6 | 8,2# | 21,1# |
| Iibhedi ezisetyenzisiweyo % | 93% (kuphela kwiNICU) | 80%# | 82,40%# |
| % Ukukhula | 51% | 5,4% | -30% |
| Ababeleke nge-opereshini | 2521 (41%) | 2122 | 2113 |

| WARD A9: INTENSIVE CARE UNIT | | | |
|---|---|---|---|
| IIBHEDI N=8 | 2011 | 2010 | 2009 |
| Abafileyo | 63 (10,2%) | 76 (18,62%) | 162 (38,5%) |

*Iinkcukacha ezivela eClinicom

| IWODI G1: ICANDELO LEENTSANA – IINTSANA EZIZALELWE NGAPHANDLE KWESIBHEDLE ITYGERBERG | | | |
|---|---|---|---|
| IIBHEDI N=36 | 2011 | 2010 | 2009 |
| Abalalisiweyo | 1029 | 987 (1036*) | 946 |
| Iintsuku ezihlalwa sisigulane esibhedlele | 10 | 10,5* | 11,5 |
| Iibhedi ezisetyenzisiweyo % | 81% | 96,6%* | 75,9% |
| % Ukukhula | –1,5% | 4,3% | –7% |
| Abafileyo | 30 (2,9%) (12 abazalelwe ngaphandle esibhedlele) | 33 (3,34%) | 27 (4,68%) |

*Iinkcukacha ezivela eClinicom

### A9 Icandelo lwabantwana abagula kakhulu

**Abasebenzi:** uProf R Gie, ooGqr. P Goussard, S Kling, L Heyns, Iingcali ezi-2, Igosa lonyango

| IIBHEDI N=8 | 2011 | 2010 | 2009 |
|---|---|---|---|
| Abalalisiweyo | 598 (PICU) | 629 | 625 (280#) |
| Iintsuku ezihlalwa sisigulane esibhedlele | 6 | # | 6 |
| Iibhedi ezisetyenzisiweyo % | 85% | # | 120% (137,5%*) |
| % Ukukhula | # | # | 17 – 20% |
| Abafileyo | 52 (8%) | 74 (11,8%) | 73 (11,7%) |

\# Iinkcukacha ezihlangenyo zeClinicom kunye nezeNICU – Akukho nto yahluliweyoe ePICU, ngoko ke akukho zinkcukacha zinikiweyo

### A9 Icandelo elijongene nomqala

**Abasebenzi:** uProf R Gie, ooGqr. P Goussard, S Kling, L Heyns, uGqr. G Poole, Dr T Gray, iingcali ezi-2, Igosa lonyango lakwa-G9

| IIBHEDI N=10 | 2011 |
|---|---|
| Abalalisiweyo | 17 |
| Iibhedi ezisetyenzisiweyo % | 62% |
| Abafileyo | 2 |

- ngummeli wecandelo labagula ngengqondo nelungu lekomiti lephondo lekhemisti nonyango.

**OoGqr Sue Hawkrdige, Felix Potocnik, Chris Verster, Lize Weich noGerhard Jordaan**

- ngamalungu e-Associated Psychiatric Hospitals' Mental Health Drug neForam yeTherapeutic

**uGqr Rob Allen**

- ngummeli wethu nelungu lekomiti yeMetro East Geographical Service Area
- nomngeneleli wephondo kwi-Annual Mental Health Day

**uGqr Francois Pretorius**

- ngumhlali ngaphambili we-SA Society for Mental Health kunye neZithulu ukwasebenza njengoyena gqirha unamava ogqwese kwicala elithile lamayeza kwi-Africa Contact Group yempilo yengqondo nobuthulu.
- UkwanguMhlali ngaphambili weKomiti YePhondo elungiselelwe impilo yengqondo. .

**uGqr Gerhard Jordaan**

- ulilungu leBhodi kwisibhedlele iLentegeur
- kwakunye nekomiti yeTygerberg Hospital Drug neTherapeutics

**uGqr Inge Smit**

- wawongwa njengeyona rejistra ibalaseleyo kwipresentashini ebiseBiological Psychiatry Congress eStellenbosch, ngoSeptemba 2011

**uGqr Annerine Roos**

- Ufumene i-awadi kwi-55th Annual Academic Day, kwifakhalthi yenzululwazi ngeZempilo

**uNks Janine Roos**

- uchongwe njengoyena uneposta ephumeleleyo kwiqela le 'Interdisciplinary Health Sciences poster I-Academic Year Day "The Mental Health Information Centre of Southern Africa: A call centre with a difference"


**uGqr Georgina Spies**

- Ufumene igranti eyi-Improving Academic Qualifications (IAQ) ka-2011
- ne-awadi yokutyelela amazwe ngamazwe ngo-2011 ne
- Claude Leon Foundation yePostdoctoral Fellowship 2012 & 2013

# ICANDELO LOTYANDO

## ICandelo loTyando

**Profesa B.L Warren**



### ICANDELO LOTYANDO

**INtloko yeCandelo**
UProfesa BL Warren

**INtloko yeeNkonzo yeeNgcali zento yonke:**
Utyand – Gqr JdeV Odendaal

### Units

- **Ingcali yotyando ye-Gastroenterology**
  uProfesa BL Warren (Head)
  - iMonday Firm – nguGqr AvV Lambrechts
  - iTuesday Firm – nguGqr J Lübbe
  - iWednesday Firm – UGqr JdeV Odendaal, noGqr S Hofmeyr
  - iThursday Firm – uGqr CE Cooper
- **INcali yotyando lwemithambo**
  Profesa DF du Toit (INtloko), uGqr JdeV Odendaal, JP Mouton
- **INtloko-, INgcali yeNtamo- naMabele**
  uProfesa JP Apffelstaedt (INtloko), uGqr KJ Baatjes
- **ICandelo loTyando labaXhalisayo**
  uGqr CE Fourie (INtloko), I Aggenbach, N Ahmed
- **ICandelo labaTshileyo**
  UGqr AE van der Merwe (INtloko), noGqr M Jansen
- **ICandelo labagula kakhulu**
  UGqr AvV Lambrechts (INtloko okwexeshana)
- **INkonzo yoTyando yeSibhedlele iKarl Bremer**
  Gqr AE Victor (INtloko)

Zingama-20 iirejistra kwisiseko –basebenzi seSibhedlele iTygerberg, kwakunye nomntu omnye oqeshwe siSibhedlele iKarl Bremer, esaseWorcester kunye neeRejistra ezi-2 ezisisongezelelo (eNigeria naseNamibia) bajikeleza unyanga-ntathu, ukunika inkonzo ekhankanywe kwezi yunithi zingasentla kwanokubandakanya nezinye iZibhedlele zePhondo.

### Amanani Akhethiweyo

| | |
|---|---|
| I-avareji yeebhedi ezisetyenziswayo e-C1D-East kwiwadi yolwamkelo lwabaza kutyandwa | **181%** |
| UNyango lweZigulane eziXhalisayo | **18 494** |

| | |
|---|---|
| IZigulane ekwakufuneka zamkelwe kwicandelo lokuphefumlisa | **1 097** |

- **IYunithi yaBagula kakhulu** (zili-12 iibhedi zokuncedisa abasebenzi abakwezokonga)

| | |
|---|---|
| Abaye bamkelwa | **746** |
| I-avareji yoBude beXesha lokuhlala | **6 days** |
| Abaswelekayo | **44 (5.8%)** |

- **IYunithi yabaTshileyo** (IYunithi yoGqithiselo zigulane yeSibhedlele esikhulu eNtshona Koloni: 22 iibhedi)

| | |
|---|---|
| Ulwamkelo | **58** |
| I-avareji yoBude beXesha lokuhlala | **13 days** |

### IZIMVO

La manani abonisa uxinzelelo olumandla kwiinkonzo zotyando kwiSibhedlele iTygerberg kwakunye nemfuneko yokwenza isibonelelo sokukhawulelana nomthwalo oya ukhula minyaka le nakuleyo izayo.

Lo nyaka wawuphawulwa ngokononophelo olumandla lwezibonelelo ezisigxina, kodwa lubonakala lukho uphucuko, kuqukwa nokuqeshwa kwengcali yeYunithi iTraouma Surgery nolwangezelelo lweebhedi zokunyangela abo bameko iXhalabisayo nabaGula kakhulu ndawonye nokwanda/uphuculo lweWadi yokwaMkela ngo-2012 abaza kuTyandwa. Ezinye iimeko ezikhethiweyo zezigulane eziza kubonwa zingatshintshelwa kwiSibhedlele i-Eeste River zize zinyangelwe khona apho ngabasebenzi beSibhedlele iTygerberg, ngeli xesha kusenziwa uhambelo lokufikelelisa iinkonzo kwiSibhedlele iHelderberg.

### Okwenziwe Okuphambili

UGqr AE (Elbie) van der Merwe, iNtloko yeYunithi yabaTshileyo wathiwa jize ngembasa i-Whitaker Award njengoyena ube negalelo kwimiba edibene nokutsha kwihlabathi lonke.

Bonke ababeviwa kwiiMviwo zokuGqibela kwiCollege of Surgeons baphumelela, oku kulenze eli ziko kwilizwe lonke ukuba libe lelona liphumelele ngomlinganiselo oli-100%. UGqr Helene Louwrens wafumana imbasa iDouglas Medal ngenxa yokuqhuba kakuhle kwiimviwo kuma-90 abaviwa kwilizwe lonke kolu viwo. Yiminyaka mibini ngalo kwaye kokwesithathi kwiminyaka emi-6 iTygerberg/ University of Stellenbosch ifumana ukuwongwa ngolu hlobo lweMbasa.

## ISebe le-Cardiothoracic Surgery

### IsiShwankathelo:

Njengesetyana elincinane sinelunda ngenxa yokuba siziphumezile iinjongo zobonelelo ngeenkonzo kwakunye nokuzalisekisa imimiselo yethu malunga noqeqesho.

### Izithuba:

| IZITHUBA | INANI |
|---|---|
| Iingcali/Abanini-zingcebiso | 3 |
| Iirejistra | 4 |
| Iingcali zePerfusion/ezeTeknoloji | 3 |
| OoSista be-Scrubs | 2 |
| Abasebenzi abancedisayo eThiyetha | 4 |
| OoSista beWadi | 27 |
| Abasebenzi abancedisayo bewadi | 17 |
| Abasebenzi becandelo lolawulo | 3 |
| Abacoci | 7 |

| IZITHUBA ZESESHINI | INANI |
|---|---|
| Izikhundla zeseshoni | 1 x 25 yeeyure/ngeveki |
| | 1 x 4 yeeyure/ngeveki |
| Izikhundla ezingenamntu | 3 oosista bewadi |
| | 3 oo-Staff nurses |
| | 2 abasebenzi abancedisayo ewadini |

### Iziphumo:

| IZITHUBA ZESESHINI | INANI |
|---|---|
| **Iinkqubo zaseThiyetha** | |
| Utyando olukhulu lwentliziyo | 346 |
| Utyando olukhulu lwemiphunga | 224 |
| Utyando olukhulu lwentliziyo ebantwaneni | 50 |
| Elabaxhalisayo | 57 |
| Abanye | 148 |
| Ulwamkelo ewadini | 800 |
| Utyelelo lweengcali zonyango | 1 760 |
| Iintlanganiso zeenkalo ezininzi | 138 |
| Izifundo | 132 |
| Abasebenzi abakhethiweyo | 20 |

### Izimvo ngeziphumo:

Ukunika ingqalelo abasebenzi abambalwa kunye nezinto eziyimiqobo zase-ICU, kwindawo yokunonotshelwa kwabaxhalisayo, kunye neebhedi zewadi, isetyana eli liye lanako ukufumana iziphumo ezihle kwaneziphumo ezihamba phambili zokunyamekelwa kwezigulane. Sibe nako ukuza namananі-nkcazo aziziphumo ezinokuthelekiseka kunye nezona ziphambili kuMzantsi Afrika naphesheya.

### Uphuhliso lwezibonelelo:

- Umatshini omtsha wentliziyo wathengwa
- Kwaye kwaphuculwa izintlu zotyando
- Laphuculwa igumbi lokulinda
- Lwenziwa uphicotho ngolwaneliseko lwezigulane

### Intsebenziswano:

**KwiSizwe**

- Intatho-nxaxheba yeenkomfa zesizwe
- Intsebenziswano kunye namanye amasetyena yeyunivesithi

**KwiCandelo labucala**

Ubambiswano kwanokugcinwa kwentsebenziswano kunye namahlakani kwizibhedlel ngezibhedlele ezizimeleyo

**Izizwe zehlabathi**

- Ukubakho kwabantu kwinkongolo yezizwe zehlabathi
- Ukubakho kwiikhosi zesizwe zehlabathi
- Ukunxulumana namasetyana aphesheya kolwandle

### Iinkqubo zokusa iinkonzo kuluntu:

Ngexa yokuba umsebenzi weli setyena umninzi akuzange kubekho zinkqubo zokusa iinkonzo eluntwini ezakha zenziwa

### Iinkqubo zoPhando:

| | |
|---|---|
| Izinto ezipapashiweyo | 3 |
| IiNcwadi ezithengiweyo | 3 |

### UkuFunda noQeqesho:

| | |
|---|---|
| Abangekathwesa sidanga | 150 |
| Asele bethwesiwe (abaqhubekayo) | 4 |
| Abafundi abakhethiweyo | 20 |

## ICandelo leNurosejari

**Profes H.B. Hartzenberg**

### IsiShwankathelo

Ngo-2012 iingcali ziye zathweswa izidanga kwicandelo njengeeNeurosurgeons (Oogrirha abaziingcali kutyando lwengqondo nomnqonqo) uGqr A. Gretschel no F. Taleb. Zonke izikhundla kuye kwaqeshwa kuzo kulo nyaka ngokunjalo nesikhundla sobungcali esathi sanikwa uGqr Armin Greschel omnye wabathweswe izidanga.

Icandelo liye lanikela ngezixhobo ezibalulekileyo ezibini eziza kuthi zibe luncedo kakhulu kulawulo lwezigulana ezizo kwenziwa utyando lwemithambo_ luvo . Ezi zixhobo zobuchwephesha ziquka iNeuronavigation (sisixhobo esibukhompyutharha esithi sisetyenziswe ngooqgirha boqhaqho njengesikhokelo xa besenza uqhaqho lwengqondo nelo mnqonqo) enemagnethi ngokunjalo ne-endoskophu (isixhobo sokubona apha ngaphakathi

Inani leendibano zocweyo loqeqesho lweerejistra ayehlinzekwa nguGqr Ian Vlok noGqr A. Gretschel othi enze uqhaqho kwizigulo zomqolo kwisibhedlele iWorcester. Le yinkqubo ebalulekileyo yokufikelelisa iinkonzo eluntwini.

### Iinkqubo zoPhando:

| IZITHUBA (ZESIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| Iingcali | 3 | 3 |
| Iirejistra | 5 | 5 |
| Ezingenazikhundla Iirejistra ezingenazikhundla | 2 | 2 |

| | |
|---|---|
| Iingcali ezikheselayo-Iiyure ezingama | 20 ngeveki |

### Isiphumo

| IZIGULANA EZINGALALISWAYO | INANI |
|---|---|
| Izigulane ezingalaliswayo: Eziqalayo ukuza | 822 |
| Ezilandelelayo | 2236 |
| **Zizonke** | **3058** |

| ULWAMKELO: | INANI |
|---|---|
| Abantwana: | 35 ziimeko zononophelo oluphezulu<br>215 ewadini. |
| Iibhedi zabantu abadala zizonke | 52 |
| Ulwamkelo kumawadi e-A4 west | 2740 |
| Unyango olumandla | 472 |
| E-A4 east | 553 |
| **Iilonke labamkelweyo: kunye nabasuswa kwelinye icandelo basiwe kwelinye kwalapha** | **4015** |
| Iinkqubo zasethiyetha: | |
| Ithiyetha echongiweyo yoTyando olunxulumene | 319 |
| Unyango olungxamisekileyo ethiyetha: | 353 |
| **Inani lilonke** | **672** |

### Izimvo ngesiphumo

Kukho impumelelo emandla kwiinkalo zonke xa kuthelekiswa nonyaka ophelileyo. Iinkcukacha manani zifunyenweeclinicon kwaye ukuchaneka kwazo akuqondakali. Ulwamkelo lukwaquka ukutshintshelwa kwezigulana kwamanye amacandelo kwalapha kwiyunithi yotyando olunxulumene nemithambo -luvo.Umzekelo isigulana esilaliswe kwiwadi lonyango oluphezulu i-A4 sinokusiwa kwiwadi kawonkewonke i-A4west kwaye sinokuphinde sitshintshelwe kwiwadi A4east.

### Iinkqubo ezifikelelisa iinkonzo eluntwini/Inkonzo yoluntu kwanonxibelelwano.Nceda ugxile kumaphulo ka-2011, ngakumbi kwi-wrt MDG kunye nezinye iiprojekhthi zase-Afrika.

UGqr Ian Vlok noGqr A. Gretshel ngentsebenziswano noGqr STELLMED bafundisa amatyeli amaninzi ngomenzakalo engqondweni.

UProfesa HB Hartzenberg bafundisa abongikazi kunye namaqela enkxaso malunga noqhaqho lokulungiswa kobuso(Craniofacial surgery) kunye

nengozi ezingomenzakalo wengqondo ePanorama Medi Clinic.

UGqr Ian Vlok uchophela iNtlanganiso ehlala ngenyanga yeCape Spine kwiSibhedlele iTygerberg kubacebisi baBucala nabaseBurhulumenteni nakwiirejistra

Utyando loMnqonqo eWorcester njengoko kukhankanyiwe ngasentla.

**Kuzwelonke:**

ISociety yeNeurosurgeons eMzantsi Afrika(Society of Neurosurgeons in SA). Eli candelo liphantsi koBunkokeli bukaProfesa HB Hartzenberg abangabaququzeleli be -22nd biennial congress of the Society of Neurosurgeons SA. Inkongolo iya kuba ngomhla wesi-3 ukuya kwisi-6 ku-Okhthobha ka-2012.

**ICandelo laBucala :**

Ikakhulu iinkampani ezohlukeneyo ezifana neSouthern medical;iKarl Storz; iSynthes; iBaroque Medical, iMedtronic kunye neJohnson and Johnson.Iisemina kunye neendibano zocweyo apho kufundwa ngobume bomzimba, oko kusenziwa kumzimba womntu ongasekhoyo, olo cweyo lwenziwa ngobambiswano kunye nezi nkampani.

**KwiZizwe zeHlabathi:**

ILondon School of Hygiene and tropical medicine: Iiprojekhthi zophando

### Okuphunyeziweyo

1. Vlok AJ, Dunn RN, 2011, Spondylotic spondylolithesis: Surgical management of adult presentation.
2. Hardcastle P, 2011, Tuberculosis of the skull with associated cranio-cervical subluxation Taleb F, Vlok AJ, 3 Proceedings National Combining structural and functional MRI with 3D model printing as a neurosurgical planning tool. Abstract 200. 2011 2011 Spottiswoode B, Chung YC , Engelhardt S, Gretschel A.
3. Vlok AJ, 2011, Proceedings National Shallow water diving injuries – Devastating but Preventable.
4. Gretschel A, 2011, Masters completed: Transcranial stab wounds – A retrospective analysis to assess the incidence of septic complications following penetrating stabwounds to the head.

**Amaphepha athe afundwa kwiCandelo leNzululwazi yezeMpilo kumcimbi weMfundo ephakamileyo yofundo lwamaphepha kwityeli lama-55. :**

1. Vlok AJ, National Shallow water diving injuries – Devastating but Preventable.
2. Gretschel A, Transcranial stab wounds – A retrospective analysis to assess the incidence of septic complications following penetrating stabwounds to the head.

### Ukuzinyaswa kwenkongolo/Ukwenziwa kwentetho

UProf HB Hartzenberg wenze intetho malunga nezinto ezingaqinisi mnqwazi kucweyo lweCraniofacial surgery ebelubanjelwe kwiSibhedlele saBantwana iRed Cross Memorial ngoDisemba.

UProfesa HB Hartzenberg wazimasa inkongolo yonyaka yeSpine society of SA eDrakensberg ngoMeyi ka-2011.

UGqr Ian Vlok wazimasa inkongolo ye-Eurospine eMilan ngoSeptemba ka-2011.

### Ukufundisa noQeqesho (abafundi bezidanga zokuqala, abafundi abasele befumene izidanga zokuqala, kwanabafundi abasuka kwamanye amaziko).

Sifundisa sikwaqeqesha abafundi abenza izidanga zokuqala sikwenza kwanovavanyo ngethuba lebloko yeNeuroscience (Inzululwazi enxulumene nengqondo nomnqonqo); ifiziyo kunye neye-occupational therapy pathology. Siqeqesha abafundi abenza izidanga ezilandela ezokuqala babe ziiNeurosurgeons (Oogqirha abaziingcali kuqhaqho lwengqondo nomnqonqo). Sikwanika uqeqesho kwi-orthopedic rotator ( kumxokelelwane odibanisa amathambo nomnqonqo) njengenxalenye yoqeqesho kunyango ngotyando lwengqondo nomnqonqo.

UProfesa HB Hartberg uvavanya abafundi abahlalele iimviwo zokugqibela kwiikholeji zoNyango zoMzantsi Afrika kwineurosurgical (kutyando olunxulumene nemithambo-luvo). Ukwavavanya nabafundi abenza unyaka wokugqibela be- MMed Neurosurgery (bezifundo zoQhaqho lweNgqondo noMnqonqo) kwiYunivesithi yaseStellenbosch; kwanabafundi beMMed Neurosurgery (bezifundo zoTyando noMnqonqo) abenza unyaka wokugqibela kwiYunivesithi yaseFreyistata nabeYunivesithi yaKwaZulu ngokunjalo.

UGqr Ian Vlok ebekwicandelo lekhosi i-AO Advance ngoJulayi ka-2011 eRhawutini ngokunjalo kwaneCandelo elilungiselela intlanganiso IGASS ekupheleni kuka-2011.

UGqr Ian Vlok ukwavavanya abafundi bezidanga zokuqala ngokunjalo neemviwo ze –The CMSA neur-anatomy.

UProfesa Hartzenberg uye wenza intetho kumacweyo oqeqesho abesingathwe nguCodman ePitoli ngoJulayi ka-2011.

### Okuphunyezwe ngokukodwa

UProf H.B. Hartzenberg waqeshwa njengelungu lekomiti elawyulayo ye4-CHRASH 3, uvavanyo lwezizwe zehlabathi leLondon School of Hygien and Tropical Medicine.

## ICANDELO LE-OFTHALIMOLOJI

**Prof David Meyer**

### Isishwankathelo

Le ngxelo yonyaka ibonisa umsebenzi owenziwe ngokuzimisela kwabasebenzi bonke beCala le-Ofthalimoloji abathe phantsi kweemeko ebezingelula, kodwa bawenza ngempulelo enkulu umsebenzi wabo benceda izigulane ezikwiindawo ezingamazikwana aphantsi kweli ziko-mpilo bengapheleli nje kuwo, koko bedlulela nangaphaya kwemida emiselweyo, nakuba bembalwa ngendlela engancomekiyo benjalo oonesi abasebenza ngezigulane ezingalaliswayo nabasebenzi bezenkxaso.

Ngo-2011 zazingama-23 844 izigulane (kwaza kuzo ezingama-22 714 zafumana unyango kanti ezilu-1130 zaye zahlolwa amehlo kuphela) kwicandelo lezigulane ezingalaliswayo, kwaza oko kwalenza eli candelwana lonyango lesi sibhedlele lalelona lakha laxakeka ngokuphathelelene notyando – kanti la manani angaphantsi ngomlinganiselo oyi-5.8% kunonyaka ophelileyo.

Izigulane ezangeniswa kuwadi (D7, D4, no-G4) zelilonke inani lazo ibe ngama-2 962 – nani elo lifanayo nelango-2010 elalingama-(2 918).

Abenziwa utyando babengama-2 662 kanti ngo-(2010 babengama-2176), xa eli nani lisahlulahlulwa kuphuma u-436 imisebenzi yotyando olungephi (kanti yayingama-216 ngo-2010), yayili-1467 (1070 ngo-2010) yaza yangama-(1059 ngo-2010) ibe yimisebenzi engephi engama-759 yotyando eyathi yenziwa emehlweni{ukwengulwa}. Oku kubonisa ukunyuka ngomlinganiselo wama-22% uwonke umsebenzi wotyando ebudeni bonyaka ophelileyo, unyuke ngomlinganiselo oyi-102% umsebenzi wotyando olungephi (owawusenziwa isikakhulu ngeenaliti ze-Avestin intravitreal), ize unyuke ngama-37% umlinganiselo kutyando olumandla (olwenziwa licandelwana lobungcali obubodwa notyando lwabenzakeleyo). Umlinganiselo kwimisebenzi yolwangulo lwamehlo imana ukuhla kancinane, kuba yayingu-16% ngo-2010 kanti uhle nge15% ngo-2011. Unyukile ukusuka kuma-909 ngo-2010 umlinganiselo wemisebenzi yotyando ngeleyiza waya kutsho kwi-1241 ngo-2011 into ethetha ukuba unyuke ngama-(27%).

Ngexesha leenzame zokunatyiswa kweenkqubo ngobanzi zingama-45 iinkqubo zotyando ezenziwa eNamibia.

Unyuke ngokuphawulekayo uwonke umlinganiselo wokubonelela ngeenkonzo onikwa ngokwamanani-nkcazo oogqirha. Oku kwenzeka ngaxeshanye nenkqubo yofundo nemfunalwazi/uphando, eyayikhankanyiwe kwingxelo yophando olupheleleyo lweYunivesithi yaseStellenbosch. Oorejistra abane bafumana izidanga ze-MMed ngo-2011.

Sibulela kakhulu ke ngoko kumntu ngamnye owayezinikele kulo msebenzi, ingakumbi abasebenzi bezonyango.

### Abasebenzi

| IZITHUBA (ESIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| UProfesa | 1 | 1 |
| iNtloko yeCandelo | 1 | 1 |
| INgcali | 3 | 2 |
| IRejistra (inani kuphela) | 10 | 10 |
| IGosa lezoNyango | 3 | 3 |

| IZTHUBA (ZEESESHINI – ZINGAPHI IIYURE NGEVEKI) | | |
|---|---|---|
| | INANI | EZINABANTU |
| Iingcali zonyango | 1 | 6 |
| Izikhundla zabangasebenzi sigxina | 1 | 5/8 |
| Izikhundla zababambeleyo | 0 | 0 |
| Izikhundla ezifana nezisigxina | 5 | 5 |
| Inani leebhedi (ezisebenzisekayo) | D7=31 G4=4 | 35 |

### Isiphumo

| IZIGULANE EZINGALALISWAYO ZIYE ZABONWA | Zizonke: 23 844 |
|---|---|

**Iiklinikhi ezinobungcali:**

1. Elokunyanga iRetina (ukhozo olumhlophe lweliso)
2. Elotyando lwe-Retina
3. ICandelwana lamehlo labantwana
4. Utyando oluselisweni
5. Ikhoniya nomphakathi weliso
5. Uhlolo lwamehlo (ziyi-1130 izigulane ezahlolwa amahlo kwiklinikhi zamehlo)

| BEBONKE ABAMKELELWA UKULALISWA (D7, D4 AND G4): | 2962 |
|---|---|

| IINKQUBO ZASETHIYETHA | INANI |
|---|---|
| Izigulane ebezinengxaki | |
| emithanjeni yamehlo | 1467 |
| Utyando olungephi | 436 |
| Ulwengulo lamehlo | 759 |
| **Zizonke** | **2662** |

| IINKQUBO ZOTYANDO NGELEYIZA | INANI |
|---|---|
| i-Yag laser | 580 (AxTrap) |
| i-Argon laser | 579 (AxTrap) |
| i-Diode laser | 82 |
| **Iyonke** | **1241** |

### Izimvo ngesiphumo

Kungelishwa ukuba imeko yonyango lwamehlo ibe isenziwa isikakhulu kwiPhondo leNtshona Koloni zizibhedlele ezithathu ezikhulu kwiPhondo. Kambe nakuba kunjalo iinkonzo ze-ofthalimoloji kumazikwana ancedwa zezi zibhedlele ziyaphucuka noko ezi nkonzo (ok.kkt. eWorcester nasePaarl) ubunzima esijongene nabo isibhedlele iTygerberg ngokwezibonelelo kufuneka kuhlangatyezwane nabo bungabi kweli qondo bukulo ngoku.

Izigulane ezingalaliswayo ezibonwa kwicandelwana le-ofthalimoloji elikwesi sibhedlele lelona lixakeke kakhulu kwezotyando kuba lalibone izigulane ezingama-23 844 ngo-2011. Oku kubonisa ukuhla okungephi ngomlinganiselo oyi-5.8% ebudeni bonyaka u-2010. Inkqubo yotyando lokwengulwa kwamehlo yehla ngomlinganiselo oli-16% ukusuka kwi-1059 ngo-2009 ukuya kuma-890 ngo-2010 laza kwakhona lehla iqondo ngomlinganiselo oyi-15% ukusuka kuma-756 ngo-2011 libonisa ukuba iimeko ezifuna ukuqwalaselwa kwiziko-mpilo elikhulu nomenzakalo zazithunyelwa eTygerberg Academic Hospital njengokuba oku kwakudla ngokwenzeka kwixa elingaphambili, apho oku kwakulidlelelela ixesha lotyando elincinane kakade elilungiselelwe utyando iimeko ezithile zokwengulwa kwamehlo

Izibhedlele ezikhulu azinako ukwenza iinkonzo ezilindelekileyo ze-ofthalimoloji ngenxa yokuthi gqolo linyuka inani labantu, yiloo nto ke kwaye kwasungulwa amacandelwana/iiyunithi zokunyanga amehlo ezingekho kwezi zibhedlele, ezikumaziko onyango enqanaba lesibini zisahlala zithatha ixesha elide ukunceda abantu abanengxaki yamehlo.

Eli Phondo kwakhona lifuna ukuba kuqwalaselwe ukwenziwa kwesibhedlele esinye esikhulu ibe siso esisebenza iingxaki zamehlo kwiphondo size sincediswe ngamaziko amabini ezonyango enqanaba lesibini akumaziko-mpilo amabini amakhulu afundisayo.

### Iinkqubo zokufikelelisa iinkonzo kuluntu

- Iirejistra zathunyelwa kwindibano yocweyo yesizwe apho kwakuboniswana ngendlela yokuThintela ukungaBoni,eyayixhaswe ngezimali yiCommunity Eye Health Institute, iYunivesithi, apho kwathabatha inxaxheba ekuyileni iindlela zePhondo zonyango nokuthintela ukungaboni.
- Unabiso-nkonzo eMzantsi Afrika: Icandelo eli lawanyusa amaqondo okunabisa inkqubo, oko ekwenza ebambisene ne-NGO’s ezifana ne-Bereau for Prevention of Blindness, ibe yi-SA Air Ambulance Service neLion’s International. Iinkonzo zethu zonyango nezotyando aziqhubi kakuhle mayela noncedo ngeenkonzo kuloo mimandla inganikwa zinkonzo kakuhle kunye needolophana ezikumaPondo iNtshona Koloni nelomNtla xa zifuneka.
- Unabiso lwenkqubo yonyango lweAfrika: INamibia: Ilizwe elingummelwane wethu, iNamibia lalimenyiwe izihlandlo ezithathi ngo-2011 nguProf Meyer ngexesha wayesenza utyando olwalunobunzima lwe-ofthalmoloji kwiimeko ezizodwa kwiSibhedlele soRhulumente eWindhoek njengophawu lokubonisa ubulungisa. Ngexesha lolu tyelelo lokuya kubona imisebenzi yofundo kuqukwa utyando nobuchule kwezonyango oluye ludluliselwe koogqirha botyando ndawonye neeseshini zangokuhlwa zofundo ezihamba nemisebenzi yeCME ezenziwa nguProf D Meyer. Kwenziwa imisebenzi yotyando emihlanu licandelwana lobungcali kwaza kwabonwa izigulane ezili-131 eWindhoek ngale veki inye yotyelelo.

**INtsebenziswano**

1. Amacandelo ofundo nawezonyango e-Ofthalimoloji kwizibhedlele iGroote Schuur, iRed Cross neTygerberg Academic ezibambisene ngokuhlala iintlanganiso ngohlanganyelo ezibakho qho ngekota, oko kusenziwa kudityenwe neOphthalmological Society of South Africa nangokutshintshiselana ngabahlohli. Intle intsebenziswano ephakathi kwala maziko mabini.
2. Umsebenzi wentsebenziswano ngophando mayela nezigulo zeretina uyaqhubeka phakathi kweli cala kunye necandelo leHuman Genetics kwiYunivesithi yaseKapa.
3. Eli candelo liqeqesha irejistra ibenye ngexesha yeNational Defence Force kwi 2 Military Hospital. Le ntsebenziswano iqhube ngempumelelo phantse iminyaka engama-20. Irejistra entsha ifike kweli Candelo ngo-2011.
4. Irejistra yokuqala ifike ngo-2008 yaye ibonelelwa ngemali liPhondo lomNtla. Emva koqeqesho ngo-2011 le ngcali yabuyela kwiSibhedlele saseKimberly ekupheleni ko-2011 ukuze inike iinkonzo zobungcali kwesa sibhedlele.

**Icandelo labucala**

1. ISibhedlele iCape Eye, njengenxalenye yeqonga elisesikweni lokufindisa labafundi asele benesidanga, esi sibhedlele siyafundisa sikwanika nenkxaso kwezobugcisa bezixhobo zokusebenza noqeqesho (umz. ukutyandwa kwamehlo nge-Excimer Laser kunye notyando-fakelo lwekhoniya) izinto ezo ezingekafunyanwa ziirejistra zethu kwiSibhedlele iTygerberg Academic.
2. ITygervalley Eye and Laser Centre ivumile nayo ukuzinika imvume iirejistra zeFaculty of Health Sciences ukuba ziye kubona zifunde nokufunda. Oku kubaluleke kakhulu njengoko kukho i-Femtosecond laser kuphela eNtshona Koloni.

**Izizwe zehlabathi**

Irejistra yokuqala engelolungu labasebenzi evela kwelinye lamazwe aseAfrika ngo-Epreli 2008 oxhaswa ngezimali liSebe lezeMpilo neleNtlalontle laseNamibia. Lo mfaki-sicelo uzigqibe ngempumelelo izifundo zakhe ze-CMSA Fellowship kwi-Ofthalimoloji ngo-2011 uya kubuya ngo-2012 sele ezigqibile izifundo eyingcali evunyiweyo kwi-ofthamoloji, kwaye uza kusebenza kwilizwe laseNamibia.

### Okuphunyeziweyo

**Amanqaku eJenali (exhaswe ngezimali**

- O'Connell N., Freeman N., Rabie H., Cotton M.F. *Presumed cytomegalovirus retinitis in human immunodeficiency virus type I-infected South African children*. **Pediatric Infectious Disease Journal** 2011; 30(6): 2.
- Oystreck D.T. *When straight eyes won't move: phenotypic overlap of genetically distinct ocular motility disturbances.* **Canadian Journal of Ophthalmology/Journal Canadien d'Ophtalmologie** 2011; 46(6): 477-480.
- Rautenbach R.M., Bardien S., Harvey J., Ziskind A. *An investigation into LOXL1 variants in black South African individuals with exfoliation syndrome*. **Archives of Ophthalmology** 2011; 129(2): 206-210.
- Whigham B.T., Williams S.E.I., Liu Y., Rautenbach R.M., Carmichael T.R., Wheeler J., Ziskind A. *Myocilin mutations in black South Africans with POAG*. **Molecular Vision** 2011; 17: 1064-1069.
- Smit D.P. *Allergic conditions of the eye*. **South African Family Practice** 2011; 53(5): 425-430.

**Journal articles (non-subsidised)**

- Meyer D. *Serendipity, the humble case report and modern health science challenges.* **Middle East African Journal of Ophthalmology** 2011; 18(4): 303-304.
- Smit D.P. *Complications of contact lens wear: what pharmacists should know*. **South African Pharmaceutical Journal** 2011; 78(8): 31-34.

**Chapters in books**

- **Freeman N.** "*Pediatric Glaucoma*". 2011. In Pediatric Ophthalmic Surgery. New Delhi: Jaypee Brothers Medical Publishers. pp. 181-184.

**UkuFundisa noQeqesho**

*Abafundi abangekabinazidanga:* Kubekho imfuneko eyathi yabonakala yokwenziwa kolunye uqeqesho lezonyango kwanokuphuhliswa kwekharityhulam kwinkqubo ye-MBChB kwizifundo zengxaki zemithambo esemehleni. Kuthi ngenxa yokuba abasebenzi bebulawa ngumsebenzi kwaye abakwazi ukuzinika ithuba elaneleyo loqeqesho kwezonyango nophuhliso lwekharityhulam, Icandelo laye lafumana enye imali kwiSebe leMfundo ukusinceda sikwazi ukuqesha iingcali ezimbini eziya kusebenza isigxina njengabahlohli abaza kuqhuba uqeqesho olusisongezelelo ngokubhekiselele

kwiindlela zokuhlola amehlo nokucokisa ikharityhulam kwizifundo ze-ofthalimoloji. Ngo-2011 amanqaku omhlohli kwizifundo ze-ofthalimoliji aye ahlaziywa kwisi-Afrikansi nasesiNgesini. Xa luphuculwe uqeqesho kukanjalo nokuzithemba kwabafundi bezonyango kwimisebenzi abayenzayo yokuhlola amehlo ekufuneka iphuculwe nayo njengesiseko sabo solwazi kwanobuchule kwizifundo ze-ofthalimoloji.

*Uqeqesho lwabafundi asele benezidanga zokuqala:* Kwaye kwaqatshelwa ukuba ikhona imfuneko lwevitreo-retinal surgery kwizifundo zesidanga esilandela esokuqala kwaye oku kwahlangatyezwana nako ngokuqeshwa komhlohli onobuchule obubodwa oya kunceda abafundi abenza i-MMed qho esiza ngokweseshini ngenjongo yokukhuthaza unyango lwezigulane zokuphucula iziphumo zotyando. Umvuzo wale ngcali wenziwa ngemali yeSebe leMfundo

## ICANDELO LOTYANDO LWAMATHAMBO

**UProf G.J Vlok**

### IsiShwankathelo

ISebe elijongene nokulungisa izikhwasimla zokulimala ezibangelwa kukugula nomonakalo emathanjeni nakwimisipha lisebenza ngokupheleleyo:

a) Iinkonzo zasemva kwexesha lomsebenzi
b) Iinkonzo zezigulana ezingalaliswanga
c) Iikliniki ezizodwa
d) Iinkonzo zokusebenza
e) Uqeqesho lwabafundi abenza izidanga zokuqala nezingaphezulu kwesokuqala

### Abasebenzi

| IZITHUBA(EZESIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| UProfesa & UProfesa oyiNtloko | 1 | 1 |
| Abacebisi | 8 | 8 |

| IZITHUBA (ISESHONI– ZINGAPHI IIYURE NGEVEKI) | |
|---|---|
| | INANI LEZINABANTU |
| Iiseshoni ezizodwa zeeyure ezili | 13 ngeveki |
| Iiyure ezingama | 20 ngeveki |

### Umthombo wesiphumo

| IZIGULANE EZINGALALISWAYO | INANI |
|---|---|
| **Izigulane ezingalaliswayo zase-C68 West** | |
| Ikliniki yesandla | 6483 |
| Ikliniki yomnqonqo | 793 |
| Ikliniki yehleza neyedolo | 1196 |
| Ikliniki yabantwana | 2308 |
| Ikliniki yenyawo | 1075 |
| Ikliniki yegxalalaba | 186 |
| Iiplasta | 511 |
| Amalaphu okubopha izilonda | 2598 |
| **Izigulana ezingalaliswayo zase C68 East** | |
| Ikliniki yoMenzakalo | 9347 |
| Ukulungelelaniswa kwezikhwasimla emzimbeni | 5224 |
| Amalaphu okubopha izilonda | 2673 |
| G Iiplasta | 2988 |
| **Iingxwelerha zasemva kwexesha lomsebenzi:** | |
| - Umenzakalo osesandleni | 1690 |
| - Koueverwysings / Iimeko ezingangxamisekanga | 989 |
| Umenzakalo onxulumene nobulima | 5467 |
| **Zizonke** | **8146** |

| IZIGULANE EZINGALALISWAYO | INANI |
|---|---|
| Imini yoqhaqho lwe-Orthopaedic | 773 |
| Uxilongo lwe-X-reyi | 18 458 |
| Izigulana ezithe zaxilongwa | 24 318 |
| **Uqhaqho ekulungiswa ngalo apho kudibana khona amalungu Uqhaqho olubuyekeza** | |
| Amahleza | 127 |
| Amadolo | 80 |
| Ulwamkelo kumawadi: (Kusoloko kusetyenziswa abasebenzi ngobuninzi babo) | |
| Ulwamkelo lwabantwana abalungiswa ubulima kukugula okanye umonakalo | 1157 |
| I-A3 West | 831 |
| I-J6 | 791 |
| I- A3 East | 149 |

### Izimvo ngesiphumo

Kukho umthwalo omkhulu malunga noluhlu lwabalindileyo kangangeenyanga ezi-6. Izigulana sihlala sizihlela ngokubaluleka okanye ngokuphatheka kwazo, kwanokuthunyelwa kwezigulana kwizibhedlele ezikufutshane ukulandelela.

### Uphuhliso nophuculo lwezixhobo

Izixhobo zihlala zithengwa ngakumbi ngomnikelo weziko. Umnikelo omkhulu ngumxokelelwane womatshini wokuphonononga umnqonqo.

### Inkonzo yokufikelelisa iinkonzo kuluntus

Inkonzo yokufikelelisa iinkonzo kuluntu yenzelwe iSikolo iPaarl saBantwana abaKhubazekileyo ngokunjalo neSibhedlele iHelderberg.

### Intsebenziswano

Iingcali zoqhaqho zabalungisa izikhwasimla zokulimala ezibangelwa zizifo okanye umonakalo emathanjeni nalapho kudibana khona amalungu kwicandelo labucala zinceda ngoqeqesho

### Okuphunyeziweyo

Abafundi abenza izidanga ezingaphezu kwesokuqala bazakunikeza izifundo kwiinkomfa abahlonitshiweyo kuzo.

### Ukufundisa noQeqesho

Kukho abafundi abenza izidanga ezingaphezulu kwesokuqala abali-16 kwanentlaninge yaba-fundi abangekabinazidanga zokuqala abatshint-shanayo ngokuza kwicandelo.

### Okube yimpumelelo

Isebe limelwe kwiKholeji yoNyango (College of Medicine) nakwiSigqeba seeKomiti yeQumrhu elijongene nokuLungiswa koMenzakalo eNxulumene noBulima (Executive Committees of the Orthopaedic Association).

## ICANDELO LOTYANDO LWABANTWA

**UProf S.W. Moore**

### IsiShwankathelo

Icandelo loTyando lwabantwana kungokunje lisebenzisa iibhedi ezili-15 kwa-wadi G4, kodwa babengaphezu kwama-50% ezigulane zabo ezazilele kwiibhedi zenkonzo yonyango lwabantwana ngaphandle kwale wadi.

- Icandelo loTyando laBantwana lalalisa izigulane ezili-1002 kwiwadi G4 ngo-2010 (Clinicom)
- Ama-226 ezigulane ezingxamisekileyo ezilalisiweyo nezithunyelweyo ezingabantwana kwiiwadi zaBantwana zaye zaxilongwa.
- Iintsana ezisanda kuzalwa ezingama-96 zaye zenziwa utyando oko kusayanyaniswa necandelo leentsana.
- Ukongeza koku kukho nezigulane zathunyelwa zisuka kwalapha esibhedlele ezazingama-1045 kwaye izezingalaliswayo (Clinicom) ezibonwa kwiiklinikhi ezi-2 ezinobungcali obubodwa iiklinikhi zaBantwana zotyando kunye ne-ano-rectal clinic).
- La manani akazibonisi zonke izigulane ezazingeniswa mihla le ngokuthunyelwa kwicandelo lonyango olungxamisekileyo zivela kwicandelo lolwamkelo laBantwana elikwaG ezantsi.

**Iinkqubo zotyando**

- Ixesha elikhoyo (lincinane kakhulu) lingonela nje ukuba kusetyenziswe izigulane ezingama-706 kwezo nkqubo zotyando zikhethiweyo. (izintlu zaseThiyetha).
- Zazili-136 iinkqubo zotyando ezenziwayo ngaphandle kwezo zotyando lwemithambo ezisoloko zibalelwa kwi-Intensive care nakwezinye iiyunithi].
- Kukwakho noluhlu lwethiyetha yasemini (usuku olu-1 olunesiqingatha ngosuku/ngeveki)[iimeko zengulo ezingama-254] kanti iyure yokuqala yoluhlu lwabaza kusikwa amathumba iye isetynziselwe abantwana apho abasebenzi baye bancede abasebenzi abazii-intern

### Abasebenzi

| IZITHUBA (ISIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| Ugqirha | 2 | 2 |
| Irejistra | 1 | 1 |
| Igosa lonyango | 1 | 1 |

| IZITHUBA (EZESESHINI – ZINGAPHI IIYURE NGEVEKI) | | |
|---|---|---|
| UGqirha | 16 iiyure | 16 iiyure |

### Isiphumo

| IZIGULANE EZINGALALISWAYO | INANI |
|---|---|
| Abangalilswanga: | 1 275 |
| IiKlinikhi ezinobungcali obubodwa: abathunyelwe kwa/ngu G ezantsi | 551 |
| Abangenisiweyo: | 1 284 |
| Iinkqubo zaseTyhiyetha: | |
| Utyando loxeshana | 614 |
| Kwithiyetha enkulu [653 iinkqubo ezikhethiweyo zotyando + 314 zokungxamisekileyo] | 967 |
| Ezinye iinkqubo zotyando | 260 |
| **Bebonke:** | **1 841*** |

*(kuseza kuqwalaselwa )

### Izimvo ngesiphumo

Uyanda umsebenzi wokusebenza izigulane ngenxa yeshifti yaseKhayelitsha zibe zimbalwa izixhobo

### Uphuculo lwezibonelelo

I. UKulungiswa kwegumbi leSemina kwawadi G4 kusenziwa ngenjongo yeentlanganiso nokufundisa

II. Ukuhlaliswa kwe-ofisi yeCandelo kwa-Wadi G4

### Iinkqubo zokufikelelisa iinkonzo kuluntu

- Zarhoxiswa iinzame zoqeqesho olujonge ukufikiswa kweenkonzo kuluntu malunga noluhlu lwezigulane zasethiyetha kwiSibhedlele sase-Eerste Rivier, ngenxa yokungabikho kwabasebenzi be-anaesthetic.
- Yaphuculwa indlela yonxibelelwano kwaneenkonzo ezenzelwa iiklinikhi
- Laye laqwalselwa nangakumbi iphulo lokufundisa kunye neyunivesithi yase-Addis Abbabba e-Ethiopia
- Kwaye kwamiselwa uqhagamshelwana neYunivesithi yaseZimbabwe
  - uProf Moore wamema abavavanyi bangaphandle
- Iphulo leenkonzo yeengcebiso le-Afrika elimalunga ne-Onkholoji yaBantwana

### Intsebenziswano

**Icandelo labuCala: r**

ISibhedlele saseBlaauwberg – intsebenziswano phakathi kwecandelo lorhulumente nelabucala yaye yaqwalaselwa

### Okuphunyeziweyo

**Izinto ezapapashwayo**

A. IiJenali zamahlakani zi-5 ezapapashwayo ngo-2011

B. IZahluko zeencwadi zi-5 ezapapashwayo ngo-2011

C. Kwahlaziywa incwadana yabafundi esihloko sithi " Student guide to Paediatric surgery"

D. Kwahlaziywa inguqulelo yesiBhulu ethi " studente notas in Pediatriese chirurgie"

**ZIZONKE zili-11 ezapapashwa ngo- 2011**

### Ukufundisa nokuqeqesha

Ukuzinikela ekufundiseni kubandakanya iinkqubo zabangekathweswa zidanga nabo bathweswe izidanga.

**Ukufundisa abangekathweswa zidanga** malunga nabasebenzi abasebenza ngabantwana babandakanyeka ekufundiseni abakunyaka we-2 kwi-MBChB, abakunyaka we-3 kuMBChB, abakunyaka we-4 nabakunyaka we-5 kwi-MBChB kunye nabafundi abazi-Interns kanti babekwazibandakanye kwiimvavanyo nakwiimviwo kuTyando ngokuBanzi nakwicandelo lotyando labantwana le-Middle Surgical rotation.

**Ukufundisa abasele bethweswe izidanga** kubandakanya uqeqesho loogqirha botyando kuTyando ngokubanzi ndawonye naboTyando lwaBantwana ndawonye noqeqesho olulodwa.

**Ukuqeqesha kweerejistra zotyando ngokubanzi**

Ababeqeqeshelwa utyando ngokubanzi bafumana izifundo kwiimodyuli eziphakathi nezokuGqibela kwakunye noqeqesho kwipraktikhali malunga nokujikeleza kwabasebenzi.

**Uqeqesho olulodwa kuTyando lwaBantwana**

IYunivesithi yaseStellenbosch liziko eliqinisekisiweyo laBantwana kunye noTyando lwabaNtwana, elisebenza ngokuzibandakanya kwinjongo yophando olungqalileyo.

Enye yezinto eziphambili ngo-2011 yaba kukuphuhliswa kwenkqubo entsha ye-MMed kwiyunivesithi yaseStellenbosch njenge-HPCSA eyaye yavunywa inkqubo eminyaka mi-4 yeMasters ukuvumela ukwenziwa kobungcali kuTyando lwaBantwana apho abafundi abasele benezidanga aba-4 baye baphumelela ngo-2011 yaye emva koko kwalandela ikhosi yokufundisa noqeqesho.

Njengesiphumo,

- Iintlanganiso ezihlalayo zenzeka phakathi kweeyunithi ukuxoxa ngomgaqo-nkqubo wesigulane ngasinye.
- Oku kubandakanya iintlanganiso zeveki kunye neRadiology , Paediatric Oncology, General Surgery njengeNeonatology –Paediatric Gastro-enterology ,Endocrinology,Fetal medicine , Anatomical Pathology and Clinical Genetics
- Kuye kuthi qho ngooLwezithathu emva kwemini, inkqubo yokufundisa isungulwe kubandakanywa nokuphononongwa kwezihlo zokufa nezezifo, iklabhu yejenali kunye nokufundisa ngendlela ecwangcisekileyo oko
- kusenziwa nguProf Heinz Rode owafumana inkxaso-mali evela kwi-DOE ngeenjongo zoku.
- Imijikelo yokufundisa abafundi asele benezidanga sele kuqalisiwe
- Ukwandlala nokuthatha inxaxheba kwezinye iiforam kwakusenziwa qho

- Intlanganiso emalunga nokuhlolwa kwemfambilini yaye yaqaliswa.

### Okube phambili kule nkqubo

- UGqr N Tshifularo waphumelela kwiKholeji yobuGqirha kwiimvavanyo zokugqibela ze-Fellowship in Paediatric Surgery of South Africa (FCPS(CA)). Wazigqiba izinto ezazimiselwe ukuba azenze kwisidanga se-MMed kwizifundo zotyando lwaBantwana kwaye uya kuthweswa isidanga kumsitho wothweso zidanga ngo-2012.
- UGqr C Zabiegaj-Zwick waphumelela kuviwo lokuqala lwezoTyando kwiKholeji yoBugqirha.

### Okuphunyezwe ngokukodwa

- UProfesa Moore wafumana iBhaso ngenxa yephepha lakhe elahamba phambili kwi- South African Journal of Surgery 2009-2010 yaye waye wanikwa iwonga lokuba nephepha elinjalo kwinkonfa ye-ASSA eCTICC ngo-Epreli wafumana nesiqinisekiso.
- UGqr C de Vos (irejistra) wafumana ibhaso lesibini ngenxa yephepha lakhe (kukhuphiswano lukawonkewonke) kwinkomfa ye-South African Gastro-enterological (SAGES) waza waphumelela ukumana efumana iBritish journal of Surgery.

## UTYANDO-LUNGISO NOKWAKHIWA KOBUSO OBUNENGXAKI

**Prof Frank Graewe**

NgoNovemba 2011 sasineVeki ebizwa ngokuba siSmile Week eyayixhaswe ngabeSmile Foundation South Africa. Satyanda abantwana ababenengxaki ebusweni kwanabo babenengxaki yokungahlangani kwemilebe/iinkalakahla. Satyanda nabantwana aba-2 kwelinye ityeli, sixhaswe ngabeFIFA abaxhaswa ngabe-Smile Foundation

Eli candelo lethu laye lenza uvavanyo kwiKholeji yezomlomo lisenza uTyando-lungiso lwezihlunu ngo-Oktobha 2011 kwiSibhedlele iTygerberg, emva kokuba iSibhedlele iGroote Schuur yaye yarhoxa ngomzuzu wokugqibela. Kananjalo sathi ngo-Oktobha senza ucweyo lokuqala lasebenzisa ubuchule bokukhangela amafutha kwi-stem cell. Oku kwakukokokuqala ukwenziwa kwiSibhedlele iTygerberg eMzantsi Afrika, kwaye kwakubonelelwe ngabe-Cytori.

Saqala ngothotho lwezifundo sifundisa iirejistra zethu ziqeqeshwa ngabahloli nootitshala abaqinisekisiweyo abangesosigxina, uGqr Wyne Kleintijies noGqr Liezl du Toit. Okunye okophambili okwenziwayo yaba lupapasho lwendlela entsha yekhozmethikhi yotyando lwamabele oluye lulandelelwe emva kwexesha elide nangokweziphumo zalo. Olu papasho yayilolukaGqr van Deventer.

### Abasebenzi

| IZITHUBA (ZESIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| Oogqirha abaziingcali | 2 | 2 |
| Iirejistra | 3 | 3 |
| Iirejistra ezongezelelekileyo | 1 | 1 |
| ISebe lezeMpilo libonelele iiseshoni ngemali | 5 | 5 |

| IZITHUBA (ZESESHINI – ZINGAPHI NGEYURE NGEVEKI) | | |
|---|---|---|
| UGqirha oyingcali | 10 hrs | 10 hrs |

### Isiphumo

| ABANGALALISWAYO | INANI |
|---|---|
| Ababoniweyo abangalaliswayo | 4 507 |
| Iiklinikhi zobungcali obubodwa | 178 iimeko ezasetyenzwayo zabaguli ababenkalakahla ezingavalekanga kwaneengxaki zokuma kakubi kobusol |
| Abamkelweyo | 1301 |
| Iinkqubo zaseThiyetha | 760 abaguli abaye bafakwa izibulali-zintlungu sokulalisa kanti azifakwanga ezinye) |

### Okuphunyeziweyo

UVan Deventer P., Graewe F. 2011. *Craniomedial pedicled mammaplasty based on Wuringer's horizontal septum*. **Aesthetic Plast Surg**. Oct;35(5):936-7)

### UkuFundisa noQeqesho

Luyaqhuba uqeqesho lwabafundi bezonyango asele benezidanga abakhethiwe abenza iPlastic Surgery abasuka kwiYunivesithi yaseStellenbosch naphesheya.

## ICANDELO LEYUROLOJI

**UGqr A van der Merwe (Ibambela)**

### IsiShwankathelo

Eli setyana lesibhedlele lisaqhubeka nokunika inkonzo entle ngaphandle kokungabikho kakuhle kwexesha elaneleyo lasethiyetha, abasebenzi bembalwa ngokuphathelele kwinani lezigulane ezingalaliswayo, iibhedi ezingonelanga (ingakumbi kwicandelo labagula kakhulu /intensive–care unit) izixhobo zala maxesha kwakunye nezinto ezingamaseko okusebenza. Ukuzinikela nokuthembeka kwabasebenzi bezokonga benqanaba eliphezulu yenye yee-asethi zeli setyana. Ukuthatha umhlala-phantsi ko-staff nurse Mockey yaba yilahleko enkulu e-BP East.

Uzinzo lweziswa kwithiyetha enkulu ngenxa yabasebenzi abasigxina abasebenza isigxina kwiSibhedlele iTygerberg iminyaka. USr Swartbooi, osebenza ngokwekhontrakthi, akululanga ukumyeka. Enye i-asethi enkulu ebalulekileyo kukuzinikela nokuzimisela koogqirha neerejistra angaboneleli nje ngenkonzo ephambili nephum'izandla yezonyango, koko bekwenza umsebenzi omhle kwicandelo leYuroloji eMzantsi Afrika kwinkalo yophando, amaphepha enkongolo nezinto ezipapashiweyo. UGqr Shaun Smith, uGqr Jo van der Merwe kunye noGqr Chris van de Walt baphumelela kwiimviwo zabo kwiCollege of Medicine yoMzantsi Afrika. Iingcali zonyango zathwala ubunzima obuza ngenxa yezigulane ezingalaliswayo kwaye ngabo abamele ukuligcina eli setyana lesibbhedlele lisebenza kakuhle. Ithiyetha yeskophu yenye yezona ndawo zakha zaxakeka eYuroloji kwaye zikwayinxalenye yendawo ebaluleke kakhulu ekwithiyetha enkulu. Lo mthwalo ukuba uye wasuswa kwithiyetha enkulu ngokubhekiselele kwizintlu zezigulane ezilindileyo. iScope theatre inenani lerekhodi yabangeniswe esibhedlele ngeli xesha.

### Abasebenzi

| IZIKHUNDLA (EZISIGXINA) | INANI | EZINABANTU |
|---|---|---|
| UProfesa oyiNgcali eyiNtloko | 1 | 1 |
| INgcali | 3 | 3 |
| IRejistra | 6 | 6 |
| IGosa lezoNyango | 2 | 2 |
| Irejistra eyongezelelweyo | 1 | 1 |

| | |
|---|---|
| INani leebhedi (ezisetyenziswayo): | 31 |

### Isiphumo

| IZIGULANE EZINGALALISWANGA: | INANI |
|---|---|
| C6A West | 5 404 |
| C6A East | 5 605 |
| **Zizonke** | **11 009** |
| **Iiklinikhi zobungcali obubodwa:** | |
| I-Onkholoji | 1 697 |
| I-Androloji | 567 |
| Ubume | 484 |
| I-Urodynamics | 329 |
| I-Prostate biopsies | 296 |
| **Zizonke** | **3 373** |
| **Abangenisiweyo** | |
| KwaWadi D6 | 1 271 |
| KwaWadi D4 | 48 |
| KwaWadi G4 (Paediatrics) | 6 |
| **Bebonke** | **1 325** |
| **Iinkqubo zeThiyetha** | |
| KwiThiyetha eNkulu | 730 |
| E-Cystoscopy-theatre | 2 466 |
| kwiThiyetha yotyando olungephi | 230 |
| kwi-Shock wave lithotripsy | 58 |
| **Zizonke** | **3 484** |

### Izimvo ngesiphumo

Azanelanga ezi bhedi zikhoyo zingama-31 ukuba zingakwazi ukusetyenziswa kwizigulane ezingalaliswayo ezifikelela kuma-14 000. Ixesha lokuya kwezigulane ethiyetha liyadibana nenani leebhedi ezikhoyo, kodwa alanelanga ukuba linganceda abantu bethu. Izigulane ezityanda zifakelwe intso esiye siziphononongе kwa-A7 azibandakanywanga kweli nani. Inkqubo yotyando-fakelo lwentso lisaqhuba ngempumelelo kwaye sikunye sizimisele sinamahlakani ethu akwanefroloji. Ingxaki ephambili phaya kukuba izintlu zimbalwa ukuba kungenziwa utyando-fakelo. Anyukile onke amanani xa kuthelekiswa neengxelo zango-2007 de ibe ngu-2010 ezaye zathunyelwa zineenombolo zeerekhodi kwawadi D6, izigulane ezingalaliswayo kunye neScope theatre. Xa kuthathelwa ingqalelo amanani abasebenzi elingenyukiyo, oko kuchaza ukuba amaxesha okulinda eziklinikhini nezintlu ezilindele ukuya ethiyetha ziye zigcwala kakhulu.

Ukuba uMfanekiso 1 noLuhlu 1 luye lwajongwa, into yokuqala ephawulekayo kukuba ukungeniswa kwaWadi G4 (kwelaBantwana) lehla ukusuka kwi-170 ukuya kwi- 6. Oku kungayimpazamo yogcino-ncwadi njengoko iliqela endisebenza nalo (omnye

kwabathathu) uyatyandwa kwa-40 okanye izigulane eziliqela ezithunyelwa zidlule kwaG4, ngoko ke elona nani lisenokuba lisondele kwi-170 kunyaka ophelileyo. Oku kubeka inkcazo-manani ophando yedatha yonke kwimibuzo. Umbuzo othi ingaba le datha yayigcinwe ichanekile kuzo zonke iinkalo.

Umfanekiso 1. Ukutshintshatshintshwa kwezigilane phakathi kwamacandelo eSetyana leYuroloji ngo-2011 xa kuthelekiswa neminyaka emibini eyadlulayo.

### UPhuhliso lwesibonelelo

Izixhobo ezitsha (umz iiretraktha, i-C arm ilaparoscopic vedeo unit) yaye yafuneka ethiyetha kwaye ikho into ebanakalisa ithemba elikhulu lokuba siya kuyifumana ngo-2012.

Isixhobo esibizwa ngokuba yi-High definition carmera netelevision monitors ziye zafuneka kwaye ziza kubekwa kwigumbi lethu leesemina kwa-E6. Oku kwenza ukuba sikwazi ukwenza ucweyo olusemgangathweni oluphezulu. Iplani le kukuba kusetyenziswe sona liqela leeyuroloji zaseDutch ngo-2012.

### Iinkqubo zokufikelelisa iinkonzo kuluntu.

UGr A van der Merwe watyelela eAbuja, eNigeria esiya kwenza ucweyo olwaluntsuku-ntathu mayela notyando lwe-laparoscopy ne-PKNL renal calculus. Waye wenza notyando kukho nabanye abaliqela. Kwemka umbane phantse amatyeli amane xa kwakusenziwa omnye wemisebenzi. Waye wahlala kunye nomhlali weli/welo ngenxa yengozi yokuxhwilwa nohlaselo ngeziqhushumbisi kwelo laseNigeria

UGqr Samson Maina waseKenya kunye noGqr Voctor Mapulanga waseZambia waye wazibandakanya nathi unyaka wonke waza wagoduka exakathe izakhono azifunde kweli esiya nazo kowabo. Oku kwenza ukuba kungene uGqr Rajab Kakire waseUganda endaweni yakhe oya kuba nathi de kuphele u2012.

UGqr Pedro Fernandes usebenza kunye neqela lophando laseSenegal, Uganda nase-USA, kwaye wenza isicelo senkxaso-mali ye-NIH. Olu phando lujoliswe kumhlaza osebudodeni kubantu base-Afrika.

Amalungu eli Setyana ajongene nenkonzo yovalo-nzala emadodeni ivasekhotomi, nkqubo leyo yayiququzelelwa siSibhedlele iTygerberg kunye neAssociation for Voluntary Sterilisation of South Africa (AVSSA) Le nkqubo yenze iinkqubo eziliqela zevasekhothomi ezenziwa eNtshona Koloni.

### Intsebenziswano

#### KwiSizwe


UGqr Van der Merwe waye kwiSibhedlele sasePretoria kwicandelo leYuroloji waza wafundisa apho ukwenza i- laparascopic donor nefrectomies, kwaye uya kukulandelelwa oko ukuba uthe wacelwa.

#### Izizwe zehlabathi

Umnikeli ngeprogram ebizwa ngokuba yi-laparoscopy donor nefrectomy programme eyayiqalwe ngobambiswano kunye noProf. Alex Bachmann waseBasel eSwitserland isaqhuba kakuhle. UProf. Bachmann watyelela eli setyana ngokwakhe waza wenza i-single port donor nefrectomy ekunye noGqr Van der Merwe. ISettyana lesibhedlele leYuroloji iselilo kuphela iziko elenza i-retroperitoneal single port donor nephractomies kwihlabathi liphela. Emva kokupapashwa kweemeko zethu (apho iuBasel wayengomnye wababhali) ibonakala kakhulu i- retroperitoneal single port simple kanti ne-nefrectomies zimana ukubonakala kwilitritsha. Isibhedlele iTygerberg neYunivesithi yaseStellenbosch iya kuba liziko lokuqala ezimbalini eliya kuchaza obu buchule.

Ubambiswano kwezophando lwaqala lwenziwa kwane Swiss Unit, kwaye ngo-2012 kuya kwenziwa iinzame zokunciphisa zokufunyaniswa kweTB zibe ziintsuku ezili-10 nangaphantsi, kananjalo zimlukelwe izinto.

**Umboniso 1. Ukutshintshatshintshwa kwezigulane kumacandelo eYuroloji ngo-2011 xa kuthelekiswa neminyaka emibini edlulileyo.**




**Uluhlu 1. Umfanekiso obonisa izigulane ezasweleka kwiminyaka emi-3 eyadlulayo kwiSetyana leY-uroloji**

| | 2009 | 2010 | 2011 |
|---|---|---|---|
| Ward D6 | 898 | 1275 | 1271 |
| Ward G4 | 127 | 170 | 6 |
| Ward D4 | 44 | 38 | 48 |
| OPD West | 3265 | 5161 | 5404 |
| OPD East | 5661 | 6048 | 5605 |
| Main Theatre | 890 | 837 | 730 |
| Scope Theatre | 2149 | 2323 | 2466 |
| Day Theatre | 231 | 257 | 230 |

**Okuphunyeziweyo**

| | |
|---|---|
| Amanqaku eJenali: | 9 |
| ULwandlalo kwiinkomfa zezizwe zehlabathi: | 17 |
| ULwandlalo kwiinkomfa zesiwe: | 7 |

**Okuphunyezwe ngokukodwa**

